

MACBETH

822  
332  
MACB

\*  
**NGUWILLIAM SHAKESPEARE**

Uguqulelwe esiXhoseni  
Ngu B. B. MDLEDLE, B.A.



XHOSA

~~African~~ ~~Books~~

822.332 MACB.....  
70/4053



This book was presented by  
**Hilda Buyskes Bequest**

to the Library of the University of  
**Cape Town**

LINEAR LIBRARY

C01 0058 9966



# UMACBETH

---

NGUWILLIAM SHAKESPEARE

*Uguqulelwe esiXhoseni*  
NGUB. B. MDLEDLE, B.A.

---



Johannesburg -- Cape Town

822.332 MACB

70/4053

## INTSUSA-MABANDLA

Mzi wakowethu, ongabafundi jikelele, ndikhe ndahlangana nani ngezolo nixakekile, nimbolamboleka nezikhwебу zombon' omtsha owojiweyo. Ndithe kuni, 'Khanithi ndinivulele indlela eya kulonyoko;' navuma, yasuka yatsho ukuya kunifaka eRoma, aphо nibonene khona noCaesar, noBrutus, noCassius, noAntonius, noPortia nabanye. Ndiyabulela indlela ethe yamkeleka ngayo eluntwini le ncwadana, eseyikushicilelo lwesibini ngoku.

Ke kaloku ke wathi umntu wakudala, 'uhlanga lopha ngokuphindwa.' Namhla ke ndinikhokelela eSkotlani, aphо ilizwe lithe lemiswa bume yingqangqasholo yomSkhotshi, ozibalule ngokhalipho emfazweni, nonegazi lobukhosи emi-thanjeni yakhe. Ke kaloku njengokuba indlebe ingazali kukuva, ikwanjalo intliziyo ukungazali yiminqweno. Uthe ukumkani owayengukanina kuyo naxa seletyobokisela izibele zakhe kuyo nakokwayo, hayi intliziyo yomnqweno ayakh'-itsho, ikhwezelelwа ngumfazi wayo owayengunomagugwana, osel' ezibona eyikumkanikazi. NguMacbeth lo sithetha yena.

Ngaphandle koguqulo nje, ndithe ngokukodwa kwezo ziqendwana "zingokutolikwa kwentlekele nguShakespeare", "nangamabal' engwe ngomdlalo lo," ndanicaphulela kakhulu kwizimvo zikaA. C. Bradley, oyngcali evuniweyo ngokuyiphendlaphendla imidlalo kaShakespeare, ngokukodwa leyo izizona Ntlekele zinkulu, "Hamlet", "Othello", "King Lear," no"Macbeth."

Andizimisele ke noko ukumguqula wonke uShakespeare. Sendisalelwа yimidlalo emibini, ndilubeke phantsi usiba kwelo cala, mhlawumbi ke ngelo thuba ugwece IweAfrika loba seluyibona indlela, kodwa ndingaluvusa ndithi uShakespeare 'asindlwana iyanetha', ufunu abantu abanamabunzi abanzi njengoko naye wayenjalo, hayi ke ixananaze imithambo ingaphani thuba. Nantso ke into yenu lusapho lwakowethu.

**B. B. MDLEDLE,**

**"Themb' elihle"**

**CALA**

**26/3/1959.**

## **Imidlalo kaShakespeare nezishicilelo zayo.**

Ngexesha likaShakespeare yayingento iqhelekileyo ukuba umbhali womdlalo akupapashe ngokwakhe akubhalileyo. Kude kwakwithuba leminyaka esixhenxe ebhubhile, ngo-1623, abathe abadlali ababini, uHeming noCondell, baqokelela yonke imidlalo yakhe bayenza umqulu, obizwe ngegama lokuba yiFoliyo. Kodwa ke, esaphila uShakespeare uninzi lwemidlalo yakhe lwalumana lupapashwa ngokubiwa ngabathengisi-zincwadi, ushicilelo ke olo olwaziwa ngokuba zii-kwarto. Kukho ulovo lokuba la masela abesakuya kwindlu ekuqhutywa kuyo umdlalo lowo, aze ke abhale igama ngalinye elithethwayo, kodwa noko olu luvo alomelele, kuba ubhalo *Iweshorthand* lwalungekaphuhli. Olona lunamandla lolokuba umthengisi-ncwadi ubesakuthenga omnye wabadlali ukuba ambonise ikopi yomdlalo lowo. Ezi kwarto ke bezithengiswa ngeopeni ezintandathu eSt. Paul.

Kukho iiyantluko ezikhoyo kwezo zishicilelo zidala zikaShakespeare nezi zangoku. Lindela ekuqhutywa ngazo eqongeni ziyaboniswa apha kwiFoliyo neeKwarto, kodwa bangaxelwa bona abathabatha inxaxheba emdlalweni apha. Ezinye ke izishicilelo zeeFoliyo neeKwarto zemidlalo ka-Shakespeare zipapashwe kwinkulungwane yeshumi elinesihenxe. Kuthe ke kwinkulungwane yeshumi elinesibhozo waqala ukuhlelwa umsebenzi kaShakespeare, baqala baxelwa nabathabatha inxaxheba emdlalweni lowo; neendawo ekucingeleka ukuba umboniso lowo wawukuzo.

## **Ixesha lokubhalwa komdlalo “uMacbeth.”**

Ngo-1610 mfo uthile unguSimon Forman wenza inkcazo ngo*Macbeth* kwincwadana abesakubhala kuyo iiintwanantwana, nalapho abesakugcina khona imidlalo athe wayibukela. Akachazi ukuba wawubhalwe ngubani na, kodwa naxa nje kukho ukuthi gqwidi apha naphaya kwinkcazo yakhe yakuthelekiswa neyeFoliyo, kucacile khona ukuba ngenene ngokaShakespeare. Ngoko ke *uMacbeth* akanakuba ubhalwe emva kowe-1610. Kwisithuba esikwiminyaka emithathu phambi kweli xesha kukho umgca kumdlalo obizwa ngokuba *yiPuritan* (umbhali womdlalo akaziwa) osuka uyelele kakhulu kwiNdima III, kuMboniso iv. “Endaweni yesiphoxo siya kuba nesiporo esambethe ingubo emhlophe esiya kuhlala emantla etafile.” Le ngxelo ifun’ ukuba umdlalo lo siwubeke kowe-1607. Iintsingiselo ezingathandabuzekiyo ezibhekiselele

kuKumkani uJames I. Kumbono kaMacbeth ngenzala kaBanquo nokuchaphazela kwinkohlakalo yokumkani, zinika ingqondo yokuba intlekele yenzeke akuba seleyikumkani yeIngilani ngowe-1603. Iintsingiselo eziliqela kwintetho yomthwali-mpahla (umlimi ongxwelerwe kukuwa kwamaxabiso ezilimo, nokuthethwa kwetyala lomJezuwiti ongumbolombini, noGarnett ngenxaxheba yakhe kwiyelenqe likaGuy Fawkes, nohlobo lokwenziwa kwekawusi yamaFrentshi) zifika zithi gingci kumnyaka we-1606. Ubungqina obuboniswa luhlobo lweengcinga zakhe, indlela abhala ngayo, nokuwa kwezandi zamagama emdlalweni zonke zalatha umdlalo lo ngoweli xesha. Inkoliso yeemfundi iyalamkela eli thuba 1605 - 1606 njengelona kwabhalwa ngalo umdlalo lo.

### Imvelaphi yomdlalo

UShakespeare uyiseke intlekele kaMacbeth koko athe wakuhlangula kwimbali *yeZiganeko zaseSkotlani*, eyinxenye *yeZiganeko zaseIngilani*, *nezaseSkotlani*, *nezaseAyalendi* ezbhalwe nguHolinshed zapapashwa ngo-1587. Akanele ku-sebenzia nje amabali angolawulo lukaDuncan noMacbeth, koko nalawo oKumkani uDuff noKumkani uKenneth, ube umdlalo wakhe *uMacbeth* ungadibani kanye twatsa noMacbeth wasembalini njengoko ibhalwe nguHolinshed. Mayingasisitheli noko nendawo yokuba uHolinshed ngokwakhe wayengeyiyo ingcali ethembeke kangako ekubaliseni amabali. Wabhala ngemihla ekwakungekabikho bucukubhede balunzululwazi ngokubalisa inyaniso ngeziganeko eseziidlule, kungekho bucalalu kwentelekelelo yento ebuntsomira nenyano evuniweyo. Le mbali ilandelayo yiyo evuniweyo ngababhalizimbali bala maxesha ukuba iyinyaniso ngoMacbeth waseSkotlani wenkulungwane yeshumi elinanye.

Ngowe-1031, xa wathi uMalcolm II, waseSkotlani waya kubonisa intlonelo yakhe kuCnut, iKumkani yaseIngilani, enye yeenkosana ezazimphahlile yayinguMacbeth, umzukulwana wakhe, owayetshate uGruoch, umhlolokazi. (Kukho ukungaqiniseki okuthile nokuba lo ‘Lulach’ ukhankanyekayo kamva wayengunyana kaMacbeth na nokuba sisizananina.) Kumnyaka olandelayo lo Malcolm wagebenga inkulu yolu sapho lwakwaGruoch, owayenelungelo etroneni, isenzo ke eso esinobungozi, abe uMalcolm wayezele iintombi zodwa. Uthe ke akubhubha uMalcolm, isikhundla sakhe sathatyathwa ngumzukulwana wakhe uDuncan, othe esaphila wavakalisa

ukuba unyana wakhe uMalcolm Canmore nguye indlalifa yakhe nomakalandelwe nguye etroneni. UDuncan ufumanek eYikumkani ebhetyebhetye. UMacbeth osuke waba lutshaba lwakhe, phofu oko ingenguye undazandabona, nanko eya kumhalela imikhosi yaseNorweyi phantsi kweSidwangube saseOrkni, eceba ukumgebenga, wabanga itrone. Walawula kakuhle eSkotlani, kodwa akubanga kudala zingamsuzelanga. USiward iSidwangube saseNorthambriya wahlasela iSkotlani elungiselela uMalcolm, woyiswa uMacbeth, waza wabhengeza ukuba unyana kaDuncan nguye ikumkani. UMacbeth akayekanga ukwenza umxhathalazo, akayinika kuphumla ikumkani entsha isithuba seminyaka emine. Kodwa ke uphelele ekubulaweni ngokugwazwa eLumphanan, yaseAberdeenshire.

*I*Ziganeko zikaDuncan zibonisa ubudlelane phakathi kukaMacbeth noDuncan, okanina, kuba bezalwa ziintombi zikaMalcolm II. Zichaza izimilo zaba babini: uDuncan “yimfoco enobulali ngendalo” abe uMacbeth “elinene elikhilipha, nelalibufanele ubukumkani bombuso lowo ngeyona ndlela ukuba wayengathanga abonakalise iimpawu zobujora.” Omnye wayenemfobe ngokugqithisileyo, aze uwabo abe sisiora yena. Phakathi kwezivuthevuthe zovukelo-mbuso ezaphazamisa ulawulo lukaDuncan yaba lolo lukaMacdowald owa-qokelela umkhosi wabakrokri kwiziqithi zasentshonalanga, wancediswa liqela lempu neenkanunu eziphuma eAyalendi. Wayoyisa imikhosi yokumkani eLochaber, waza naye woyiswa kwakuloo ndawo nguMacbeth. Emva koku amaSkhotshi aphethwe nguMacbeth amoyisa uSweno, ikumkani yaseNorweyi. Emva kwexesha kwafikelwa kwimigaqo yoxolo, aza amadeyini avunyelwa ukuba azingcwabe izidumbu zama-soldati awo. Bathe uMacbeth noBanquo behamba kunye ukusinga eForres, badibana neentokazi ezazi iziphelo zezinto, beva iziprofeto zazo. Kungekudala emva koku induna yaseCawdor yagwetywa eForres ngovukelo-mbuso yaza “imihlabo yayo, izinto ephila zizo, namawonga ayo anikelwa kuMacbeth ngomsa wekumkani.”

Kungelo thuba ke athe uMacbeth ngokukhumbula iziprofeto zamagqwirakazi waqala ukuthath’ ebeka engqondweni ukuba angafikelela ngayiphi na indlela kuso isitshaba. UDuncan owayetshate intombi kaSiward, iSidwangube saseNorthambalendi, wanyula unyana wakhe uMalcolm oma ze athabathe isikhundla sakhe, isenzo ke eso esithe sayiqhubela

phambili ingqondo kaMacbeth yokuba abuphange ubukumkani. Umkakhe ke akamphanga thuba emkhwezelela ukuba akulinge oku, njengentokazi eyayingunomagugwana, selevutha ngumnqweno ongethiyo wokuzibona eyikumkanikazi. Ude uMacbeth akuba elumene iindlebe nezihlobo zakhe, esiphambili kuzo inguBanquo wamgebenga uDuncan eInverness. Wenziwa ikumkani ke, baza onyana bakaDuncan basabela eIngilani naseAyalendi. Ngokubhalwe *kwiZiganeko zika-Macbeth*, ulawule kakuhle ukuqalisa kwakhe, kodwa yaya ivuka inkohlakalo. UBanquo wagetyengwa zizigwinta eziqeshelwe oko, waza uFleance akuva ukuba uyise “ngokubulawa ngengozi” njengoko wayetsho njalo uMacbeth, wasaba waya eWales. UMacbeth wakha iKhasile yaseDunsinane. Kwalindeleva ukuba induna nganye ibe noncedo elwenzayo, waza uMacduff naxa athe nje wanabantu abathumelayo, wala ukuya yena siqu, njengoko zathi zenza ngako ezinye iinduna, ngokoyika uMacbeth. “Magqwirakazi athile” ayethe amvusa ukumkani ukuba maze alumkele uMacduff, kodwa isiprofeto segqwirakazi sokuba akasayi kuze abulawe ngumntu ozelwe ngumfazi, nokuba akasayi kuze oyiswe de libe ihlathi lase-Birnam lize eDunsinane, ezo nto zamnika ukuzithemba. Inkohlakalo yakhe yahambela phambili, waza uMacduff ngokoyikisela ubomi bakhe wasabela eIngilani ukuya kukhuthaza icala likaMalcolm. Ngenxa yoko ke uMacbeth wayalela ukuba umkakhe nabantwana babulawe. UHolinshed usixeleta ngocikido athe wakubeka kulo ukunyaniseka kukaMacduff, uhlaselolweSkotlani, nokuzikhuela kukaMacbeth kwiKhasile yaseDunsinane, nokuzenza komkhosi kaMalcolm ubonakale uhlobo lumbi phantsi kwamahlamu ehlathi laseBirnam. Akububona ubukhulu bawo uMacbeth wabaleka wagejiswa ukubheka eLumphanan, apha athe wabulawa nguMacduff.

Kwimbali engolawulo lukaDuff uShakespeare wafunda ngendlela athe uDonewald ngokuqunjisa sisenzu sobundlobongela sekumkani kwizizalwana zakhe, wacinga ngoku-yigebenga ikumkani, ebisakumhambela futhi kwikhasile yakhe eForres.) Waye umkakhe engamphe thuba, emthwesa nangeendlela angathi awukhawulezise ngayo umcimbi lo. UDuff ngobusuku bokugqibela athe wahambela ngabo eForres wamuza uDonewald nabanye ngomsebenzi omhle abawenzileyo ukunqanda ihlahla labavukeli ebelifun’ ukumwela. Emva kokuba ikumkani iye kuzibeka, amaphakathi amabini azinika kwinto etyiwayo ekunye nomnini nomnikazi-

khaya. Azibetha zambhoxo, aye engazinkcinkceli nto zalapha, into leyo esiphumo sayo ibe kukoyiswa bubuthongo, alala obentlombe. Isine sabakhonzi bakaDonewald bayibulala ikumkani, ngaphambili kancinane kokukhala kweenku zokuqala, bawuthwala umzimba wayo, nanko beya kuphuma ngesango ukusinga emasimini. UDonewald ngeli xesha ubambezele iimpelesi ngeendaba, akalila wabhomboloza zakuphalazwa iindaba zogebengo, wawabulala amaphakathi emva koko. Kodwa ezinye iinduna zamranela. Izinto ezoyikekayo zeneka ngaloo mnyaka kubukumkani bamaSkhotshi, amahashe eLotiya atya inyama yamanye, isangxa sakrwitshwa sisikhova. Iinyanga zide zantandathu ilanga lingalanywa bani esibhakabhakeni emini, nenyanga ebusuku, zaye iinkqwithelo zivuthuza, bade boyika abantu besithi yimbubhiso le.

*iZiganeko zikaKenneth* zibalisa ngohlobo athe uKenneth akuba ebulele umtshana wakhe akafumana kuphumla ngenxa yamazwi abasoloko emfundekela. Ubesakuthi akuya kubeka icala phantsi, livakale ilizwi lithetha la mazwi mhlawumbi ayelele kuwo: “Ungacingi, Kenneth, ukuba ugebengo olukohlakeleyo olwenze kuMalcolm Duff lufihlakele elwazini lukaThixo wasephakadeni, njl . . . . .” Ikumkani ngenxa yeli lizwi yaba sekunkwantyeni okukhulu, kwada kwasa ingakhange ibuthi nkwe.”

Kwi*Ziganeko zikaEdward*, uMvumisi-sono (*iZiganeko za-seIngilani*) ayachazwa amandla okumkani okunyanga, kanjalo nengxelo ngokufa komfana uSiward kwithafa ledabi iya nikwa. **Ukutolikwa kwentlekele ngokwahlukileyo kwingqondo yoluntu.**

Mhlawumbi akukho ngcali ikhe yazigocagoca iintlekele kwimidlalo kaShakespeare njengo A. C. Bradley, obesakuba yiProfesa yeSihobe kwiYunivesiti yaseOxford. Ngemihla yoChaucer noDante umntu oya engcungcutheka sisigulo, kucace ukuba siyamsa apho simsa khona, mhlawumbi uphe-thwe ziintswelo, neentlupheko, ziintlondi ezimanyumnyezi, iintluphekwanza ezingeni bezisakujongwa ezi zinto njengezinto eziyintlekele kobo bomi. Kukho mandla endalweni awaziwa ngokuba *yiFortune* okanye *yiFate*. Awokuqala ezisa izinto ezintle, amanye alandelwa lusizi. Yayinjalo ke inkolelo yenkulungwane yeshumi elinesihlanu. UShakespeare naye akazilahlanga ezi nkolelo uzisebenzisa kakhulu kwimidlalo yakhe. Nothi ke nakudibana negama elithi “*iThamsanqa*,” “*iCangu*” “*iShologu*” nazi ukuba la abhekiselele *kuFortune*, nelithi “*iShwangusha*” libhekiselele *kwiFate*.

Bezisakuthi izinto zakuphethuka ngequbuliso kulowo ube engathi umi kakuhle, ebonakala onwabile engathi uzinzile, kwingqondo yeli xesha kuthiwe ‘Yehl’ intlekele’. Le nkqubo ke ibikhwezelela noloyiko. Ibisitsho amadoda aqonde ukuba umntu lo usisidalwa esiyimpumputhela nesingenakuzinceda ntweni into yokudlalisa kuloo mandla angenakuphengululwa, abizwa ngegama lokuba yiFortune okanye ngegama limbi— amandla abonakala ngathi ayancuma naye okwexeshana, aze engabhungisanga amkhahlele phantsi ekwelo kratshi lakhe.

Noko ke ekaShakespeare ingcamango ngentlekele inkulu kunoku, yaye ibetha idlule, naxa iyibandakanya nje nayo. Intlekele kuShakespeare iba soloko inento yokwenza nabantu abaphakamileyo abanje ngeekumkani okanye amaTshawe; okanye iinkokeli zobuzwe njengoCoriolanus, noBrutus, noAntony. Ngoko intlekele ngokukaShakespeare inokuthathyathwa ukuba sisihelegu esisodwa esithe sahlela umntu okwindawo ephezulu. Kodwa ke kukho nezinye izinto ezongezelelekayo. Akukho ntlekele nokuba seyibonakala ingakanani na ubukhulu bayo ingehlela umntu isihla emafini ngokombane, okanye ithi tholo ngokwesela liphuma emnymeni, ngokwesibetho, ingathi ilinike amandla igama elithi “Ntlekele.”. UJob nguyena wayemkhulu kubo bonke abantwana basempumalanga, kanti iimbandezelo zakhe zazingaphaya kokuba abe unokuzithwala; ukanti ke nokuba sesino-kuzibona zimdudulela ekufeni, oku akunakho ukulenza ibali lakhe lijongwe njengentlekele. Libe belingayi kuba yiyo ngokubona kukaShakespeare nokuba ibingumlilo noqhwithelo oluphuma entlango neentuthumbo zenyama zithunyelwa ngamandla angabonwayo. Izihelegu kwintlekele azifumane zihle nje, zingathunyelwa kanjalo, ziphuma ezenzweni nezo zenzo zibe zizenzo zabantu.

Sibona iqela labantu lijongene neemeko ezithile; sibone ngokusebenzisana kwezimilo zalo phantsi kwezi meko, izenzo ezithile. Ezi zenzo zizala ezinye kwakhona lude olu lüdwe Iwezenzo ezinxibeleleneyo lukhokelele kwisiphumo esithile sentlekele. Isiphumo ke solu ludwe ezingqondweni ngakuzenza singazijongi iintlupheko ezihamba nalò nentlekele oluphelela kuyo njengezinto ezihlela nje abo bantu, koko njengezinto ezize ngabo.

Eyesibini ingongoma yentlekele yahluka kakhulu kweyokuqala. Apha kule abantu babonakala bona ngokwabo

bengonobangela beentsizi zabo; luze ke usizi lwethu noloyiko, naxa nje lungapheli mpela noko lungabi yiyo into obe luya kuba yiyo. Ibal i gentlekele ngokubona kuka Shakespeare asizizo zenzo nje zomntu, naxa izizona zipuhhlileyo. Xa ke sithetha ngezenzo sithetha izenzo ngenene, ingezizo izinto umntu azenza esebuthongweni, koko izenzo mhlawumbi utyesho-zenzo olupela isimo somenzi. Ngamafuphi singathi umongo wentlekele yinto ephuma kwisenzo esitolika isimilo, ngamany' amazwi isimilo esizibonakalisa ngezenzo. Akho ke noko amaxa abesakuthi uShakespeare ngenxa yezizathu ezithile esingayi kuzichaza apha, abonakalise elo cala lengqondo lingathanga "dadobawo"; masithi elinje ngokuphambana, ukuhambahamba ebuthongweni, ukukhohliseka. Zonke ke izenzo eziphuma kwezi meko asizizo ezo sithi zizenzo ezibonakalisa isimilo. Hayi ezi meko zingaqhelekanga azikhe nanini na zifakwe emdlalweni njengonobangela bezenzo. Ukuhambahamba esebuthongweni kuka Nkosikazi u Macbeth akunampembelelo mpela kwiziganeko ezilandela kona. U Macbeth akamgebenganga u Duncan kuba ebone ikrwana emoyeni: wabona ikrwana kuba wayeseleza kugebenga u Duncan.

U Shakespeare kanjalo ufaka kwiintlekele zakhe izinto ezinamandla angaphaya kwawabantu, ezinje ngeziporo, namagqwirakazi. Kambe eli cala akunakwanelisa ukulichaza njengokungaqhwabi kwengqondo komnye wabatlali. Icacile yona into yokuba linefuthe ezenzweni, ewe singade sithi kwiindawo ezithile libonakala liyimfuneko ekungenakuqhubeka nto ngaphandle kwalo; kube ke ukuchaza isimo somntu, sibeke imeko phambili njengonobangela ekuphela kwakhe okhokelele kwesi senzo kunokulahlekisa ngendlela enobungozi. Kodwa ke la mandla angaphezulu kwawesiqhelo anxulunyaniswa ngokukodwa nesimilo. Anika ukomelela nento ecacileyo ukutolika iintshukumo ezingaphakathi ezhleli zikho zikhwezelela isimo somntu; kwingqondo yokuzifumana engaphumeleli u Brutus kumacebo akhe, kwingqondo enokuthandabuza mhlawumbi ephethwe luloyiko lwesazela ku Macbeth. Ifuthe lala mandla alikhe linyanzelise. Lilichaphaza nje nokuba selibaluleke ngayiphi na indlela, kuloo ngxaki iqhawe elo lijongene nayo; akukho nto ithi masithi. Nabo ke buthulwa kulo ubutyala balo kwingxaki ema lijongane nayo.

Elokuphetha kwinkoliso yeentlekele zakhe u Shakespeare akawashiyi ngaphandle 'amabona-ndenzile' mhlawumbi 'u-

kwenzeka ngengozi' ekuphembeleli ngongoma ithile esenzweni. Ngala mabona-ndenzile ke sithetha isihlo esibonakala sifumana indawo enkqubeni yomdlalo singazalwa senzo samntu nazimeko zibonakala zisiphahlile. Ke kaloku le nkqubo yala mabona-ndenzile iyinyaniso, ewe, inyaniso edandalazi-leyo, ebomini boluntu. Ukuwakhuphela ngaphandle ke mpelampela ekuchazeni intlekele singatsho ukuthi kukungayikhuphi ngokuzeleyo inyaniso. Ngelinye icala ukulipphuhlisa icala lamabona-ndenzile kwisiphumo sentlekele kunokungxwelera elokhonkco libonisa unobangela phakathi komntu, nesenzo, nentlekele. Ngoko uShakespeare uyanqaphaza ukulisebenzia.

Masikhe sisibeke nxamnye ke ngoku isenzo, size kuloo nto iyindoqo emdlalweni umntu, singazisi so iimpawu ezahlula eli qhawe kweliya, masikhangele ukuba anazinto adibana ngazo na.

Ngokungathandabuzekiyo ikho yona enye. Angabantu ababodwa. Sesibonile ukuba iqhawe kuShakespeare ngumntu ophakamileyo mhlawumbi ohlonolekileyo eluntwini, nokuba izenzo zakhe okanye iintlupheko zakhe zezohlobo olulodwa. Kodwa asikokuphela oko. Indalo yakhe iyodwa nayo, ethi ke imphakamisele ngasentla eluntwini nje. Asithethi kuthi ulidlophatyapha okanye umntu ogqibeleleyo ongenakumbi. Amaqhawe akhe uShakespeare ahlelwa yintlekele enziwe kanye ngezo zinto sizifumana kuthi ngokwethu naseluntwini jikelele. Kodwa ngokwenza bukhulu obo bomi abuphilayo kunye nabanye abantu, athi aphakanyiswe ngaphezu kwabo; abe awona makhulu kanye ephakanyiswa ngohlobo lokuba ukuba sithi sikuqonde okufunjethwe ngamazwi nazizenzo zawo, kutsho kuthi thaa kuthi ukuba ebomini asikhumbuli sidibana nabanje ngawo. Amanye awo anje ngoMacbeth azelwe engawegazi, kodwa umnqweno, nokuthabatheka nentando kuwo zikhula zibe ngamandla oyikekayo. Zibonakala izinto kuwo zityekele calanye, imo ethile ewatsalela kwindlela eyodwa; ukungabi nakho ukuzoyisa iimeko eziwatsalela kule ndlela; utsyekelo olufumbethe ukufa oluwenza abubophe bonke ubomi ngebande elinye nale nto anomdla kuyo, nembunguzulu ethile, nenkanuko mhlawumbi nomkhwa ose usisimilo sawo. Oku kubonakala kuShakespeare kuyeyona nto iyinqobo kwisenzo esifumbethe intlekele. Sisiphiwo esithwele ukufa kuso, kukwakho kuso isunswana lobukhulu; esithi sakudityaniswa nozuko lwengqondo, mhlawumbi nengqondo

ekrelekrele ngokukodwa, mhlawumbi namandla amakhulu, sifikelele kumandla agqibeleyo nasekufezezeni komphefumlo, lize lithi elo dabi ulilwayo lizuze obo bukhulu bunganele kuchukumisa nje uvelwano nosizi, koko noncomo, noloyiko nentlonelo.

### Amabal' engwe ngomdlalo lo.

Umdlalo ongentlekele obhalwe nguShakespeare uphefumla umoya wawo owodwa geqe, ovakalayo naxa kunzima nje ukuwuchaza. Isiphumo salo moya sifike sabalasela ngokukodwa *kuMacbeth*. Sibangwa ziimpembelelo ngeempe-mbelelo. Ubugxwayiba benkqantosi esentlango, icebo lamagqwirakazi, ubutyala kumphefumlo weqhawe, ubumnya-ma bobusuku, konke oku kungathi kumpompoza mthonjeni mnye.

Ubumnyama, singade sithi isithokothoko, bulengalenga phezu kwale ntlekele. Asimmangaliso sini na ukuba ezo zenso zifika zithi thaa kwa-oko engqondweni ibe zezo zithe zenzeka ebumnyameni, nokuba bobobusuku nokuba kukwindawo eyinkontyo emnyama. Umbono wekrwana, ukuge-tyengwa kukaDuncan, ukugetyengwa kukaBanquo, ukuhambahamba esebothongweni kukaNkosikazi uMacbeth, zonke ezi zinto zenzeke ngobusuku. Amagqwirakazi axhentsa kumoya othe shinyi woqhwihelo, okanye amaxhegokazi amnyama asezinzulwini zobusuku amamkela uMacbeth eqolombeni. Ubumnyama bobusuku bungunobangela woloyiko kwiqhawe eli, ewe singade sithi wokunkwantya; ke oko kumvakalelayo kuko okungumoya womdlalo lo. Ubulozilozi obumfiliba besibhakabhaka sasentshonalanga ngolwemivu-ndla buyoyikisa apha: iyure athi umhambi akhawuleze ngayo ukuya kumzi weendwendwe engosindileyo engozini, nathi ngayo uBanquo aphalise ukugoduka kanti uzisa kwabo baza kumgwinta; iyure yodwa ukukhanya kushinyanayo, yaxa abasebenzi ngobusuku barubuluzayo ukusukela amaxhoba abo, yaxa ingcuka ithi iqale ukugxwala ngayo, nesikhova ukuhula, nogebengo olutshwencileyo luchwechwayo ukuya kwenza umsebenzi walo. UMacbeth uyalela iinkwenkwezi ukuba zikufihle ukugqengezelwa kwazo ukuze iminqweno yakhe “emnyama” ibe nokufihlakala; uNkosikazi uMacbeth uyalela ubusuku obushinyeneyo ukuba bufike bambathiswe ngeyona ngubo imnyama yesihogo. Inyanga seyisiya ekutshoneni, kube kungekho zinkwenkwezi zikhanyay-o ngethuba uBanquo athi ngokoyika amaphupha ebusuku

obuzayo, azitsale ukuya kulala, emshiya uMacbeth elindele ukulila kwentsimbi embizayo. Kwakusa ngosuku olulandela-yo, ukukhanya ‘kuminxekile’ ‘ubumnyama bubungcwabile ubuso bomhlaba.’ Kuwo wonke lo mdlalo ilanga libonakala likhanya kabini kuphela; kuqala kuloo mazwi mahle kodwa abuyela kuye engawaqondi kaDuncan apho abona iinkonjane ziphapha zijkeleza loo khasile yokufa; okwesibini xa umkhosi ophinddezelayo ekuzeni kuwusonga umdlalo uqokelelanayo ukuze utshayele eli hlazo liphezu komhlaba.

Ububhetyebhetye kuNkosikazi uMacbeth buzibonakalisa ngoloyiko analo ngobumnyama; ‘Ubasoloko enesibane ecaleni lakhe.’ Ke kwintetho enye ethe yamphuluka ngoloyiko lwakhe lobumnyama naxa asebuthongweni, yileyo ingobumnyama kwindawo yeentuthumbo. Noko ke umoya womdlalo kaMacbeth asinguwo wobumnyama tsiki, kuman’ ukuthi danya ukukhanya, de maxa wambi kukhanye ngohlobo lokuba kungatyhaphaza. Nazo iindudumo kumboniso wokuqala; ikrwana lilengalenga phambi kwamehlo kaMacbeth lidanya-zela lodwa kumoya weenzulu zobusuku; isikhanyiso siphethwe sisicaka xa sona nenkosi yaso badibana noBanquo ecanda inkundla yekhasile, esinga egumbini lakhe; isikhanyiso kakhona esasiphethwe nguFleance eya kukhanyisela uyise kanti umsa ekufeni, ngokusuka sithiwe xhwi ngomnye wezigwinta; izikhanyiso ezazidangazela eholweni phezu kobuso beSiporo nezidlele ezimthwebeshu zikaMacbeth; amadangatye phantsi kweketile ebilayo ekwaphuma kuyo imibono eqolombeni; isibane esabonisa iGqira kunye nempelesi ubuso obudlekileyo namehlo athe loxe eNkosikazi uMacbeth. Ngaphezu kwakho konke akukho kuqaqamba kombala njengoko unjalo umbala wegazi. Asimposiso ukuba umfanekiso oqaqambileyo wegazi ube soloko uthiwe zibathise phambi kwethu, kungezizo ziganeko kuphela, kodwa nangeenkazo ezizeleyo. Ama-gqwirakazi emva kokubonakala kwawo kokuqala ngendlela ekrwada, kungekudala ehlide eqongeni, nanko sekusithi thu indoda egxadazelayo emajaja ligazi elivuza emanxebeni. Ibalu layo leleqhawe elithe ngesixhobo salo esitshangatshanga, esibe siqhuma sisenco segazi, sazivulela imbobo, samqangqu-lula ukusuka enkabenzi de kuse ebusweni lowo ube yimpi kulo. Kwakhona ubalisa ngedabi lesibini elinemityadidi yegazi ngokokude abalwi babonakale ngokungathi ‘bajonge ukuhlamba kumanxeba aqhumayo’. Ingumfanekiso mni wona lowo uNkosikazi uMacbeth asizobela wona xa asibulisayo

esangena nje wokubongoza imimoya yenkohlakalo ukuba ilijiyise igazi lakhe ngohlobo lokuba usizi lungabi nandlela yakuhamba ngemithambo yakhe! Iyimifanekiso mini yona leyo apho isigebenga sibonakala kumnyango womgidi sitshizwe ligazi lika Banquo ebusweni baso; nalowo ka Banquo ngokwakhe' eneenkenkema zeendumazimashumi mabini kwintloko yakhe'; ka Banquo onwele zibopheneyo ligazi encuma ehleka umgebengi wakhe; ka Macbeth ethe ntsho esandleni sakhe, esijongile sizoba lonke ulwandle oluluhlaza silwenza bomvu; ka Nkosikazi u Macbeth, ethe ntsho kwesakhe, esolutele phaya ukuze sibe kude ebusweni bakhe anganukiselwa ligazi ezingathi zonke izinongo zase Arebhiya zidityanisiwe zingabi nakho ukuloyisa ivumba lalo! Awona mazwi amanyumnyezi kuwo wonke lo mdlalo wale ntlekele ngalawo esililo sakhe esihambis' umzimba. 'Ukanti ngubani obengacinga ukuba indoda endala inegazi elingaka kuyo?' Akukho phantsi kwezi meko kuphela esithi sizotyelwe le mifanekiso. Nakwincoko nje ka Malcolm no Macduff, u Macbeth uthenelelewa ephethe intonga yolawulo exaph' igazi, ne Skotlani njengelizwe elivuzis' igazi ekuthi kuyo intsasa nganye ize noxobulo lokhoko kwizilonda ebesezikho nemityadidi yegazi. Kusuka kube ngathi imbongi iwubona wonke lo mcimbi ukwinkungu yegazi, de ibe ngathi ide yadyobha nobumnyama bobusuku ngokwabo. Xa athi u Macbeth phambi kokugetyengwa kuka Banquo abongoze amazulu ukuba aligqume elo liso li-ethe-ethe laloo mhla ulusizi, aziqwenga wenge ezo mbophelelo ezimenza abe soloko eluthwebeshu, kwaneso sandla singabonakaliyo siza kuqhawula ezo mbophelelo sithelelelewa ngathi sixhaphe igazi.

Enye indawo efika ibalasele *ku Macbeth*, kukuqaqamba, ubukhulu, nobukrwada bemifanekiso asizobela yona. Ifuthe lazo ezi zinto linempembelelo ekudaleni lo moyo womdlalo. Imifanekiso enje ngalowo wosana oluncothulwa engonweni kanina luncumancumeza, luqhekezwe ubuchopho lufe; wokuthululela ubisi olumnandi lwemvisiswano emlonyeni weshogo; womhlaba otyhwatyhwayo ngumkhuhlante; weentsizi ezimpakaza amazulu, ngohlobo lokuba ade avungame ahlahlambe ngokungathi avelana nencwina yeli lizwe; yengqondo ezele onomadudwane; yebali elibaliswa sisihiba, esizele yingxokozelo nonkwantyo, yonke itsho ingqondo yentelelelo izifumane ikulwandle olugqumayo nolulwayo, kube kukanncinane ethi inikelwe ithuba lokuba ikhe iphumle kwiingca-

mango zoxolo nobuhle. Nanini na kwakufika amagqwirakazi, sibona, sive ingxolo yeendudumo; xa amkileyo siva ingxolo yokwaphuka kweenqanawa neyeendudumo ezoyikekayo; yenkqwithela eziwisa imithi neetyalike, iikhasile, namabhotwe, neepiramidi; yesivuthuvuthu esoyikekayo ngobusuku bokugetyengwa kukaDuncan; yesivunguvane olwakhwela kuso usizi ngokosana olusandul' ukuzalwa, okanye okubotshwe kulo amahashe aziikerubhim zaMazulu. Kukho into ethandekayo ngokwenene nefika ifaneleke kwisililo esithi 'Vuthuza, moya! Yiza, tyobozo! athi ngaso uMacbeth ajike ajonge kwelinje icala kwihlathi elihambayo laseBirnam sivela kwikhasile yakhe. Wafunqulwa luqhwithelo ukuya etroneni yakhe, ke eso siphelo aya kuLangana naso, siza naso siku-maphiko oqhwithe.

---

## Abathabatha inxaxheba emdlalweni.

- UDuncan**, iKumkani yaseSkotlani.  
**UMalcolm**, iTshawe laseKhambalendi } onyana beKumkani.  
**UDonalbain**, }  
  
**UMacbeth** } Iinjengele zomkhosi wekumkani.  
**UBanquo** }  
  
**UMacduff**  
**ULennox**  
**URoss**  
**UMenteith**  
**UAngus**  
**UCaithness** } Iinduna zaseSkotlani.  
  
**UFleance**, uNyana kaBanquo.  
**USiward**, iSidwangube saseNorthambalendi, neNjengele yemikhosi yamaNgesi.  
**Umfana uSiward**, unyana wakhe.  
**USeyton**, igosa eliyimpelesi kaMacbeth.  
**INKwenkwe**, unyana kaMacduff.  
**IGqira leNgesi**.  
**IGqira lomSkhotshi**.  
**ISajini**.  
**UMthwali-mpahla**.  
**INdod'enkulu**.  
  
**UNkosikazi uMacbeth**.  
**UNkosikazi uMacduff**.  
**IiMpelesikazi zeNkosikazi uMacbeth**.  
**UHecate namaggwirakazi amathathu**.  
  
**Iinduna, iZidwesha, aMagosa, aMasoldati, iZigwinta, iiMpelesi, noThunywashed, ISiporo sikaBanquo, neminye iMibono**.  
  
**Umboniso**, — eSkotlani naseIngilani.
-

INDIMA I.

Umboniso I.

INKQANTOSI ESENTLANGO.

**Lindudumo nemibane. Kungena amagqwirakazi amathathu.**

**Igqwirakazi lokuqala.**

Thina sobathathu siya kuhlangana nini kwakhona  
Ekududumeni, embaneni, mhlawumbi emvuleni?

**Igqwirakazi lesibini.**

Yakuphela inzwinini noyaluzelo,  
Xa boyisiweyo okanye boyisileyo edabini.

**Igqwirakazi lesithathu.**

Oko kuya kuba phambi kokuba ilanga litshone. 5

**Igqwirakazi lokuqala.**

Koba ndawoni?

**Igqwirakazi lesibini.**

Enkqantosini.

**Igqwirakazi lesithathu.**

Ukuhlangabeza uMacbeth apho.

**Igqwirakazi lokuqala.**

Ndiyeza ndifung' ikat' engwevu!

**Igqwirakazi lesibini.**

Indubule iyakhala.

**Igqwirakazi lesithathu.**

Ndiyeza. 10

**Onke.**

Ubuhle lizothe, izothe bubuhle:

Ndandazelani enkungwini nasemoyeni ongcolileyo.

/Aphuma.

Umboniso II.

INKAMPI KUFUPHI NEFORRES.

**Intlokoma yamaxilongo ngaphakathi. Kungena uKumkani**  
**uDuncan, noMalcolm, noDonalbain, noLennox, neempelesi,**  
**kuhlangatyezwa iSajini eyophisayo.**

**UDuncan.**

Yiyiphi laa ndoda imagazana? Inengxelo engayinikayo,  
Ngokwembonakalo yayo elusizi, ngovukelo  
Ukuba kuxa luthini na ngoku.

## **UMalcolm.**

Yisajini le  
 Eyathi, njengesoldati elilungileyo, nelomeleleyo, yalwa  
 Indikhuela ekuthinjweni. Bayethe, khaliphandini lingu-  
 mhlobo! 5

Khawuphe ukumkani lo ukuba uyishiye ingxushungxushu  
 intangani na.

## **ISajini.**

Ibingaqondakali apho isingisa ngakhona;  
 Ngokweendadi ezimbini ezidiniweyo, ezsuka zinkonyane  
 Ziphuthise ngoko ke ulwazinzulu lwazo. UMacdonwald  
 ongenanceba—

Okumfaneleyo ukuba ngumvukeli, kuba ngaloo njongo 10  
 Iinyambalala zamatshijolo ngendalo  
 Nazo zifumba ngakuye — zivela kwiziqithi zasentshona-  
 langa

Zixhotyiswe ngemipu nangeenkanunu ezivela eAyalendi;  
 Libe ishologu libonakala liyikhuthaza loo njongo yelo  
 dari lakhe liqalekisiweyo ngoncumo,

Libonakala njengenkazana yomvukeli, ethi incuma-  
 ncumeze ngoncunyana oluyekeyeke: kodwa ke konke  
 akunto yanto; 15

Kuba ikhalipha uMacbeth, — kambe ukufanele ukubizwa  
 njalo, —

Elidela ishologu, uthe ngesixhobo sakhe esitshanga-  
 tshanga,

Esibe siqhuma sisenzzo segazi,  
 Ngokwentandane yokhalipho wazivulela imbobo  
 Wada wajongana ubuso ngobuso nekhoboka elo; 20.  
 Akazange axikixe zandla nalo, akatsho nokuthi sala  
 kakuhle kulo,

Koko usuke waliqangqulula ukusuka enkabeni de kuse  
 ebusweni,

Wayithi ngcu intloko yalo phezu kwezikanisi zethu.

## **UDuncan.**

Awu khaliphandini lesizalwane! nenendini lozuko!

## **ISajini.**

Njengoko kunjalo empumalanga 25  
 Iinkqwihelo ezaphula iinqanawa neendudumo ezoyike-  
 kayo ziqlisa khona

Kwangokunjalo kulowo mthombo lubonakala ngathi  
 ulonwabo lumphuma kuwo

Kuguguma intlekele. Qonda kakuhle, Kumkani wase-Skotlani, qonda kakuhle:  
Kwakamsinyane ubulungisa bakuxhotyiswa ngokhaliph  
Buyenze loo mikhosana ixhotyiswe ngemipu, itsibatsibayo  
yacela kwabazicatyana, 30  
Kodwa yona induna yaseNorweyi, ithe yakubona ngathi  
kuyilungele,  
Ngezixhobo ezibengezelayo, nangolangazelelo lomkhosi  
Yaqala ukuhlasela ngokutsha.

**UDuncan.**

Akuzikhwankqisanga oku  
Inkokeli zethu, uMacbeth noBanquo ?

**iSajini.**

Ewe;  
Ngokweengqabe kwiinkozi, okanye umvundla kwi-  
ngonyama. 35  
Xa ndithetha inyaniso, babe njengeenkanunu ezingxashwe  
ngakabini;  
Ngokunjalo baluphinda ukulutywatyusha ngomphindwa  
utshaba:  
Ngaphandle kokuba babe babejonge ukuhlamba kuma-  
nxeba aqhumayo, 40  
Mhlawumbi benze isikhumbuzo senye iGolgotha,  
Andingeze ndazi —  
Kambe ndinotyhafo, amanxeba am afuna ukunanzwa.

**UDuncan.**

Ngaloo ndlela amazwi akho akufanele ngayo akwanjalo  
namanxeba akho;  
Zombini ezo nto zibonisa uzuko. Hamba mbizele ama-  
gqira. 45

/Yaphuma iSajini, iphelekwa.  
Kungena uRoss.

Ngubani lowo uzayo?

**UMalcolm.**

INduna ezukileyo yaseRoss.

**ULennox.**

Athi ke! amehlo ayo ukudiza ungxamo ekulo! Kufanele-  
kile ukuba akhangeleke njalo  
Lowo ubonakala ngathi uza kuthetha izinto ezingaqhe-  
lekanga.

**URoss.**

Thixo sindisa ukumkani!

**UDuncan.**

Uphumaphi, ndunandini yozuko?

**URoss.**

EFayfu, kumkani uyingangalala;  
Apho iibhanile zamaNorweyi zingasazele nto isibhaka-  
bhaka 50  
Zibavuthela babe nengebhe abantu bethu. Ikumkani  
yeNorweyi ngokwayo,  
Nenyambalala yabantu,  
Incediswa ngulaa mngcatshi mkhulu uswel' intobel,  
INduna yaseCawdor, isiqalile isovuyevuye esibi;  
Wada loo myeni kaBellona, ethiwe gqume ngezixhobo  
ezingaphumeliyo, 55  
Wajongana naye ngobukroti obungengaphantsi kobakhe,  
Incam kwenye incam, isixhobo sovukelo kwesinye isi-  
shobo,  
Ukuthibaza umoya wakhe ongathibazekyo: ke, eloku-  
phetha,  
Uloyiso lube lolwethu. —

**UDuncan.**

Makube yimincili!

**URoss.**

Kungokunje 60  
USweno, ikumkani yaseNorweyi, ulangazelela ukuba  
kuthethwane;  
Sibe singabonanga kufanelekile ukuba angcwabe nemi-  
khuthuka ejube kwicala lakhe,  
De abe uhlawule, eSaint Colme's Inch,  
Iidola ezilishumi lewaka ukuhlangabeza inkcitho yethu.

**UDuncan.**

Ayisayi kubuya iphinde iNduna yaseCawdor isikhoh-  
hlise 65  
Ngoko kusenyongweni kuthi. Hamba ubhengeze ukuba  
mayife khona ngoku,  
Ukuze oko bekusakuba sisikhahlelo sayo, ukhahlele  
ngako kuMacbeth.

**URoss.**

Ndiya kuqononondisa ukuba oko makwenzeke.

**UDuncan.**

Oko kuyiphulukileyo, uMacbeth ozukileyo ukuzuzile.  
*/Baphuma*

### **Umboniso III.**

#### **INKQANTOSI**

**Iindudumo. Kungena amagqwirakazi amathathu.**

**Igqwirakazi lokuqala.**

Ubuphi, dade?

**Igqwirakazi lesibini.**

Ekubulaleni iihangu.

**Igqwirakazi lesithathu.**

Dade, ubuphi wena?

**Igqwirakazi lokuqala.**

Umfazi kamatiloshe ube eneziqhamo azibeke ethangeni kuye.

Wamamfula, wamamfula, wamamfula: “Khawundiphe bo,” ndizibikile: 5

‘Suk’ apha, gqwirakazindini!’ siphendule, satsho esi sidlakudla sebhinqa.

Indoda yaso nantso eAleppo, ingumphathi wenqanawa:

Kodwa ndiya kudada ngentluzo ndiye kufika khona,

Ndaye njengebuzi elingenamsila,

Ndiya kwenjenjalo, ndiya kwenjenjalo, ndiya kwenjenjalo. 10

**Igqwirakazi lesibini.**

Ndiya kukunika umoya.

**Igqwirakazi lokuqala.**

Unobubele.

**Igqwirakazi lesithathu.**

Nam omnye.

**Igqwirakazi lokuqala.**

Mna ngokwam ndinayo yonke eminye;

Kukum ukugqiba ngamazibuko edudulela kuwo, 15

Zonke iziphaluka abazaziyo

Ngokwencwadi yomphathi-nqanawa.

Ndiya kumfunxa ome ngokwengca:

Ubuthongo ebusuku nasemini abusayi

Kulengalenga phezu kweenkophe zakhe; 20

Uya kuphila ubomi bokwayiweyo.

Jiveki zesizungu ezilithoba ziphindwe kalithoba

Uya kubhitya, axwebe angcungcutheke:

Naxa nje iphenyane lakhe lingenakulahlekha,

Kodwa liya kuphoswa ngapha nangapha ziinkqwithelo 25

Jonga into endinayo.

**Igqwirakazi lesibini.**

Ndibonise, ndibonise.

**Igqwirakazi lokuqala.**

Ndinobhontsi womqhubi-nqanawa apha,  
Owashunquka eyindlela egodukayo.

/Latsho igubu ngaphakathi

**Igqwirakazi lesithathu.**

Igubu! igubu!  
UMacbeth uyeza.

**Onke.**

Iintokazi ezilawula iziphelo zezinto, zithene chu nge-zandla,  
Abahambi ngolwandle nomhlaba,  
Benjenje ukuhambahamba:  
Kathathu kuwe, kathathu kum,  
Kathathu kwakhona, ukwenza ithoba.  
Inzwi! isisukulo sigqityiwe.

**Kungena uMacbeth noBanquo**

**UMacbeth.**

Enje ukuba mbi nokuba ntle imini andikayiboni.

**UBanquo.**

Kukude kangakanani eForres? Zinto zini ezi,  
Zishwabene kangaka zibundlobongelara ngezinxibo  
zazo, 40  
Zingakhangeleki njengabemi bomhlaba,  
Ukanti zikuwo? Ningabaphilileyo? nokuba nizizinto  
Angathi umntu azithandabuze? Nibonakala ngathi  
niyandiqonda,  
Ngokuthi elowo kwa-oko abeke umnwe wakhe ogcabileyo  
Kwimilebe yakhe enqinileyo: ngathi ningabafazi, 45  
Ukanti iintshebe zenu azindivumeli ukuba ndinitolike  
Ukuba ningabo.

**UMacbeth.**

Thethani, ukuba ninakho: niziintoni?

**Igqwirakazi lokuqala.**

Bayethe, Macbeth! bayethe wena, Nduna yaseGlamis!

**Igqwirakazi lesibini.**

Bayethe, Macbeth! bayethe wena, Nduna yaseCawdor!

**Igqwirakazi lesithathu.**

Bayethe, Macbeth! wena uya kuba yikumkani emva  
koku. 50

## **UBanquo.**

Mhlekazi, kungasizathu sini ukuba ubonakale wothukile,  
ubonakale uzoyika  
Izinto ezivakala kamnandi kangaka? Egameni lenyaniso,  
Ningamampunge, mhlawumbi oko ngenene  
Nibonakala nikuko ngaphandle? Iqabane lam elizuki-  
leyo,  
Nilibulisa ngesikhahlelo elinaso, nikhankanye nokukhulu  
okusezayo 55  
Kokufumana esobunduna kwanethemba lobukumkani,  
Ngohlobo lokuba libonakale lichulumachile kuko konke  
oku: cwaka tu ngakum.  
Xa ninakho ukugocagoca iimbewu zamaxesha,  
Nibe nakho ukuxela imbewu eya kukhula nengayi  
kukhula,  
Ndixeeleni ke, mna lowo ungacengiyo, engoyiki nakanjalo 60  
Ukuthandwa mhlawumbi ukuthiywa nini.

## **Igqwirakazi lokuqala.**

Bayethe!

## **Igqwirakazi lesibini.**

Bayethe!

## **Igqwirakazi lesithathu.**

Bayethe!

## **Igqwirakazi lokuqala.**

Ongaphantsi kuMacbeth, nomkhulu kunaye. 65

## **Igqwirakazi lesibini.**

Ongonwabanga kangako, kanti owonwabe ngaphezu-  
lwana.

## **Igqwirakazi lesithathu.**

Uya kuzala iikumkani, noxa wena ungayi kuba yiyo:  
Ngoko, Bayethe, Macbeth noBanquo!

## **Igqwirakazi lokuqala.**

Bayethe, Banquo noMacbeth!

## **UMacbeth.**

70

Yenzani kuhle, bathethi bentetho engatsolanga, khani-  
ndityhilele ngaphezulu:

Ndifung' uSinel' efile, ndiyazi khona ukuba ndiyiNduna  
yaseGlamis;

Kodwa ndiyeyaseCawdor njani? INduna yaseCawdor  
isekho nje,

Inene elinezinto zalo; kona ukuba yikumkani

Asiyiyo nento umntu angade ayifake nasengqondweni,  
Kwanjengaleyo yobuCawdor. Khanitsho ke ngumhlola  
wengcamango eniwuthabathaphi lo? 75

kube kungasizathu sini

Ukuba nisimise kule mpengempenge yenqantosi  
Ngezikhahlelo eziprofetayo? Thethani ndinibek' ityala.  
**/Ee dukalala amagqwirakazi**

**UBanquo.**

Umhlaba uneenkwilisi, njengoko amanzi enjalo,  
Ezi ke yinxenye yazo. Zithe shwaka zasingaphi? 80

**UMacbeth.**

Emoyeni, kube oko bekubonakala kungumzimba kunyiblike

Ngokomphefumlo emoyeni. Akwaba bezikhe zaziziliza!

**UBanquo.**

Zingaba izinto ezinjengezi sithetha ngazo bezilapha?  
Okanye sikhe saluma ngcanjini ithile iphambanisayo  
Ethi iyibambe nkwathatha ingqiyo ibe ngumbanjwa? 85

**UMacbeth.**

Abantwana bakho baya kuba ziikumkani.

**UBanquo.**

Wena uya kuba yikumkani.

**UMacbeth.**

KwaneNduna yaseCawdor kanjalo; akutshiwongo njalo  
sini na?

**UBanquo.**

Abethe kwelo khondo kanye loo mazwi. Ngubani lowo?

**Kungena uRoss noAngus.**

**URoss.**

Ukumkani uzamkele ngemincili, Macbeth,  
Jindaba zempumelelo yakho; abe xa afunda 90  
Ngemigudu yesiqu oyenzileyo kwidabi labavukeli  
Ukhwankqiso lwakhe nezincomo zakhe ziyadideka  
Ukuba kukuphi na oma kube kokwakho kube kukuphi  
na okwakhe.

Esathe khumanqa koko,

Uthi akulongalonga ezinye izinto zaloo mhla,  
Akufumane usemsini wemikhosi ekhaliphileyo yama-  
Norweyi, 95

Kungekho nto uyoyikayo yoko ukwenzileyo,  
Imibono engaqhelekileyo yejidumbu. Zifumbe ngokwe-  
sichotho

Izithunywa esinye emva kwesinye, siseso sisizisa  
Izincomo ngawe ngokhuselo olukhulu lobukumkani baso,  
Sizithulula phambi kwakhe.

**UAngus.**

Sithunyiwe 100  
Ukuba sikuzisele imibulelo evela kwinkosi yethu umntwan' omhle;  
Size sihambe nawe siye kuyo,  
kodwa singakuhlawuli.

**URoss.**

Waza, wanomnqophiso wewonga elikhulu ngaphezulu,  
Athe wandiyalela, njengophuma kuye, ukuba ndikubize  
ngokuba uyiNduna yaseCawdor: 105  
Endithi ke ngelo wonga, bayethe, wena nduna izuke  
ngokukodwa!  
Kuba lelakho.

**UBanquo.**

Yini le! ongendawo unakho ukuthetha okuyinyaniso?

**UMacbeth.**

INDuna yaseCawdor isekweli gada; kungasizathu sini  
ukuba  
Ndinxityiswe iingubo zemboleko?

**UAngus.**

Obeyinduna usekweli gada;  
Kodwa phantsi kwesigwebo esinzima usakokose obo  
bomi 110  
Afanelwe kukuphulukana nabo. Nokuba wayencedisana  
Nabo baseNorweyi, mhlawumbi wancedisa abavukeli  
Ngoncedo olufihlakeleyo mhlawumbi ngamalungelo,  
mhlawumbi ngazo zombini  
Wasebenzela ukwenzakalisa izwe lakhe, andazi;  
Kodwa ityala lokungcatsha, alivumayo nelifumaneneke  
linjalo, 115  
Limqethule.

**UMacbeth**

(Bucala) UGlamis, neNduna yaseCawdor:  
Elona likhulu lisaza kulandela. (KuRoss noAngus.)  
Nangamso ngokuzikhathaza kwenu.  
(KuBanquo) Akunathemba sini na lokuba inzala yakho  
iya kuba ziikumkani,  
Xa nje abo banikele ubuNduna baseCawdor kum  
Bethembise kwakangako kubo?

## **UBanquo.**

Leyo nkolo igqibeleyo kwisiprofeto, 120  
 Isenokukukhwezelela usukele isitshaba,  
 Sibubeka nxamnye ubuNduna baseCawdor. Kodwa  
 ngummangaliso:  
 Kwaye amaxesha amaninzi, ukusidudulela koko kuyingozi  
 kuthi,  
 Abo basebenzela ubumnyama basixeleta iinyaniso,  
 Basinya iimbilini ngokusixeleta okuyinyaniso ngee-  
 mvilikitshane 125  
 Ukuze sikhohliseke kwizinto ezibalulekileyo.  
 Zizalwane, izwana nje, ndiyaniibongoza.

## **UMacbeth.**

(Bucala) Kuthethwe iinyaniso ezimbini,  
 Ezizizandulela zochulumacho kwisenzo esiza ngogugumo  
 Somcimbi wobukumkani. Ndiyanibulela, manene.  
 (Bucala) Olu hlongozo ngabelemimoya 130  
 Alunakufumbatha nkohlkalo, lufumbathe ubulungisa;  
 ukuba lubi,  
 Kungasizathu sini ukuba lundinike umnqophiso wempu-  
 melelo,  
 Ube yinyaniso kwasentloko? NdiyiNduna yaseCawdor:  
 Ukuba lulungile, kungasizathu sini ukuba ndiwe kweso  
 silingo  
 Simbono waso woyikeka ngohlobo lokude undivusele  
 amanwele, 135  
 Lutsho nentliziyo yam ezinzileyo ingongoze ezimbanjeni  
 zam,  
 Ngokuchaseneyo nokusebenza kwendalo?  
 Amavuso angoku akanto akuthelekiswa nezicamango  
 ezyoyikekayo;  
 Ingcamango yam, esazamazamana nokugebenga  
 Iyayovuyavuya imo yam yobuntu enamandla okwenza 140  
 Icudiswa ngala mathatha-ndibeka, akukho nto kuyiyo  
 kum  
 Ingengawo la mathatha-ndibeka.

## **UBanquo.**

Jongani indlela umhlobo wethu agcobe ngayo.

## **UMacbeth.**

(Bucala) Xa iimeko zinokundenza ukumkani, tyhini le,  
 iimeko zinokundibeka isitshaba,  
 Ndingenamigudu ndiyenzileyo.

**UBanquo.**

Iimbeko ezintsha zinikelwa kuye,  
Kanye ngaloo ndlela iingubo zethu ezintsha, zingana-  
matheli ngayo emzimbeni  
De zibe zincedwa kukusetyenziswa. 145

**UMacbeth.**

(Bucala) Kungehla okuhlayo,  
Eyona mini imbi, livuthuzayo ngayo, ide ifikelele esiphe-  
lweni.

**UBanquo.**

Macbeth ozukileyo, sihleli kuba kusathanda wena.

**UMacbeth.**

Ndipheni ukholo Iwenu: ingqondo yam enyabileyo ibe  
idutyadutywa zizinto esezipalekile. Manene ndini  
anobubele, 150  
ukuzikhathaza kwenu kubhalwe apho ndiya kuthi yonke  
imihla ndakutyhila iphepha ndikufunde. Masiye  
kukumkani.

Kukhumbuleni oko kuhlileyo; size sinethuba sikhulule-  
kile,

Ithuba ke eloba selisenze sanakho ukukhlengahlengisa  
ezingqondweni, sithethe ke ngeentliziyo ezikhululeki-  
leyo omnye komnye.

**UBanquo.**

Ngovuyo olukhulu. 155

**UMacbeth.**

De kube lelo thuba ke, ngathi kusanele. Yizani, zihlobo.

/Baphuma.

**Umboniso IV.**

EFORRES. KWIGUMBI ELISEBHOTWE.

**Intlokoma yamaxilongo.**

Kungena uDuncan, noMalcolm, noDonalbain, noLennox,  
neempelesi.

**UDuncan.**

Angaba selexhonyiwe sini na uCawdor? Abo bebenyu-  
lelwe oko abakabuyi yini nje?

**UMalcolm.**

Nkosi yam,  
Abakabuyi; kodwa ndikhe ndathetha nomnye ombonileyo  
xa afayo;  
Obika athi ngenene uzivume phandle izenzo zakhe  
zokuvukela umbuso, 5

Waye engxengxeze kuwe mhlekazi ukuba umxolele exela  
ukuzisola

Okunzulu. Akukho nto kubomi bakhe eyakha yamfa-  
nela njengokwahlu<sup>n</sup>kana kwakhe nabo; ubhubhe nje-  
ngomntu

Obufundeleyo ubugcisa bokufa

Ukuze abonakale elahla eyona nto ixabisekileyo awakha  
wanayo, 10

Ngokungathi ibubuvilikitshane obungento yanto.

### UDuncan.

Abukho ubuchule

Bokufumana indalo yengqondo yomntu ngokumfunda  
ebusweni:

Yena ubelinene ebendibeke kulo

Ithemba elipheleleyo.

Kungena uMacbeth, noBanquo, noRoss, noAngus.

Awu sizalwane sizuke ngokugqibeleyo!

Isono sokuswela kwam umbulelo kude kube ngoku 15

Sithe zinzi phezu kwam. Ut<sup>e</sup> qe<sup>e</sup>lele ngaphambili

Kangangokuba umnqweno wokuhlawula usuka usilele  
kwizenzo zakho

Eziphakamileyo; akwaba ubungafanele okungaka,

Ukuze endinokukunika kona ngemibulelo nangentlawulo

Ndibe nokufikelela kuko! kuhela ndingasuka ndithi, 20

Kukhulu onebango kuko kunako konke endingathi  
ndikuuhlawule kona.

### UMacbeth.

Inkonzo nentobel<sup>e</sup> endinobutyala ngazo,

Ekukwenz<sup>e</sup>ni oku, zizihlawule. Kuyimfanelo yakho,  
mhlekazi

Ukwamkela esikwenza ngemfanelo; zibe ke iimfanelo  
zethu

Zisenzelwa itrone yakho nombuso, abantwana nezi-  
caka; 25

Ezenza oko zifanel' ukukwenza, ngokwenza konke

Ukukhusela uthando lwethu kuwe newonga lakho.

### UDuncan.

Wamkelekile apha:

Sendiqalile ukukumilisela, ndaye ndiya kwenza imigudu

Ukuba ukhule ngokugqibeleyo. Banquo ozukileyo,

Nawe akuwi phantsi, kwaye makwazeke 30

Ukuba akwenzanga ngaphantsi, mandikusonge

Ndikusondeze kuyo intliziyo yam.

**UBanquo.**

Ukuba ndithe ndakhula apho,  
Isivuno soba sesakho.

**UDuncan.**

Imincili yam ephuphumayo,  
Ayithinteleki, ifuna ukuzifihla kumathontsi osizi. 35  
Bonyana, zalamane, zinduna,  
Nani simeleneyo nani, yazini  
Siya kulishiya ilifa lethu  
Kwinkulu yethu, uMalcolm, esimnika isikhahlelo uku-  
thabathela ngoku  
Sokuba liTshawe laseKhambalendi; imbeko ke leyo  
Ama kathiwe wambu ngayo, ingahambi yodwa, 40  
Koko iziganeko zozuko, ngokweenkwenkwezi, ziya  
kukhanya  
Phezu kwabo bonke abazifaneleyo. Ukusuka apha  
kubhekiswa eInverness,  
Apho ndisaya kuba ngumthwalo kwakuwe.

**UMacbeth.**

Ukuphumla okungasetyenziselwa ukukhonza wena asi-  
kuphumla oko:  
Seyiya kuba ndim umgabuli-zigcawu ndivakalise iindaba  
zovuyo 45  
Kumfazi wakowethu, zokuza kwakho;  
Ngoko ke, ngokuzithoba mandicel' indlela.

**UDuncan.**

Cawdor wam ozukileyo!

**UMacbeth.**

(Bucala) ITshawe laseKhambalendi! Elo ke linqwanqwa  
Endiza kukhubeka kulo, umhlawumbi ndilitsibe,  
Kuba lithe zibathise endleleni yam. Zinkwenkwezi  
kufihleni ukubengezelwa kwenu! 50  
Ukukhanya makungayiboni iminqweno yam emnyama  
neyendeleyo;  
Iliso malicimele kokwenziwa sisandla; kanti makwenzeke  
oko iliso  
Likoyikayo ukukubona xa sekwenzekile.

/Waphuma

**UDuncan.**

Kuyinene, Banquo ozukileyo; uzele lukhalipho yena,  
Ndaye ndisondliwa zizincomo zakhe; 55  
Zingumgidi kum. Masimlandele,

Lowo uzikhathaze ngokusandulela ukuze samkelwe  
nguye:

Uisisizalwane esingenagxa. /Intlokoma. Baphuma.

### Umboniso V.

EINVERNESS. KWIKHASILE kAMACBETH.

Kungena uNkosikazi uMacbeth, efunda ileta.

Badibana nam ngemini yempumelelo; ndaye ndifumene eyona ngxelo iqinisekileyo, yokuba kukhulu okukubo kunolwazi lwexesha. Ndithe ndisalangazelela ukubabuzabuza, basuka bee dukalala, bangumoya. Ndithe ndisemi ndikhwankqiswe koku, bona ke nazo izijoli zivela kukumkani, ezikhahlele kum. Nduna yaseCawdor; isikhahlelo ke eso ezi ntokazi zivus' amanwele ebezindibulise ngaso, zaza zandixeleta nokuba ekuhambeni kwexesha kokhahlelwa kuthiwe, 'Bayethe wena uya kuba yikumkani!' Ndikufumene kufanelekile ukuba ndikwazise oku, wena ntandanekazi ndini yam iliqabane lokuxhamla nam iimbeko, ukuze ungaphoswa yinxaxheba yokuchulumacha eye-yakho, usenziwa kukungabazi ubungangamsha othenjiswe bona. Kugcine oku entliziyweni yakho, usale kakuhle.

UnguGlamis; noCawdor; waye uza kuba yiloo nto uyithenjisiweyo.

Kanti ke ndinoloyiko ngendalo yakho; 15

Iyaphuphuma lubisi lobubele bobuntu

Ukuba ube unokuthabatha eyona ndlela imfutshane;  
ube uya kuba mkhulu,

Ukuthand' udumo akukuswele kona, kodwa uswele loo  
ntliziyo imnyama

Efanel' ukuhamba nako; oko unga unganako kuphaka-mileyo,

Unga unganako ngendlela engcwele; akungi ungenza  
okungafanelekanga, 20

Ukanti ukuba uza kuzuza ngokungekho mfanelweni;  
umelwe kukuba naloo nto, ngangalala ndini Glamis,  
Idanduluka ithi, "Ukuba uza kukuza oku, ke umelwe  
kukusenza isenzo;"

Kube oko ukoyikayo ukukwenza

Ude unqwenele ukuba kube bekungenziwe. Khawuleza  
uze apha,

Ukuze ndithululele umphefumlo wam endlebeni yakho, 25  
Ndikohlwaye konke ngokhalipho lolwimi Iwam

Okukukhubayo ekuyeni esitshabeni,

Elithe icamagu ngoncedo lwezinto ezingezizo zeli lizwe  
labonakala  
Lithanda ukuba uthweswe isitshaba.

Kungena isigidimi.  
Uza nazindaba zini?

**ISigidimi.**

Ukumkani uza kufika apha ngokuhlwanje.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Uphambene ukuthetha into enje.

Inkosi yakho ayikho kuye sini na? ngubani ke, xa  
kunjalo,

Onokuba unikele imiyalelo yokuba kwensiwe amalungi-  
selelo.

**ISigidimi.**

Makukholeke kuwe, kuyinene: induna yethu iyeza;  
Omnye weqela lethu uyishiyile ngamendu,  
Ofike, ekhohlwe nakukuthetha liphika, akathetha nto  
iyenye

35

Engelulo udaba olo lwakhe.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Mhoyeni;

Uza neendaba ezinkulu. — [Saphuma isigidimi] Ihlungulu  
eli ngokwalo linelizwi elinamalolo

Elivakalisa ukufika okuthwele ukufa kukaDuncan

Phantsi kwezikanisi zam. Yizani, mimoya

Ejongene neengcamango ezisingethe ukufa! Susani  
ubufazi kum apha,

40

Nindingxale ukusuka entloko kuse eluzwaneni, ndi-  
phuphumé

Ngeyona nkohlakalo imbi; lijiyiseni igazi lam,

Valani zonke iimbobo ezikhokelela elusizini,

Ukuze kungabikho kufikelwa lusizi Iwendalo

Oluya kugungqagungqisa injongo yam embi, noluya  
kuthi luxabe phakathi

45

Kwenjongo nokuphunyezwa kwayo! Yizani kumabele  
am obufazi

Niwathabathe amasi am njengenyongo, nina bakhonzi  
bogebengo,

Naphina nikwisimo senu sokungabonakali

Apho nithi nincedise amandla okutshabalalisa endalweni!

Yiza busuku ndini buthe shinyi,

Uzithe wambu ngowona msi umnyama wesihogo,

50

Ngokokude isitshetshe sam esibukhali singabi nakulibona  
inxeba esilenzileyo,  
Namazulu angabi nakukroba kuloo ngubo yobumnyama,  
Adanduluke athi, ‘Yima, yima!’

**Kungena uMacbeth.**

Ngangalala ndini Glamis! Cawdor ozukileyo!  
Ngangamsha ingaphezulu kwazo zombini, ngobayethe  
emva koku!  
Iileta zakho zindifunqule zandibeka ngaphaya      55  
Kweli thuba lokungazi, ndiziva ngoku  
Ikamva lilapha ngalo mzuzu.

**UMacbeth.**

Sithandwa sam siyintandane,  
UDuncan uza apha ngokuhlwanje.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Aze anduluke nini apha ?

**UMacbeth.**

Ngomso, ngokweenjongo zakhe.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Hi! ilanga alisayi kuze lilibone elo ngomso.      60  
Ubuso bakho, nkosi yam, bunjengencwadi abanokuthi  
abantu  
Bafunde kuyo izinto eziyimihlola. Ukulungela ixesha eli,  
Zifanise nexesha, umoya wokwamkela mawube selisweni  
lakho,  
Esandleni sakho, elulwimini lwakho: khangeleka ngokwe-  
ntyatyambo engenakumbi,  
Kodwa ube uyinyoka le ngaphantsi kwayo. Lowo  
uzayo      65  
Makalungiselelw; waye uya kuwubeka  
Lo mcimbi mkhulu wobu busuku ezandleni zam;  
Oya kuthi kubo bonke ubusuku bethu nemihla esezyao  
Unikele kuthi kuphela ulawulo lobukumkani nokuphatha.

**UMacbeth.**

Siya kubuya sithethe.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Imbonakalo yakho mayingabonakalisi kudideka;      70  
Ukubonisa lusu lumbi kukudiza futhi iimpawu zoloyiko.  
Yekela kum konke okukokunye.      /Baphuma.

## **Umboniso VI.**

**KWALAPHO. PHAMBI KWEKHASILE.**

### **Amaqunube nezibane.**

**Kungena uDuncan, noMalcolm, noDonalbain, noBanquo,  
noLennox, noMacduff, noRoss, noAngus neempelesi.**

### **UDuncan.**

Le khasile inesihlalo esimnandi; umoya  
ohlaziyayo nomnandi uyanelisa  
Kwimizimba yethu enobulali.

### **UBanquo.**

Olu ndwendwe lwehlobo,  
Inkonjane ebasoloko ikho ezitempileni, ibonisa ukukholi-  
seka

Ngokuzakhela indlu yayo ethandekayo kuba umoya  
wesibhakabhaka 5

Unuka ngokulobayo apha: akukho ziphongo, ludini  
lwaludonga,

Zisekelo, magolonxa afanelekileyo, kodwa le ntaka  
Yenze indlu yayo elengalengayo nendawo yokuzalela:  
Apho zikhola ukuzalela kakhulu khona nokutyelela  
futhi,

Ndibe nokuphawula ukuba umoya upholile.

**Kungena uNkosikazi uMacbeth.**

### **UDuncan.**

Khawubone, khawubone, umnikazimzi obekekileyo, ne-  
siziindwendwe zakhe!

Uthando lwabalandeli bethu maxa wambi luba yinka-  
thazo,

Esithi ke noko silubulele njengothando. Kule nto ndiya  
nifundisa

Indlela ema nithandaze uThixo ngayo ukuba asibonise  
iindlela zokubulela;

Sibulele ngenxa yokuzikhathaza kwenu.

### **UNkosikazi uMacbeth.**

Yonke inkonzo yethu,

Kwintwana nganye ethe yenziwa kabini, yaza yabuya  
yaphinda yenziwa, 15

Ibingento yanto, iligcuntswana nje, ukuba ibe nokuthele-  
kiswa

Nezo mbeko zinzulu zibanzi othe

Wena Mhlekazi wazithululela phezu kwekhaya lethu;  
ezo zindala,

Nezi zintsha ezithe zagalelwa ngaphezulu kwezo bezikho,  
Siba soloko sikuthandazela.

### UDuncan.

Iphi iNduna yaseCawdor? 20  
Sihle sabekaka kwasezinyaweni zayo, saye sinenjongo  
Yokuyandulela ukuze siylungiselele into etyiwayo;  
kodwa iyinkweli,  
Lube uthando Iwayo olukhulu, olububazi ngokwezipolo  
zayo, luyidudulele  
Emzini wayo ngaphambi kwethu. Mnikazimzi uyinzwa-  
kazi nozukileyo,  
Siziindwendwe zakho ngokuhlwanje.

### UNkosikazi uMacbeth.

Abakhonzi bakho baba soloko 25  
Benezabo, ngokwabo, kube oko kukokwabo, kufanelekile  
ukuba kubekwe  
Phambi kwakho mhlekazi,  
Kube ngokwenjenjalo kubuyiselwa okwakho kuwe.

### UDuncan.

Ethe isandla sakho;  
Ndikhokele undise kumninimzi endilundwendwe Iwakhe:  
simthanda ngokungaphaya,  
Saye sisaya kuqhubela phambili iimbeko zethu kuye. 30  
Ngemvume yakho, mnikazi-khaya. /Baphuma.

## Umboniso VII.

### KWALAPHA. IGUMBI KWIKHASILE

**Amaqunube nezibane. Kungena, kunqumle apha eqongeni,**  
**Injoli, nentlaninge yezicaka nezitya zokutya nokuququzelela**  
**abantu.**

**Kungena ke uMacbeth.**

### UMacbeth.

Ukuba besinokugqitywa, ngethuba esenzeka ngalo,  
besiya kuba siqhubeke kakuhle  
Xa senzeke ngokukhawuleza; ukuba ugebengo beluno-  
kuthintela okusezayo,  
Kuzuzeke impumelelo ngokuthintelwa koko kusezayo;  
ukuze eli galelo  
Libe yinto yonke ngoku nesiphelo sako konke khona  
apha, 5  
Kuphela kulapha, phezu kolu donga nesithabazi sexesha,

Esinokuthi senze amabona-ndenzile ngobomi obusezayo.

Kodwa kwizinto ezinje

Siba soloko sasifumana isigwebo kwalapha; ngokuthi sifundise abanye

Ukuba baqhube ngaloo ndlela senze ngayo, baze bohlwawye ngenxa yomzekelo wethu; oku kusebenza kobulungisa bungenamkhethe 10  
kubeka indebe esiyigalele ubuthi emilebeni yethu.

Zibini izizathu ezifanel' ukumenza azive ekhululekile apha:

Kuqala, njengokuba ndisalamana naye, ndaye ndibusakuye kanjalo,

Iinto ke ezo zombini ezizizizathu ezomeleleyo ukuthiba isenzo sobugebenga; kanjalo nje ngolu ndwendwe lwam,  
Ekuyimfanelo yam ke ngoko ukuba ndimkhusele ekugetyengweni, 15

Ingabi ndim omgebengayo. Nangaphandle koko, lo Duncan

Uwasebenzise amagunya akhe okulawula ngokuzibamba okungaka,

Engazanga walathwa ngamnwe wazigxeko elulawulweni lwakhe,

Kangangokuba ubulungisa bakhe buya kuzibika ngeelwi-mi zeengelosi

Eziya kubhonga ngokwamaxilongo ukuchasa isikizi letyala elingaxolelekiyo logebengo; 20

Luze usizi, nje ngemvekwana ebhushula ze, esandul' ukuzalwa

Efunqulwe luqhwithelo, mhlawumbi ziikherubime zamazulu,

Ikhwele imimoya engabonakaliyo, luye kulibonakalisa Eli sikizi libi emehlwani abantu,

Ngoħlobo lokuba iinyembezi ziwigubungele umoya.  
Andinanjongo 25

Indidudulayo, ngaphandle kokuthand' udumo okunge-namida,

Okutsiba kuye kutsho ngaphaya komgca

Kuye kuwa kwelinje. —

**Kungena uNkosikazi uMacbeth.**

**Yintoni ngoku! zezithini?**

**UNkosikazi uMacbeth.**

Selephants' ukuba ugqibile ukutya: umkele ntoni egumbini?

**UMacbeth.**

Ukhe wandibuza?

**UNkosikazi uMacbeth.**

Akwazi ukuba ukwenzile oko? 30

**UMacbeth.**

Asisayi kuba sahambela ndawo nalo mcimbi:  
Yena usandul' ukundithi jize ngewonga kutshanje; ndaza  
ndacingelwa

Phezulu zizo zonke iindidi zabantu,  
Ekufuneka linxityiwe ngoku lisamenyezela nje bubutsha,  
Lingajulwa phaya kusekutsha kangaka.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Lingaba ithemba eli belibangwa lunxilo, 35  
Obe uzithe wambu ngalo? Lingaba likhe lasebuthongweni  
ukuthabathela oko,

Ube ulivusa ngoku, selikhangeleka ligula, linkwantya,  
Koko likwenze ngentando yalo? Ukususela ngoku  
Ndiya kuluthabatha ukuba lunjalo uthando. Uyoyika  
ukuba yiloo nto

Kuso isenzo sakho nobukhalipha 40  
Uyiyo ngomnqweno wakho? Unga ungazuza oko  
Ukucingel' ukuba kuzizihombiso zobomi,  
Uphile ubomi begwala ekuboneni kwakho,  
Uvumele uloyiko lulawule umnqweno,  
Ngokosizana lwekati yaseqhalweni.

**UMacbeth.**

Ndiyakubongoza, zola. 45

Ndingakwenza konke okufanele indoda;  
Onokwenza ngaphezulu akakho.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Ibisisilo sini ke,  
Esikubangel' ukuba undiphalazele olu daba?  
Ngethuba okwenze ngalo oko, ube uyindoda ke;  
Kwaye, ukudlula kuloo nto ube uyiyo, kuya kufuneka 50  
Ubonakalise ubudoda obungaphezulu. Akubangakho  
thuba nandawo  
Zithe zalunga ngoko, ukanti ube unga ungazenza zombini:  
Zizenzile, ke kaloku oko kuzilungisa kwazo kubethe  
woyika.

Mna sendikhe ndamuncisa, ke ndiyayazi  
Imfobe yokubungezelela usana endikhe ndalwanyisa: 55  
Bendingathi lusancumancumeza lundijonge emehlwani,  
Ndiyinthule ingono yebele lam kwezo ntsini zalo  
zingekabi namathambo,  
Ndiluqhekeze ubuchopho, xa bendithe ndenza izifungo  
ezinje  
Ngokuba wenjenjalo wena kule nto.

**UMacbeth.**

Xa sithe sawa phantsi, —

**UNkosikazi uMacbeth.**

Sawa phantsi?

Khawubonakalise isibindi, 60

Saye asiyi kuwa phantsi. Wothi xa aleleyo uDuncan,  
Ubuthongo, eya kuthi ihambo yakhe enzima yasemini  
Imthumele kobunzulu kanye, aze amaphakathi akhe  
amabini

Ndiwathe ngotywala oyisakale,  
Ukuze inkumbulo, loo mgcini ulondoloze ubuchopho, 65  
Ingazazi apho ikhoyo kukudakwa, ize ingqondo yona  
ngokwayo

Ibe ngumthayi wokubilisela utywala kuphela;

Xa kobo buthongo bobuhangu

Imo yawo ilele ingamaxazi, njengabafleyo,

Yintoni uwena nam esingeyenzi

Kuloo Duncan ungalondolozwe bani? Iyintoni esingeyi-  
tyikili 70

Kumaphakathi akhe adakiweyo, aya kuthi ambathiswe  
ityala

Logebengo lwethu olukhulu?

**UMacbeth.**

Zala abantwana abangamakhwenkwe kuphela;

Kuba ukhalipho lwakho olungoyikiswa nto alufanele  
kuyila

Nto yimbi ingengawo amaduna. Akuyi kucingwa,

Sakuba sityikile ngegazi abo babini baleleyo 75

Begumbi lakhe saza sasebenzisa izinkempe zabo,

Ukuba oku kwensiwe ngabo?

**UNkosikazi uMacbeth.**

Xa ingubani obengayibona ngaluhlobo lumbi,

Njengokuba siya kuyibonakalisa intlungu yethu ngokuthi  
sigxwale

Sibhomboloze ngokufa kwakhe?

**UMacbeth.**

Ndigqibile, ndaye ndililungiselele ilungu ngalinye  
Lomzimba wam kulo mcimbi ulisikizi. 80

Khwelela, ukhohlise okweli thuba ngezinto ezintle:  
Ubuso benkohliso mabufihle oko kwaziwa yintliziyo  
enenkohliso. /Baphuma.

## INDIMA II

### Umboniso I.

EINVERNESS. KWINKUNDLA ENGAPHAKATHI KWEKHASILE.

**Kungena uBanquo noFleance, nesicaka siphethe isibane.**

**UBanquo.**

Bunjani obu busuku, kwedini?

**UFleance.**

Inyanga seyisiya ekutshoneni; andikayiva ikloko.

**UBanquo.**

Ibe itshona ngeyeshumi elinambini.

**UFleance.**

Ndicing' ukuba kusemva koko, mhlekazi.

**UBanquo.**

Ina, thabatha nali ikrele lam. Kukho uqoqosho ezulwini;  
Ezakhona izibane sezicinywe zonke. Thabatha noku  
kanjalo. 5

Kuthe zinzi phezu kwam ubuthongo obunzima ngokwe-  
lothe,

Ukanti andide ndilale: mandla ndini anenceba!

Thibani kum ezo ngcinga ziqalekisekileyo ethi indalo  
Izikhulule ngethuba lokuphumla.

**Kungena uMacbeth, nesicaka esinesibane.**

Ethe isinkempe sam. —

Ngubani lowo? 10

**UMacbeth.**

Ngumhlobo.

**UBanquo.**

Yini le, mhlekazi! akukalali? Ukumkani selelele:

Ubechwayite ngokungaqhelekanga, waza

Wathumela isipho esikhulu semali kwizicaka zakho.

Ubulise inkosikazi yakho ngale dayimani, 15

Ngomlomo wokuba ingumnikazi-khaya onobubele nge-  
ndlala eyodwa

Ezindwendweni; waza wayiphetha imini ekulonwabo  
olungathethekiyo.

**UMacbeth.**

Njengoko siqubulisekile,

Izinto aziqhubekanga kakuhle,

Njengokwentando yethu.

**UBanquo.**

Yonke into isalungile.

Ndiphuphe phezolo ngeziya ntokazi zintathu zilawula  
iziphelo zezinto: 20

Wena zikubonise okuyinyaniso.

**UMacbeth.**

Andicingi nto ngazo:

Kanti ke, ukuba bendinokukhe ndizuze nokuba yiyure  
ndinawe,

Besingayichithela ekuncokoleni ngaloo mcimbi,

Ukuba ubunokukhe uziphe ithuba.

**UBanquo.**

Elo lothi likulungele.

**UMacbeth.**

Ukuba unokuthi ubambisane nam, lakufika ithuba,  
Ungazizuzela uzuko ngakoko.

**UBanquo.**

Ukuba andingephulukwa nto 26

Ngokunqwenela ukulongeza, kodwa ndibe ndisasigcine  
isifuba sam

Simsulwa, nokuthobela abasemagunyeni kungaphaza-  
misekanga,

Ndisengacetyiswayo.

**UMacbeth.**

Phumla kamnandi okwangoku!

**UBanquo.**

Ndiyabulela, mhlekazi, ngamana kunganjalo nakuwe. 30

/Baphuma uBanquo noFleance.

**UMacbeth.**

Hamba wazise umnikazi-khaya, ukuba xa isiselo sam  
sesilungile

Maze abethe intsimbi. Hamba uye kulala.

/Saphuma isicaka.

Ingaba sisinkempe esi ndisibona phambi kwam,

Isiphatho sijonge esandleni sam? Yiza ndikuthi xhamfu:

Akukho kum, ukanti ndisakubona. 35

Akuvakalelwa na, mbono ndini ufumbethe ukufa,

Kwangolo hlobo ubonakala ululo? umhlawumbi  
ungaba usisinkempe nje

Esisengqondweni, into engamampunge,

Ephuma kwingqondo edotyelelwa phantsi bubushushu?

Kanti ndisakubona, imo yakho inokubambeka 40

Njengesi ndisikhuphayo ngoku.  
 Undichankcisa kwindlela ebendiyihamba;  
 Ndibe bendiza kusebenzisa isixhobo esinje.  
 Kukho ukuba amehlo am abe enziwa izibhanxa zezinye  
     iindawo zokuqiqqa,  
 Mhlawumbi ngawona abona okukuko ngaphezu kwazo  
     zonke ezinye ezo. 45  
 Ndisakubona; kube kuko ukudla nesiphatho sakho,  
     kukho amathontsi egazi,  
 Abengekho ngaphambili. Akukho nto iyile nto:  
 Ngulo mcimbi wophalazo-gazi obonakalisa  
 Ezi zinto kuwo amehlo am. Kungokunje kwisiqingatha  
     selinye icala lehlabathi  
 Indalo ibonakala ifile, abe amaphupha amabi ekhohlisa 50  
 Ubuthongo obusekhushini; ubugqwira bunikezela imi-  
     nikelo  
 KuHecate omthwebeshu; lube ugebengo olubunileyo,  
 Lwakuba lothuswe ngukhala walo, ingcuka,  
 Ekulila kwayo ikukuhlab' umkhosi, ngoko ngokuco-  
     thoza kwayo,  
 Ngongxabalazo lobudlwengu IweTakwini, lusinga kwi-  
     xhoba lalo 55  
 Ihamba ngokwesiporo. Wena mhlaba uqinisekileyo  
     nosekwe ngokuqinileyo,  
 Mus' ukuweva amanyathelo am, ukuba asinga ngaphi  
     na, ngokoyikel' ukuthi  
 Nkqu matye akho la athetha ngeentshukumo zam,  
 Asuse oko kuthi cwaka kufanelene kanye nexesha eli.  
 Lo gama ndisongelayo, yena usaphefumla: 60  
 Amazwi anikela kubushushu bezenzo umoya obanda ceke.  
     /Yakhal' intsimbi.  
 Ndiyaya, kube kwenzekile, intsimbi iyandibiza.  
 Mus' ukuyiva Duncan; kuba yintsimbi yokufa  
 Ekubizela ezulwini kungenjalo esihogweni.

## Umboniso II.

### KWALAPHO

**Kungena uNkosikazi uMacbeth.**

**UNkosikazi uMacbeth.**

Oko kubatsho badakwa kundinike ukhalipho,  
 Loo nto ibethisileyo indikhwezelele. Phulaphula!  
 Inzolo!

Ibisisikhova esi besitswina, umbethi-ntsimbi yokufa,  
Ebe sisitsho ngo ‘zenilale kakuhle’ ongqabalala. Uphethe  
wona:

5

Jingcango zivulekile, zibe iimpelesi ezizingxale ngokutya  
Zihlekisa ngoko kungumsebenzi wazo ngemigqumo  
yokurona: ndizenze

Ukuba ziziyobe iziselo zazo ezishushu zaphambi kokuba  
zilale,

Nokuba zisaphila na nokuba zifile.

**UMacbeth.**

[Ngaphakathi] Ngubani lowo? Yintoni, bethu! 10

**UNkosikazi uMacbeth.**

Awu! ndinoloyiko zivukile.

Kube kungenzekanga nto; ilinge elingaphumi ntweni  
likukufa kuthi.

Phulaphula! sendizilungisile izinkempe zazo;  
Ubengenakungaziboni. Ukuba ubengasukanga akha-  
ngeleke

Njengobawo ebuthongweni bakhe, ndinge ndizenze ngo-  
kwam. Indoda yam!

**Kungena uMacbeth.**

**UMacbeth.**

Ndiwufeziile umsebenzi. Akuyivanga intsholo?

**UNkosikazi uMacbeth.**

Ndisivile isikhova sigxwala neenyenzane zikhenkceza.  
Akukhange uthethe?

**UMacbeth.**

Xesha liphi?

**UNkosikazi uMacbeth.**

Ngoku.

**UMacbeth.**

Njengokuba ndibe ndisihla nje?

**UNkosikazi uMacbeth.**

Ewe.

**UMacbeth.**

Phulaphula!

Kulele bani kwigumbi lesibini?

**UNkosikazi uMacbeth.**

UDonalbain.

**UMacbeth.**

[Ekhangela ezandleni zakhe.] Lo ngumbozo olusizi.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Yingcamango yobutyhakala leyo yokuthetha ngombono olusizi.

**UMacbeth.**

Kubekho ohlekayo esebuthongweni, abe omnye edandu-  
luke ngelithi ‘Ugebengo!’

Kangangokude bavusane: ndathi nqumama ndabek’  
indlebe;

Kodwa basuka bathandaza, bazilungiselela ukulala  
kwakhona. 26

**UNkosikazi uMacbeth.**

Kukho ababini abalele kunye.

**UMacbeth.**

Omnye wadanduluka ‘Thixo sithamsanqe! wathi  
omnye, ‘Amen’

Ngokungathi bandibonile ndinezi zandla zomxhomi.

Ndakuphulaphula izothuso zabo, andibanga nakuthi,  
‘Amen’ 30

Bakuthi, ‘Thixo sithamsanqelise.’

**UNkosikazi uMacbeth.**

Mus’ ukuyicinga nzulu kangako.

**UMacbeth.**

Kodwa bekungasizathu sini ukuba ndingabi nakho  
ukuthi ‘Amen’?

Ndibe ndikufuna ngokukodwa ukuthanyusanqelwa, wa-  
suka u‘Amen’

Wandima emqaleni.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Ezi zenzo mazingathyathwa ngolu hlobo;  
kuba ziya kusiphambanisa. 35

**UMacbeth.**

Ndibe ndiva zwi lithi, ‘Mus’ ukuba salala!

UMacbeth uyabugebenga ubuthongo, ubuthongo obu-  
ngenatyala,

Ubuthongo obolula iminxeba ephixeneyo yeenkathazo,  
Ukukhweleliswa kobomi mihra le, uphoziso-mzimba  
kumsebenzi obuhlungu,

Isiqholo kwiingqondo ezikhathazekileyo, igalelo lesibini  
kwisidlo sobomi, 40

Ngangalala yomondli kwisidlo sobomi, —

**UNkosikazi uMacbeth.**

Utheth’ ukuthini?

### **UMacbeth.**

Lidanduluke njalo, ‘Musan’ ukuba salala! kwindlu yonke:

‘UGlamis ubugebengile ubuthongo, ngoko ke uCawdor Abuyi kuhla kwakhona kuye, uMacbeth uya kuputhelwa!’

### **UNkosikazi uMacbeth.**

Ngubani lowo ubedanduluka olo hlobo? Kungathuba lini nduna ndini ezukileyo, 45

Ukuba uvumele amandla akho ozuko abe ecinga Ngezinto ezinje ukubulal’ ingqondo. Hamb’ uze namanzi, Uhlambe obu bungqina bungcolileyo ezandleni zakho, Kungasizathu sini ukuba uzisuse ezi zinkempe endaweni yazo?

Mazisale phaya: hamba uzise, uzudyobhe 50  
Ezaa mpelesi zileleyo ngegazi.

### **UMacbeth.**

Andinakubuya ndiye:

Ndiyagubha ndakucinga ngendikwenzileyo;  
Ukubuya ndijongane nako andinakho.

### **UNkosikazi uMacbeth.**

Bhetyebhetye ndini!

Ethe ezo zinkempe. Abaleleyo nabafileyo  
Bafana nje nemifanekiso; liliso lobuntwana 55  
Eloyika umenzi-bubi ozotyiweyo. Ukuba uyopha  
Ndotyikila ubuso beempelesi ngalo;  
Kuba kufuneka ubutyala bubonakale bubobazo.

/Waphuma. Unkqonkqozo ngaphakathi.

### **UMacbeth.**

Kunkqonkqozwa phi?

Ndimi kakuhle nje, xa ngxolwana ithe yakho iza kundi-nxunguphalisa?

Zizandla zini ezi! He! he! ziyawancothula amehlo am. 60

Zingaba zonke na iingqimba zamanzi olwandle lwenga-ngalala uNeptune zinakho ukuhlamba eli gazi

Lithi phuncuncu ezandleni zam? Yinqaba, esi sandla sam singasuka

Endaweni yoko siyenze intlaninge yeelwandle ibe bomvu ngaphezulu,

Siguqule ubuluhlaza bube bomvu.

**Kungena uNkosikazi uMacbeth.**

**UNkosikazi uMacbeth.**

Izandla zam zinaloo mbala wakho, kodwa ndineentloni 65  
Ukuba nentliziyemhlophe olo hlobo.

**[Unqonkqozo ngaphakathi]**

Ndiva kunkonkqozwa

Kumnyango ongezantsi; masibuyelegumbini lethu;  
Intwana nje yamanzi iya kusihlangula kwesi senzo;  
Athi ke ukuba lula koko! ukomelela kwakho kukushiye  
Elubala. **[Unqonkqozo ngaphakathi.]** Phulaphula!  
unkonkqozo kwakhona. 70

Nxiba igawuni yakho yangokuhlwa, hleze kubekho nto  
isifunayo,

Sifumaniseke sihleli. Mus' ukuba nobuhetyebhetye  
obungaka kwiingcamango zakho.

**UMacbeth.**

Ukuba ndinokujongana nesenzo sam, bekungakuhle  
kanye ndishiyewe ziinqondo.

**/Unqonkqozo ngaphakathi.**

Vusa uDuncan ngalo unkonkqozo lwakho! Ndinqwenel'  
ukuba ube ubunakho! **/Baphuma.**

### **Umboniso III.**

**KWALAPHA.**

**Unqonkqozo ngaphakathi. Kungena umthwali-mpahla**  
**UMthwali-mpahla.**

Kukho unkonkqozo ngenene! Ukuba umntu ube  
ngumthwali-mpahla wesango lesihogo, ubeya kusiji-  
kajika futhi isitshixo.

**[Unqonkqozo ngaphakathi]** Nkqo, nkqo, nkqo! Ngubani  
lowo, egameni likaBhelezibhubhe? Nanku umlimi  
owazixhoma ngenxa yokujonga isivuno esikhulu:  
fika ngexesha; uze neqela lezidwaba; kuba uza kubila.

**[Unqonkqozo ngaphakathi]** Nkqo, nkqo! Ngubani  
lowo, egameni likaSathana! Kholwa, nguye lo umgqu-  
ki-mkhondo, onakho ukufunga kuwo omabini amacala  
elinye ngokuchasene nelinye; owaqhoba ungcatscho  
ngokwaneleyo egameni likaThixo, 10  
kanti akanakho ukugquk' umkhondo oya ezulwini.

Awu! ngena mgquki-mkhondo. **[Unqonkqozo ngaphakathi]** Nkqo, nkqo, nkqo! Ngubani lowo?  
Kholwa nanku umsiki-mpahla oliNgesi eze apha ukuza

kuba kule kawusi yamaFrentshi: ngena mthungi,  
apha ungayifudumeza intsimbi yakho. **[Unkqonkqozo  
ngaphakathi]** Nkqo, nkqo; akukho kuzola! Uyi-  
ntoni? 15

Kambe le ndawo iliceke ukuba ingade ibe sisihogo.  
Andiyi kuba sayithwala:

Bendicing' ukuba ndingenise inxenye yawo onke amasebe  
emfundo, avula indlela ebanzi ekhokelela entshabala-  
lweni yaphakade.

**[Unkqonkqozo ngaphakathi]** Ndiyeza, ndiyeza! ndiyaku-  
bongoza, mkhumbule umthwali-mpahla. 20

*/Lavuleka isango.*

**Kungena uMacduff noLennox.**

**UMacduff.**

Bekuse kuhlwe kangako, wethu, phambi kokuba niye  
kulala,

Le nto uvuka kade kangaka?

**UMthwali-mpahla.**

Kholwa, mhlekazi, sibe sizinkcinkca ngotywala,  
kwada kwakhala iinkuku zesibini.

**UMacduff.**

Inkosi yakho seyivukile?

**Kungena uMacbeth.**

Unkqonkqozo lwethu luyivusile; nantsi isiza. 25

**ULennox.**

Bhota, mhlekazi ozukileyo.

**UMacbeth.**

Bhotani, nobabini.

**UMacduff.**

Ukumkani uvukile nje, nduna ndini ezukileyo

**UMacbeth.**

Akakavuki.

**UMacduff.**

Ubendiyalele ukuba zendifike kwangexesha:  
Sendiphants' ukushiywa lixesha.

**UMacbeth.**

Ndiya kukusa kuye.

**UMacduff.**

Ndiyazi ukuba le nkxamleko iluvuyo kuwe;  
Kodwa iyiyo yona. 30

**UMacbeth.**

Lo msebenzi sinomdla kuwo uliyeza emzimbeni.  
Nangu ke umnyango.

**UMacduff.**

Ndiya kuba nobunganga bokungena,  
Kuba oko kungumsebenzi wam ongabhekephi.

/Waphuma

**ULennox.**

Uyemka ukumkani apha namhlanje?

**UMacbeth.**

Uyemka: ubeqqibe njalo.

**ULennox.**

Ubusuku bube bobungazolanga: apho sibe silele khona,

36

Itshimini zethu zadilika; kwaza, njengoko batshoyo,  
Kwavakala amayeyeye emoyeni; izikhalo ezingaqhelekanga zokufa,

Ziprofeta izinto ezimbi

Zokuyaluzela nokuphithizela

40

Ezizalwa kutshanje leli xesha losizi. Intaka yobusuku  
Igxwale ubusuku bonke: kukho abathi ihlabathi  
Belimfuxumfuxu litywatwywa.

**UMacbeth.**

Ibe busuku obuyaluzelayo.

**ULennox.**

Inkumbulo yam engendala ayinakubulinganisa  
Nanto yakha yabonwa.

45

Kungena uMacduff kwakhona.

**UMacduff.**

Awu sikizi ndini! sikizi ndini! sikizi ndini! Akukho lulwimi  
nantliziyo zinakho ukukuthelekelela nokukuchaza!

**UMacbeth.** }

**Lennox.** }

Kuhle ntoni?

**UMacduff.**

Imbubbiso ngoku ifikelele eluchochoyini lwayo!

Olona gebengo lungcolileyo luqhekeze

Loo tempile ka Yehova wayithambisayo, Iweba apho 50  
Ubomi besakhiwo eso!

**UMacbeth.**

Yintoni na le uyithethayo? ubomi?

**ULennox.**

Uthetha umhlekazi?

**UMacduff.**

Khaningene apha endlwini, amehlo enu azibonele le  
mbubho

Ngolo hlobo loGorgon omtsha: mayingabi ndim oma  
kachaze;  
Bonani, nandule ke nizithethele.

/Baphuma uMacbeth noLennox.

Vukani! vukani!  
Vuthelani isigodlo. Ugebengo nongcatsho!  
Banquo noDonalbain! Malcolm! vukani!  
Vuthululani obu buthongo bobundongela, bungumfu-  
ziselo wokufa,  
Nijongane nokufa ngokwako! phakamani, phakamani,  
nibone 60  
Umfanekiso womhla omkhulu womgwebo! Malcolm!  
Banquo!  
Ngokungathi nithi khwaphululu emangcwabeni enu  
phakamani, nihambahambe ngokwezithunzela,  
Nibe mfaninye neli sikizi! Bethani intsimbi.

/Yakhala intsimbi.

Kungena uNkosikazi uMacbeth.  
**UNkosikazi uMacbeth.**

Kukho ntoni,  
Le ngxolo imbi yesigodlo ibizela engxoxweni 65  
Abaleleyo apha endlwini? Thethani thethani!

**UMacduff.**

Awu lulamakazi ndini lenenekazi!  
Akufanelekile ukuba kuviwe nguwe endingathi ndiku-  
thethe;  
Ukukuphinda ukuba kuviwe libhinqa  
Kungenza ugebengo njengokuba kuthethwa.

**Kungena uBanquo.**

Awu Banquo! Banquo!

Inkosi yethu, umntwan' egazi igetyengiwe!

**UNkosikazi uMacbeth.**

Yeha, athi ke! 70  
Yini le! endlwini yethu apha?

**UBanquo.**

Yinkohlakalo embi naphi na.  
Ntandane ndini Duff, ziphikise uthi akunjalo.

**Kungena uMacbeth noLennox noRoss.**

**UMacbeth.**

Ukuba benditshabe iyure phambi kweli thuba  
Bendiya kuba ndiphile ubomi obusikelelekileyo; kuba  
ukuthabathela kulo mzuzu, 75

Akukho nto indilekileyo kubomi bomntu,  
Konke kulicekwa; udumo nesithozela zifile,  
Incindi yobomi ifunxiwe, kube ke kusele intlenga  
Elingathi eli lizwe lizidle ngayo.

Kungena uMalcolm noDonalbain.

**UDonalbain.**

Konakele ntoni?

**UMacbeth.**

Konakele wena, ube ungakuqondi oko:  
Umthombo, intloko, ithende legazi lakho  
Oko kunqunyanyisiwe; iliso lawo livaliwe.

81

**UMacduff.**

Umntwan' egazi, uyihlo, ugetyengiwe.

**UMalcolm.**

Awu! ngubani?

**ULennox.**

Abo bebenaye egumbini, ngokwembonakalo, ngabo  
abenze oko:  
Izandla zabo nobuso bezityikilwe ngegazi; 85  
Ngokunjalo ke nezinkempe zabo, esizifumene zingasu-  
lwanga  
Phezu kwemiqamelo yabo: bathe phuhlu amehlo, abazola  
engqondweni;  
akukho bomi bamntu bebungagcinisa bona.

**UMacbeth.**

Awu! ukanti mandizinikele ukuba ngenxa yomsindo  
endibe nawo,  
Ndibabulele.

**UMacduff.**

Ukwenza oko ngasizathu sini?

90

**UMacbeth.**

Kuba ingubani ongathi alumke, ageze, azeyise, avuthe  
ngumsindo, athobele abasemagunyen, abe ngundilele,  
konke ngomzuzu omnye? akakho mntu onjalo:  
Ukukhawuleza kothando lwam olunobubhojabhoja  
Kumshiyile ngesantya umthibi oyingqondo. Ubelele  
apha uDuncan,  
Ulusu lwakhe lusuke lwanga yingubo yesilivere equukunje-  
lwe ngeleyisi yegazi legolide; 95  
Aza amanxeba akhe akutyhoboz' igazi kuwo akhangele-  
ka ngokuchasene nendalo  
Ukuba abe lisango elinomonakalo lentshabalalo: apho  
ke ezi zigebenga

Zanyeke kuloo mibala yeshishini lazo, izinkempe zazo  
Zidyojwe ligazi ngohlobo apha lobundlobongela: ubeno-  
kuzibamba,  
Onentliziyo enothando, kuze kuloo ntliziyo 100  
Kubekho ukhaliphо lokwazisa ngolo thando?

**UNkosikazi uMacbeth.**

Ndisizeni, ndisuke kule ndawo, Yo-o-o!

**UMacduff.**

Lihoyeni inenekazi.

**UMalcolm.**

[Bucala kuDonalbain.] Kungani ukuba sithi cwaka thina  
Ngohlobo lokuba uninzi lube kude nokucinga ukuba lo  
mcimbi ngowethu?

**UDonalbain.**

[Bucala kuMalcolm] Kungathethwa ntoni  
Kule ndawo, apha osingethe ubomi bethu, azifile  
kumngxunyana webhora 106  
Anokutyhoboza asibambe? Masimke: iinyembezi zethu  
azikayondelelani.

**UMalcolm.**

[Bucala kuDonalbain] Kanti neembilini zethu zosizi  
zibethwe zagogeka kwangamandla azo.

**UBanquo.**

Hoyani inenekazi eli: 110  
**/UNkosikazi uMacbeth nanko efunqulwa ekhutshwa.**  
Ema sithi sakuba siyambathisile imizimba yethu enga-  
nxitywanga ngokwaneleyo, enokuthi yenzakale ngenxa  
yobuze, sidibane,  
Siphande lo mcimbi mbi ngale ndlela wophalazo-gazi,  
Sibe nolwazi olungaphezulu ngawo. Amavuso namatha-  
ndabuzo ayasigungqisa:  
Entendeni yeso sandlakazi sikaThixo ndimi, kube uku-  
susela apha 115  
Ndiya kulwa ngokuchaseneyo nezo njongo zisafihliweyo  
zongcatsho olunolunya.

**UMacduff.**

Nam ngokunjalo.

**Bonke.**

Sonke siya kwenjenjalo.

**UMacbeth.**

Masithi ngokukhawuleza sizixhobise, sizambathise ngo-  
moya wobumpi,

Sihlangane kwindlu leya iphangaleleyo.

**Bonke.**

Sanele.

/Baphuma bonke ngaphandle kukaMalcolm noDonalbain.

**UMalcolm.**

Uza kuthini? masingabi nabudlelane nabo:

Ukubonakalisa usizi olungaphethe nto kuyimfanelo  
yethu

121

Athi umntu ongekho ntweni akwenze ngokulula. Ndiya  
kuya eIngilani.

**UDonalbain.**

Mna ke ndiya eAyalendi: ishologu lethu elahlulahlulweyo  
Liya kusilondoloza sobabini lisinqabise ngaphezulu:  
apho sikhoyo,

Uncumo lwabantu lufumbethe izinkempe: kanye lowo  
usondeleyo uligazi lethu,

125

Nguyenä ukufuphi kanye ekuphalazeni igazi.

**UMalcolm.**

Lo mkhonto wogebengo ubinziweyo

Awukamili phantsi, ke indlela yokusinda kwethu eyiyona  
iyiyo

Kukuphepha apfo ujoliswe khona: ngoko ke ehasheni;  
Singalibali bubuculukubhede bokucela indlela,

Koko masihlabe endleleni: kukho igunya kobo busela 130  
Buzibayo xa kungasekho nceba iseleyo. /Baphuma.

#### Umboniso IV.

KWALAPHA. NGAPHANDLE KWEKHASILE

Kungena uRoss nendod' enkulu.

**Indod' enkulu.**

Amashumi amathandathu aneshumi ndinokukhumbula  
kakuhle;

Ekuthe kwisithuba selo xesha ndabona.

Iiyure ezoyikekayo nezinto ezingaqhelekanga, kodwa obu  
busuku bumanyumnyezi, butsho kwayimfeketho konke  
obekusaziwa ndim ngaphambili.

**URoss.**

Awu! bawo ulilungisa,

Uyabona, amazulu, ngenxa yokukhathazwa sisenz  
somntu,

5

Alekulekuza elo qonga lakhe limajaja ligazi: ngokwekloko  
kusemini,

Ukanti amathunzi obusuku ayaliminxa ilanga.  
Ingaba kukongama kobusuku nokuba ziintloni zemini,  
Le nto amathunzi obumnyama abungcwabileyo ubuso  
bomhlaba,  
Xa bebufanelwe kukwangiwa kukukhanya okuphilileyo?

**Indod' enkulu.**

Akundlela yandalo, 10  
Kanye ngokwesi sihlo sihlileyo. NgoLwesibini oludluleyo,  
Ukhetshe ontingela kweyona ndawo iphakamileyo ano-  
kufikelela kuyo,  
Ubanjwe sisikhova esizingela iimpuku wabulawa.

**URoss.**

Namahashe kaDuncan—into engumnqa neqinisekileyo,—  
Amahle nawenza amatshe, iinceke kuhlobo lwavo, 15  
Asuke akrwada kwisimo sawo, atyhoboza ezitalini zawo,  
aphuma,  
Akavuma kuthintelwa mntu, njengoko abonakele  
Esilwa noluntu.

**Indod' enkulu.**

Kuthiwa ayadlana.

**URoss.**

Enjenjalo, into leyo ebe ngumhlola kumehlo am,  
Abeyijongile. Nanku esiza uMacduff olilunga. 20

**Kungena** uMacduff.

Kuqhubeka ntoni elizweni ngoku mhlekazi?

**UMacduff.**

Ngokuba kutheni, akuboni?

**URoss.**

Kuyaziwa sini na ukuba esi senzo singaphezulu kokuba  
kuthiwe sesegazi senziwe ngubani na?

**UMacduff.**

Ngabo abagwazileyo uMacbeth.

**URoss.**

Athi ke! wena mini ndini!

Mayibe ibiyintoni injongo yabo?

**UMacduff.**

Bahendelwe kobu bubi ngabanye abantu.

UMalcolm noDonalbain, onyana bakakumkani bobabi-  
ni, 25

Bazibile basaba, into ke leyo engabenzi msulwa  
Ekuranelweni kwesi senzo.

**URoss.**

Okusasoloko kuchasene nendalo  
Uthando-dumo olungenambuyekezo, oluya kutshabala-  
lisa  
Oko luhila kuko! Ke kucac' ukuba  
Ubukumkani buya kuwela kuMacbeth. 30

**UMacduff.**

Seletyunjiwe, seleye eSkoni.  
Ukuya kuthweswa isitsaba.

**URoss.**

Siphi isidumbu sikaDuncan?

**UMacduff.**

Sisiwe eKolmekil,  
Uvimba ongcwele wokhokho bakhe  
Nomlondolozi wamathambo abo.

**URoss.**

Akuyi sini na eSkoni? 35

**UMacduff.**

Hayi, sizalwane sam, ndibhekisa eFayfu.

**URoss.**

Kambe ke, ndoy' apho.

**UMacduff.**

Ke kaloku, ngamana ungazifumana izinto ziqhube ka  
kakuhle apho:

Sala kakuhle! hleze ulawulo olutsha lutsho sililele oludala!

**URoss.**

Sala kakuhle, bawo.

**Indod' enkulu.**

Jintsikelelo zikaThixo mazibe nawe, kwakunye nabo 40  
Baya kuguqula okubi kube kokulungileyo, iiintshaba zibe  
zizihlobo! /Baphuma.

### INDIMA III.

#### Umboniso I.

EFORRES. IGUMBI EBHOTWE.

#### Kungena uBanquo

##### UBanquo.

Ukufumene ngoku: iKumkani, uCawdor, uGlamis, zonke,  
Njengoko iintokazi ezazi iziphele zezinto zazithembisile;  
ke, ndiyoyika,

Wenze okona kungcolileyo ukuze uzuzane nako; kanti  
kwakutshiwo nokuba

Abuyi kudlulela kwinzala yakho,

Kodwa yoba yeyam eya kuba ngumnombo noyise 5  
Weekumkani ezininzi. Ukuba kukho nyaniso iphuma  
kuzo, —

Njengoko kube njalo kuwe, Macbeth, amazwi azo  
abonakala enelitha lenyaniso, —

Tyhini, ngenxa yokuphumelela kweenyaniso zazo kuwe,  
Azingebi zingabathwali-bulumko nakum,  
Zindibeke emathembeni? Kodwa, yithi tu! kwanele. 10  
**Kwahlokoma amaxilongo.** Kungena uMacbeth, eyiku-  
mkani; uNkosikazi uMacbeth, eyikumkanikazi; uLennox,  
noRoss, iiNduna, aMakhosazana, neeMpelesi.

##### UMacbeth.

Nalu undwendwe lwethu oluxabisekileyo.

##### UNkosikazi uMacbeth.

Ukuba ubelibalekile,

Bekuya kubakho isikroba kulo mgidi wethu,

Ungafezeki ngokugqibeleleyo.

##### UMacbeth.

Ngokuhlwanje, sinesidlo setheko eli, mhlekazi,  
Ndaye ndiya kubulangazelela ubukho bakho.

##### UBanquo.

Wena mhlekazi

15

Wisa izwi kum; zaye iimfanelo zam

Ziqamangeleke kulo ngeqhina elingasombululekiyo  
Elakha laqhinwa.

##### UMacbeth.

Ngale njikalanga uza kukhwela?

**UBanquo.**

Ewe, mhlekazi.

**UMacbeth.**

Ukuba bekungenjalo besiya kulithanda icebiso lakho elilungileyo —

Elaba soloko linendili nempumelelo —

Kweli bhunga lanamhlanje; kodwa sesiya kulizuza ngomso.

Ungaba uya kude?

**UBanquo.**

Umgama, mhlekazi, ongazalisa eli thuba 25

Liphakathi kwangoku nesidlo sangokuhlwa; ukuba ihashe lam alinakukhawuleza kunoko,

Mandibe ngumboleki wobusuku

Okweyure enye emnyama nokuba zimbini.

**UMacbeth.**

Ungaphoswa sisidlo sethu.

**UBanquo.**

Mhlekazi, andingeze.

**UMacbeth.**

Siva ezokuba abazalwana bethu begazi baye kuhlala 30

EIngilani naseAyalendi, bengaluvumanga

Ugebengo lwabo olukhohhlakeleyo lokugebenga uyise,  
koko bengxala

Abaphulaphuli babo ngamampunge abaziqwebelayo;  
kodwa oko kokwangomso,

Xa sothi ngakoko sidibane ngemicimbi yombuso efuna  
iingqondo zethu.

Khawuleza uye ehasheni lakho; ndlelantle 35

De kube sekubuyeni kwakho ngokuhlwa. UFleance  
uhamba nawe?

**UBanquo.**

Ewe, mhlekazi: ixesha lethu selisinyathele.

**UMacbeth.**

Ngamana amahashe enu angakhawuleza angakhubeki;  
Ngoko ndininqwenelela okuhle xa senikhwele.

Nihambe kakuhle.

**/Waphuma uBanquo.**

Makathi elowo enze ukuthanda kwakhe ngexesha lakhe 41

De kube yintsimbi yesixhenxe ngokuhlwanje;

Ukuze abantu bamkeleke kakuhle,

Sothi nathi sikhe sizikhwebule

Kude kube lithuba lesidlo sangokuhlwa sisedwa; de kube  
ngoko ke uThixo makabe nani!

/Baphuma bonke ngaphandle kuka Macbeth nempelesi.  
Heyi wena, khawuphulaphul' apha. Ubaxelele abaa  
antu 45  
Ngeenjongo zethu?

**Impelesi.**

Bangaphandle, mhlekazi, kwamasango ebhotwe.  
**UMacbeth.**

Yiza nabo apha kuthi. [Yaphuma impelesi]  
Ukuba yile nto akunto yanto;  
Kodwa ukuba nje ngokuqinisekileyo kuyinto yonke.  
Uloyiko lwethu  
Ngo Banquo lwendele, kwaye kwimbonakalo yakhe  
enobungangamsha 50  
Kulawula oko kufanele ukoyikwa: kukhulu anokukwe-  
nza,  
Kwaye kuloo moyo wengqondo yakhe ungoiki nto,  
Unobulumko obulawula ukhalipho lwakhe  
Ukuba luqhube ngokuqinisekileyo. Akukho nto yimbi  
ngaphandle kwakhe  
Endiyoyikayo; kwaye phantsi kwakhe  
Umoya wam wokuzigcina ukhalimeleka, ngolo hloba  
kuthiwa  
OkaMark Antony wawunjalo kuCaesar. Wazingxolisa  
ezo ntokazi  
Mhla zaqala ukukhankanya igama lobukumkani kum,  
Waziyalela ukuba zithethe naye; zaza ke, buprofeta  
Zakhahlela kuye ngelokuba unguyise womnombo  
weekumkani. 60  
Phezu kwentloko yam zabeka isitshaba esingenasiqhamo,  
Zabeka ikhamte lentonga yobukhosi esandleni sam,  
Ema lincothulwe apho sisandla esingesiso samnombo  
wam,  
Akukho nyana wam makathabathe isikhundla sam.  
Ukuba kunjalo ke,  
Ngakwinzala ka Banquo ingqondo yam ndiyihlambele; 65  
Mandibe ke uDuncan onesithozela bendimgebengela  
bona;  
Ndafaka inqala kuso isitya soxolo Iwam  
Konke ndisenzela bona; uze umphefumlo wam owa-  
mbethe ukungafi  
Unikezelwe kulowo ulutshaba loluntu lumphela,  
Ukubalungiselela ukuba babe ziikumkani, imbewu ka-  
Banquo ibe ziikumkani! 70

Kunokuba kube njalo, ngena shwangusha eluhlwini,  
Undilwe de ndibe ngofileyo! Ngubani lowo?

**Kungena impelesi** **kunye** nezigwinta **ezibini**.  
**Phuma phandle** ngoku, uhlale apho de sikubize.

/Yaphuma impelesi.

Bekungezolo sini na ukuthetha kwethu kunye?

**Isigwinta sokuqala.**

Bekungalo, mhlekazi.

**UMacbeth.**

Ke kaloku, kuleli thuba nje,

Sewukhe wazicamngca sini na iintetho zam? Yazi 76

Ukuba yabe inguye kumaxesha adlulileyo owakubamba  
Olu hlobo phantsi kweshwangusha, owathi wena wacing'  
ukuthi

Sithi bantu bamsulwa. Oku ndikuqinisekisile ngako

Kwincoko yethu yokugqibela, ndikutyhilele inyaniso  
nganye, 80

Uhlobo owakhohliswa ngalo, wadodotyaliswa, iindlela  
Ezasetyenziswayo, nezizezinye izinto ezazinokwenza  
Imiphefumlo ezizavenge neengqondo ezingalilanga  
Zithi, ‘Wenjenje uBanquo.’

**Isigwinta sokuqala.**

Wayazisa kuthi.

**UMacbeth.**

Ndakwenza oko; ndenza nangaphezulu, into ke leyo 85  
Engunobangela wendibano yethu yesibini. Ulufumana  
Unyamezelو lwakho kwindalo yakho lubalasele  
Ngohlobo lokuba ukuyeke oku kungenziwanga nto kuko?

IZibhalo zikuchane

Ngohlobo lokuba uthandazele le ndoda ilungileyo  
kunye nenzala yayo,

Esandla sayo sinzima sakuxinzelela engcwabeni 90  
Sayenza eyakho yahlala ingamangqiba ngonaphakade?

**Isigwinta sokuqala.**

Singamadoda, nkos'am.

**UMacbeth.**

Ewe, ngokohlelo lwezinto nithatyathwa njengamadoda;  
Njengezinja ezingomalabedlile, namangesi, amatwina,  
iinjana ezivukuvuku, iingqeqlana, iinjana ezisingathwa-  
yo, izinja zamanzi ezivukuvuku, amabhastile zibizwa  
zonke

Ngegama lokuba zizinja: uluhlu oluhuziweyo 95

Lwahlula eyesantya, ecothayo, enobuqhopololo, umgcini-khaya.

Umzingeli, iyileyo ngokwesipho ethe indalo enesa  
Yasigalela ngaphakathi kuye; ethi ngaso yamkele

Igama elithe geqe, eliyibalulayo eluhlwin100

Oluziquka ngokufanayo: kunjalo ke nasebantwini.

Ngoko ukuba ninandawo ninayo eluhlwin105

Engeyiyo eyona isezantsi eluhlwin loluntu, yixeleni;

Ndaye ndiya kuwubeka loo mcimbi ezifubeni zenu,

Owothi ngokuphunyezwa kwawo ulukhwelelise utshaba

Iwenu,110

Uziginye iintliziyo zenu nokuthanda thina,

Esiphila impilo yethu kodwa singenampilo xa yena  
esengophilayo,

Ebinokuthi ngokufa kwakhe ilunge igqibelele.

### **Isigwinta sesibini.**

Ndingomnye, nkos'am,

Ezithe izithonga zenkohlakalo nokuntlithwa lilizwe

Zandihlupheza ngohlobo lokokuba ndicim' amehlo  
koko110

Ndikwenzayo, xa ndikwenza ngokuziphindezela elizweni.

### **Isigwinta sokuqala.**

Nam ndingomnye,

Okruqukileyo ziintlekele, ezitsalatsalwa lishologu,

Kangangokuba ndingabunikela ubomi bam nakwawaphi  
na amabona-ndenzile,

Ukubulungiselela okanye ukwahlukana nabo.

### **UMacbeth.**

Nobabini

Niyazi ukuba uBanquo wayelutshaba Iwenu.

### **Isigwinta sesibini.**

Oko kuyinyaniso, mhlekazi.115

### **UMacbeth.**

Ululo ke nakum; ngentiywano enuk'igazi

Kangangokuba umzuzu ngamnye ephila unje ngekrele

Eligwaza oko ubomi bam buxhomekeke kuko: naxa nje  
bendinakho

Ngamandla angafihlisiyo ukumcima apha aphele phambi  
kwam

Ndithi oko kufunwe yintando yam; kodwa ke andiyi  
kwenjenjalo,120

Ngenxa yezihlobo ezithile ezizezakhe nezizezam,

Endingethandi ukuphulukana nothando lwazo, koko  
mandikubhombolozele ukuwa kwakhe  
Yena lowo ukhahlelwe phantsi ndim; kungeso sizathu ke  
Endizibika ngaso ndicela uncedo lwenu, 125  
Ndiwufihla wona umcimbi lo emehlweni oluntu nje  
Ngenxa yezizathu-zathu ezinamandla.

**Isigwinta sesibini.**

Siya kukwenza, mhlekazi,  
Oko usiyalela kona.

**Isigwinta sokuqala.**

Naxa nje ubomi bethu —

**UMacbeth.**

Imiphefumlo yenu ibengezela ngohlobo lokuba izibonakalise.

Ngayo le yure

Ndiya kunicebisa apho zenizimele khona  
Ndinazise owona mzuzu wothi ufaneleke 130  
Nexesha lokuqhuba; kuba kufuneka kwensiwe ngokuhwanje,

Kumgama omhle kusukwa ebhotwe; ibe soloko isezi-  
ngondweni into

Yokuba andingi igama lam lingasephunguleleni: kuze  
kunye naye —

Ningashiyi zimpawu zabundlobongela nazidlubu kulo  
msebenzi —

UFleance unyana wakhe, ohamba kunye naye, 135  
Onokuthi nokuba ungongekhoyo, oko kungathethi nto  
kum

Kwanjengoyise, makagagane neso siphelo

Saloo yure imnyama. Gqibani apho nigqiba khona  
ninedwa;

Ndobeble ndize kuni.

**Isigwinta sesibini.**

Sesigqibile, mhlekazi.

**UMacbeth.**

Ndiyeza kuni kamsinyane: hlalani ngaphakathi.

**/Zaphuma izigwinta.**

Kugqityiwe: Banquo, usabo lomphefumlo wakho, 141  
Ukuba unokufumana izulu, mawulifumane ngokuhlwanje.

**/Waphuma.**

## Umboniso II.

KWALAPHA. KWELINYE IGUMBI EBHOTWE.

**Kungena uNkosikazi uMacbeth kunye nesicaka.**

**UNkosikazi uMacbeth.**

Angaba uBanquo umkile ebandla?

**Isicaka.**

Ewe, nkosikazi, kodwa uza kubuya kwakhona ngokuhlwanje.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Yithi kukumkani, ndingakhe ndimphazamise sini na Ekuphumleni kwakhe ndibe nantethwana naye.

**Isicaka.**

Nkosikazi, ndiya kwenjenjalo. /Saphuma.

Akukho nto ingafumanekanga, kuchithwe konke,

Apho umnqweno ukufumeneyo obukufuna kanti awaneliswanga: 5

Kulunge kanye ukuba koko sikutshabalalisayo

Kunokuthi ngokutshabalalisa bani sifumane ulonwabo oluthandabuzekayo.

**Kungena uMacbeth.**

Kutheni ngoku, mhlekazi, kungasizathu sini ukuba uzihlalele wedwa,

Athi awona mampunge alusizi uwenze amakholwane akho,

Ujikajikana nezo ngcamango bezifanel' ukuba zifile 10

Nabo bacinga ngazo? Izinto ezingenayeza konke

Azifanele kunanzwa nganto: okwenzekileyo kwenzekile.

**UMacbeth.**

Siyingxwelere nje inyoka, asiyibulalanga:

Yophila ibuyele kwimo yayo, lo gama inzondo yethu engento

Isala isengozini yezinyo layo lamhla mnene. 15

Kodwa xa lithe ihlabathi lawa laziingceba, izulu nomhlaba ziyyenzakala,

Phambi koko siya kukutya ukutya kwethu sisoyika, silale Sikwintshutshiso yala maphupha mabi

Asinkwantyisa ele busuku. Kulunge kanye ukuba nabafileyo,

Esithe thina, ngokuzama ukuzizuzela uxolo, sabathumela koyisemkhulu, 20

Kunokuthi kule ntshutshiso yengqondo ulale

Utoshatosha ngokungathi azililanga. UDuncan use-  
ngcwabeni lakhe;  
Emva kwezikuhhlane ezinobuphaku-phaku zolu bomi  
ulele kakuhle;  
Ungcatsho luwenzile umsebenzi walo omdaka: akukho  
krele, natyhefu,  
Nazinzondo zabukhaya, nazirafu zamazwe wambi, aku-  
kho nto 25  
Inokubuya ibe samchukumisa.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Hamba, yiza;  
Silulami ndini siyinkosi yam, swabulula obo buso bakho  
bushwacileyo;  
Dlamka uchulumache phakathi kweendwendwe zakho  
ngokuhlwanje.

**UMacbeth.**

Ndiya kuba njalo, sithandwa; nawe ndiyakubongoza uze  
ube njalo.

Ungamtyesheli uBanquo; 30  
Mnike imbeko, ngokumhoya nangeendaba:  
Njengabasengozini okwangoku, masithi  
Ukuzithulula iimbeko zethu sizenze iimpophoma zamanzi  
onyhwalazo,  
Ubuso bethu bube zizingxobo ezifihla jintliziyo zethu,  
Zizifihle into eziyiyo.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Yiyeke le nto. 35

**UMacbeth.**

Awu! ingqondo yam izele onomadudwane, mfazi wam  
uyintanda;

Wazi kakuhle ukuba uBanquo noFleance wakhe basa-  
phila.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Kodwa indalo ayibanikanga ubomi obusisimakade.

**UMacbeth.**

Kusekho nkuthazo ke noko; bayahlaseleka;  
Ngoko ke yonwaba. Phambi kokuba ilulwane liphaphe  
Liphuma kwimigongxo yendlu yonqulo, phambi koku-  
sabela

Isimemo sikaHecate omnyama  
Inkubabulongo enentsente ngengoma yayo eyozelisayo  
Ingekayibethi intsimbi yobusuku ezamlisayo, kuya kuhla  
Isiganeko esoyikeka ngendlela eyodwa.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Kuza kuhlani?

**UMacbeth.**

Hlal' ungazi nto, sizolane ndini sithandekayo,  
Kude kube lelo thuba, owothi wombelele ngalo isiganeko  
eso.

Yiza busuku bumfamekisayo, 46

Gubungela iliso eli-ethe-ethe lemini elusizi,  
Uze ngesandla sakho esixhaph' igazi nesingabonakaliyo.  
Usihlabé usiqwenge eso sibhambathiso sikhulu  
Siba soloko sindenza uthwebeshwana! Kuyasinya uku-  
khanya, nanko nonomyayi 50

Ephapha esiya kwihlathi lonomyayi;  
Izinto ezilungileyo zemini ziqaqala ukuthi bhuma noko-  
zela,

Lo gama abasebenzi bobumnyama bavukela amaxhoba  
abo.

Uyamangaliswa koko ndikuthethayo: kodwa yithi tu;  
Izinto eziqalelwé ebubini zizondla zizomeleze ngobubi: 55  
Ngoko, ndiyakubongoza, hamba nam. /Baphuma.

### Umboniso III.

**KWALAPHA. ISIGCUNYANA SEMITHI, EKUCANDA KUSO INDLELA  
ESINGA EBHOTWE.**

**Kungena izigwinta ezithathu.**

**Isigwinta sokuqala.**

Kodwa ngubani okuyalele ukuba ubé ngomnye wethu?

**Isigwinta sesithathu.**

NguMacbeth.

**Isigwinta sesibini.**

Akafanele kungathenjwa sithi, njengoko  
Inkcazo yakhe yento ema siyenze idibana nemigqaliselo  
yethu.

**Isigwinta sokuqala.**

Ngoko yiba ngomnye wethu.

Intshonalanga isabonakalisa ukukhanya kwemitha ye-  
mini: 5

Ngoku nanko umhambi ohlwelweyo ephalisa  
Ukuya kufika kumzi weendwendwe ngexesha; nanko  
ebonakala kufuphi

Lowo silindele yena.

**Isigwinta sesithathu.**

Phulaphulani! Ndiva amahashe.

**uBanquo.**

[Ngaphakathi] Sipheni isikhanyiso apha, wenani bethu!  
**Isigwinta sesibini.**

Nguye ke: abanye babo bebelindelekile  
Sebesebhotwe.

**Isigwinta sokuqala.**

Amahashe akhe ayazunguleza.

**Isigwinta sesithathu.**

Phantse ibe yimayile; kodwa ukholisa,  
Njengoko bonkeabantu besenjenjalo, ukusuka apha ukuya  
ya esangweni lebhotwe, ukuhamba ngeenyawo.

**Isigwinta sesibini.**

Isibane! isibane!

**Isigwinta sesithathu.**

Nguye.

**Isigwinta sokuqala.**

Hlalani nilungile.

15

Kungena uBanquo noFleance, benesibane.

**uBanquo.**

Kuza kuna ngokuhlwanje.

**Isigwinta sokuqala.**

Mayine. /Zamwela uBanquo.

Awu, bunginingini ndini! Saba, lunga ndini Fleance, saba,  
saba, saba!

Usenokuphindezela. Athi ke! khoboka ndini!

/Wafa, uFleance wasaba.

**Isigwinta sesithathu.**

Ngubani lo ucime isibane?

**Isigwinta sokuqala.**

Bekungafuneki loo nto sini na?

**Isigwinta sesithathu.**

Mnye kuphela ojubileyo; unyana usable.

**Isigwinta sesibini.**

Silahlekwe nguyena yena kulo mcimbi wethu.

20

**Isigwinta sokuqala.**

Kambe ke, masihambe siye kunika ingxelo yoko kuqhube  
bekileyo. /Baphuma.

#### Umboniso IV.

KWALAPHA. IGUMBI LEZOMBUSO EBHOTWE.

Umdliva wesidlo wenziwe. Kungena uMacbeth, Nkosikazi  
uMacbeth, uRoss, uLennox, iiNduna, neempelesi.

**UMacbeth.**

Niyawazi amabutho enu; hlalani phantsi; ningabuye nishenxe,

Olu ke lulwamkelo lwetheko eli, eliphuma emxhelweni.

**LiNduna.**

Siyabulela kuwe ngangamela.

**UMacbeth.**

Thina ke sothi sixubaxubane neqela eli

Sibonise ngobulali ubunini-theko.

Umnikazi-theko usetroneni, kodwa ngelona xesha lothi lifaneleke 5

Siya kumcela aze kunamkela.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Yazisa, mhlekazi, egameni lam, kuzo zonke izihlobo zethu;

Endikuthethayo, kusuka embilinini yam, zamkelekile.

**Kungena isigwinta sokuqala, emnyango.**

**UMacbeth.**

Bona, zikubuyekeza ngemibulelo esuka ezimbilinini zeentliziyo zazo;

Omabini amacula alingene: ndohlala apha esazulwini: 10

Niya kuzonwabisa ngokukhululekileyo; kmsinyane sothi sifumane isiselo

Sonke apha etafileni. [Ebhekisa ngasemnyango] ubuso bakho bunegazi.

**Isigwinta.**

Lelika Banquo, ke.

**UMacbeth.**

Kuhle kanye xa lingaphandle kuwe kunokuba libe ngaphakathi kuye. Ubulewe? 15

**Isigwinta.**

Mhlekazi, umqala wakhe ushunqulwe; oko ndimenzele.

**UMacbeth.**

Usesona sinqumla-mqala silungileyo; kanti ke ulungile nalowo

Oqhube kwa-oko kuFleance: ukuba ukwenzile,  
Akungebi nantanga ke.

**Isigwinta.**

Wena uyingangamela,

Usabile uFleance. 20

**UMacbeth.**

Lwabuya ke kwakhona unkwantyo lwam: ngaphandle koko

Ndinge ndingoggibeleyo;  
Ndiluqilima ngokwemabhire, ndizinzile ngokweliwa,  
Ndinabile ndikhululekile ngokwalo moyo usiraqileyo:  
Kodwa kungokunje ndikhonkxekile, ndiminxekile, ndili-  
bhantinti, ndiqamangeleke  
Kumathandabuzo nezothuso ezinezotho. Gxebe akukho  
ngozi ngakuBanquo ? 25

**Isigwinta.**

Ewe, mhlekazi, uzinzile kumhadi ahleli kuwo,  
Eneenkenkema zeenduma ezimashumi mabini elukhakha-  
yini lwakhe,  
Olona luncinane lukwanelele ukubulala okwendalo.

**UMacbeth.**

Enkosi ngakoko.  
Nantso ke inunu enkulu iqungquluze apho; umbungu  
lowo usabileyo  
Kusendalweni yawo ukuba ekuhambeni kwexesha uvelise  
ubuhlungu, 30  
Awukabi namazinyo okwakaloku. Hamba uhambe;  
ngomso sobuya sithethe. /Saphuma isigwinta.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Nkosi yam eyingangamela,  
Akubonakalisi nkuthazo yabuhlobo ezindwendweni: na-  
kuphi na ukutya ekungekho  
Nto ibonisa roqo ukuba kunikelwa ngolwamkelo, xa  
kusatyiwayo,  
Bekulunge kanye kube kunikelwa ngentengiso: ukuba  
into ephambili  
Ibikukutya nje kodwa, bekunani elowo azityele endlwini  
yakhe; 35  
Nje ngeendwendwe, abantu aba balindele ukuhoywa  
ngobubele ukunika  
Incaso ekutyeni kwabo; kuba ngaphandle kwayo  
Ukudibana nje akunto yanto.

**UMacbeth.**

Mkhumbuzi onencasa!  
Ke kaloku ukwetyisa kakuhle kuxhomekeke ekulanga-  
zeleleni ukutya,  
Impilo kuzo zombini!

**ULennox.**

Makukholeke kuwe ngangalala, uhlale phantsi,  
/Naso singena isiporo sikaBanquo,  
sihlala kwindawo kaMacbeth.

**UMacbeth.**

Apha phantsi kwale ntungo yolu phahla, bonke abafanele  
Eyona mbeko inkulu kweli lizwe ngebehlangene,  
Ukuba uBanquo wethu ube ekho: 41  
Endiya kuthi ndimkhali mele ngentswela-bubele  
Kunokuba ndimvele usizi ngelishwa lakhe!

**URoss.**

Ukungaphumeleli kwakhe, mhlekazi,  
Kumzela netyala ngenxa yesithembiso sakhe. Makukholeke kuwe ngangamela  
Ukusinika isihomo ngabo ubukho bakho.

**UMacbeth.**

Itafile izele.

**ULennox.**

Nasi isithuba osishiyelweyo, mhlekazi.

**UMacbeth.**

Phi?

**ULennox.**

Apha, mhlekazi. Yintoni le ibanga oku kungazoli kom-hlekazi?

**UMacbeth.**

Nguwuphi kuni owenze oku?

**IiNduna.**

Okuyintoni, mhlekazi?

**UMacbeth.**

Akunakho ukuthi oku kwensiwe ndim: ungavuthululeli  
Iinwele zakho ezinegazi kum.

**URoss.**

Zikhulu, phakamani; umhlekazi akaphilile.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Hlalani, zihlobo zizukileyo: inkosi yam le ikholisa  
Ukuba nje, ibe yaba yile nto kwasebuntwaneni bayo:  
ndiyanibongoza, hlalani phantsi;  
Oku kungazoli kokwexeshana; ngolo hlobo ingcamango  
ikhawuleza ngalo  
Iza kubuyela empilweni yayo. Ukuba niyisa iso kakhulu  
Niya kuyiduba niyiqhubele phambili kwisigulo sayo:  
Yityani nina, ningayihoyi. Uyindoda?

**UMacbeth.**

Ewe, ekhaliphileyo kanjalo, enakho ukujongana noko  
Kunokwenza udwebile agubhe.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Awu! wena-wena!

60

Lo ngumfanekiso kanye wolo yiko lwakho;  
Esi sisinkempe ongathi uyasibona, owawusithi sakukho-  
kelela

KuDuncan. Hayi ke bethu! ezi zingqala nobu buphaku-  
phaku —

Abalinganisi boloyiko lwenene — zifanel' ukuba libali  
Elibaliswa ngumfazi ngasemlilwesi ebusika, 65

Egunyaziswa nguninakhulu. Ulihlazo eli!

Kungasizathu sini ukuba uman' ukujika-jika ubuso  
usenjenje? Xa konke kwenzekile,

Ukhangeleka nje usesitulwesi.

### UMacbeth.

Nceda, khangelala phaya! bona! jonga! loza! uthini ke?  
Intoni, ndiyakhathala? Ukuba unakho ukunqwala,  
thetha ke kanjalo. 70

Ukuba izindlu zeqidumbu namangcwaba ethu athi  
abuyisele kuthi

Abo sibangcwabayo, amangcwaba ethu

Aya kuba zizisu zeentaka ezitya inyama. /Dukalala isiporo.

### UNkosikazi uMacbeth.

Yini le' wadandaphela ebudengeni?

### UMacbeth.

Ukuba ndimi apha, ndimbonile.

### UNkosikazi uMacbeth.

Tyhini! yiba neentloni!

### UMacbeth.

Igazi selikhe laphalazwa ngaphambili kunoku, ngama-  
xesha akudala. 75

Phambi kokuba umthetho onobuntu uwenze mbuna  
umbuso;

Ewe, nasemva kokuba kanjalo, ugebengo lukhe Iwaqhuba  
ngokumasikizi

Ukuba kungaviwa yindlebe: akhe akho amaxesha,  
Ebekusakuthi ukuba ubuchopho buphalele abe ufile ke  
lowo,

Kube kuphela kwantsomi; kodwa ngoku avuka ngo-  
kutsha, 80

Enamashumi amabini eenduma eziphos' ekweneni ezi-  
ntlokweni zawo,

Asidudule ezihlalweni zethu: oku kumangalisa nanga-  
phezu kogebengo

Ngokwalo.

### UNkosikazi uMacbeth.

Nkosi yam ezukileyo,  
Izihlobo zakho ezizukileyo ziyakuvela ukungabikho  
kwakho.

**UMacbeth.**

Ndinemasi.

Ningathi manga ndim, zihlobo zam zizuke ngeyona  
ndlela; 85

Ndinesikhwasilima esingaqhelekanga, esingasathatyathe-  
lwa ngqalelo

Ngabo bandaziyo. Yizani, uthando nempilo kuni nonke;  
Endothi ke ndihlale phantsi. Ndiphe iveyine; yizalise  
ichuchume.

Ndiyisela ukunonwabisa nonke etafileni,

Nomhlobo wethu othandekayo uBanquo, esikuvelayo  
ukungabikho kwakhe; 90

Akwaba ebelapha! nina nonke, kwakunye naye sini-  
nqwenelela

Iminqweno emihle elowo nalowo.

**LiNduna.**

Yamkela ukukuthobela kwethu nokubuyekeza loo mi-  
nqweno.

**Kungena isiporo**

**UMacbeth.**

Shenx' apha, mka phambi kwamehlo am! umhlaba ma-  
wukufihle!

Amathambo akho akanamongo, igazi lakho liyabanda;  
Akubonakali unangqiqa kuloo mehlo 95  
Uthe ntsho ngawo.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Khanifumane niyicinge into enje ngale, matshawe  
alungileyo,

Kodwa njengento eseyingumkhwa kuye: ayisathatya-  
thelwa ngqalelo;

Ngaphandle nje kokuba iphazamisa ulonwabo lweli theko.

**UMacbeth.**

Lowo usuna umngeni, ndimlungele:

Uthi tholo apha ngokwebhere evukuvuku yaseRa-  
shiya, 100

Ngokomkhombe oqule wagqiba, okanye ngokwengwe  
yaseHaykeniya;

Ungakuso nasiphi na isimo kodwa ungabi yiyo loo nto,  
yaye imisipha yam eyomeleleyo ingasayi kuze igubhe:  
kungenjalo iphile kwakhona,

Undibiz' umngeni ngekrele lakho ukuba sicweye;  
Ukuba ndibonis' ukugubha ke, ndibize ngokuba  
Ndingunopopi wentwanazana. Shenx' apha ntshembe-  
nxa ndini yesithunzi! 105

Mkhohlisi ndini ububuxoki, mka! /See dukalala isiporo.  
Tyhini, okunene, sakumka,

Ndangumntu kwakhona. Ndiyanibongoza hlalani nizole.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Ulugxobhagxobhile ke ulonwabo, wayovuyavuya imbu-  
tho engeyiba ibimnandi,  
Ngesiphithiphithi esingaqhelekanga ngendlela eyodwa.

**UMacbeth.**

Izinto ezinje ngezi zinakho ukuhla sini na 110  
Zidlule phezu kwethu ngokwelifu lehlobo,  
Kanti noko asikukhe sithi khamnqa? Noko nindeniza  
umntu oyedwa

Nakwindlela endidalwe ngayo, ngohlobo lokuba ndibo-  
nakale ndingendim,  
Xa ngoku ndicing' ukuba nibona imibono elolo hlobo,  
Zihlale ezenu izidlele zinombala wendalo, 115  
Xa ezam zilahl' umbala kukoyika.

**URoss.**

Mibono mini, mhlekazi?

**UNkosikazi uMacbeth.**

Ndiyanicela, musan' ukuthetha; uya esonakala ngoko-  
nakala;

Umbuzo uyamqumbisa. Ngoku nangoku, yiroleni indara:  
Ningazikhathazi ngobuni-buni bezithethe,  
Kodwa hambani kwangoku.

**ULennox.**

Rolan' indara; ngamana impilo 120  
Yomhlekazi ingahlaziyeka!

**UNkosikazi uMacbeth.**

Ngamana ningalala kamnandi nonke!

/Zaphuma iiNduna neempelesi.

**UMacbeth.**

Iya kuba negazi, batsho; igazi liya kuba negazi:  
Amatye selekhe abonwa eshukuma nemithi ithetha;  
Osiyazi ngokudibanisa le naleya sebekhe  
Ngeentaka ezingamalunga, ngonomyayi, abazisila zide,  
ngonomyayi babelisa  
Eyona ndoda ifihliweyo, yegazi. Kuxesha lini ebu-  
suku? 126

**UNkosikazi uMacbeth.**

Kuphakathi kobusuku nokusa, yiyiphi ke eyiyo.

**UMacbeth.**

Uthini kwinto yokuba uMacduff ale ndakumbiza?

**UNkosikazi uMacbeth.**

Ubukhe wathumela kuye, mhlekazi?

**UMacbeth.**

Ndiyeva gxebe; kodwa ndiya kuthumela.

130

Akukho nalo mnye, kodwa endlwini yakhe

Ndihlawula isicaka sakhe. Ndiya kuthi ngomso —

Kunjalonje kwangethuba — ndiye kwiintokazi ezilawula  
iziphelo zezinto:

Zondichazela ngaphezulu; kuba ngoku ndikunxanelwe  
Ukwazi,

Ngeyona ndlela imbi oko kubi kanye. Ukulungiselela  
isiqu sam

135

Yonke eminye imicimbi yokhe ibekwe nxamnye: ndise-  
gazini

Sendithe nqa kangaka, ngohlobo lokuba ukuba andina-  
kubheka phambili,

Ukubuya umva kuya kuba yindinisa kwanjengokusinga lee.

Ndinezinto endizimisele ukuziphumeza kuqala, ndandule  
ke ndicinge ngazo.

140

**UNkosikazi uMacbeth.**

Uswele oko kumbeka kwimeko eyiyo umntu, — ubu-  
thongo.

**UMacbeth.**

Hamba siye kulala. Ukuzikhohlisa kwam okungaqhele-  
kanga

Zizothuso zoqalayo ezingekaqaqadekiswa sisiqhelo:

Sisebatsha ekwenzeni.

/Baphuma

## Umboniso V.

### INKQANTOSI

**Iindudumo. Kungena amagqwirakazi amathathu, ehla-  
ngabeza uHecate.**

**Igqwirakazi lokuqala.**

Tyhini, yintoni ngoku, Hecate, wakhangeleka uqumbile?

**UHecate.**

Bekungafanelekanga yini ukuba ndibe njalo, zinkatha-  
vukazi zinje, zinezothe nobugagu? Ihle ngayiphi

indlela into yokuba nina nirwebe nananiselane no-  
Macbeth

5

Ngoqashiqashi nangemicimbi engokufa;  
Ndize mna, chulekazi lamakhubalo enu,  
Mqulunqi ufihlakeleyo wazo zonke iingozi,  
Ndingabi ndibiziwe ndaza kubonakalisa eyam indawo,  
Mhlawumbi ndibonise uzuko lobugcisa bethu?  
Kwaye eyona nto imbi nangaphezulu, oko nithe nakwe-  
nza

10

Nikwenzele unyana ozindlela zinxaxhileyo,  
Onenzondo nengqumbo; othe, njengoko abohlobo lwakhe  
benjalo,  
Wathanda ezakhe iindlela, ingezizo zenu.  
Kodwa ke guqukani ngoku: hambani nimke,  
Zenithi kumhadi kaAcheron

15

Nidibane nam kusasa: apho ke  
Wofika aze kufuna ulwazi ngecamva lakhe yena:  
Izitya zenu nemilingo yenu mayibe ilungile,  
Amakhubalo enu nayiphi na into eyiyimbi ibe kufuphi.  
Ndiya kuba semoyeni; obu busuku ndiya kubuchitha 20  
Ndisebenzel' isiphelo seshwangusha nesipheth' ukufa:  
Mkhulu umsebenzi oma wenziwe ingekabathi imin'  
enkulu:

Kwigunjana elithile lenyanga kulengalenga  
Ithontsi elinzima elinyibilikayo;  
Ndoliganga lingekawi emhlabeni:

25

Elothi ke lona linyityilikiswe bubugcisa bemilingo  
Livelise imibono eya kuthi  
Ngokwamandla enkohliso yayo  
Imenze azitshabalalise:  
Uya kulicekisa ishwangusha, akudele ukufa, abonaka-  
lise

30

Amathemba adlula ubulumko, isihomo, noloyiko;  
Niyazi ke nina nonke, ukuzithemba okungamampunge  
Lulona lutshaba lukhulu loluntu.

/Ingoma ngaphakathi, 'Yizani, yizani,' njalo ke.  
Phulaphulani! ndiyabizwa; bonani umshologwana wam,

34

Uhleli elifini lenkungu, ulinde mna. /Waphuma.

Igqwirakazi lokuqała.

Yizani, masikhawuleze; uza kubuya kamsinyane. /Baphuma.

## Umboniso IV.

EFORRES. IGUMBI EBHOTWE  
Kungena uLennox nenyé iNduna.

### ULennox.

Ndibe ndikunika amanakani okokuba uqonde  
Nangaphezu kokuba ndibe ndithetha;  
Anokuthi ade adlulise ukukutolika: nto nje, ndithi,  
Izinto ziqhubeke ngendlela engaqhelekanga. UDuncan  
onendili

Wavelwa usizi nguMacbeth: nene, nene, wafa:  
Laza ikhalipha lomfo, uBanquo ngokufika kade; 5  
Eningathi ke kambe, ukuba oko kukholekile kuni,  
wabulawa nguFleance,  
Kuba uFleance wasaba: abantu mabangahlwelwa ezi-  
ndleleni.

Kuba ingubani ongeze angacingi oko xa besenza isikizi  
Elinje uMalcolm noDonalbain.

Lokubulala uyise ondilekileyo? senzo ndini siqalekise-  
kileyo! 10

Athi ke intlungu awaba kuyo uMacbeth! akathanga  
ngoko nangoko

Ngomsindo wokuthiy' okubi waqwenga amatshivela  
amabini,

Awayengamakhoboka eziselo, engamakhoboka obu-  
thongo?

Asisenzo saluzuko sini na eso? Ewe nesobulumko  
kanjalo;

Kuba bekuya kuqumbisa nayiphi intliziyo esempilweni 15  
Ukuva abantu bekukhanyela oko. Ngoko ke ndithi,  
Uziqhube ngokusemfanelweni zonke izinto; ndaye ndi-  
cing' ukuthi

Ukuba ubebatshixele onyana bakaDuncan, —

Njengokuba, ukuba kukholekile kumazulu, akayi kwe-  
njenjalo, —

Bebeya kuyifumana into ekuyiyo ukubulala uyise;  
ngokunjalo noFleance 20

Kodwa ke makuzolwe! kuba ngokuthetha phandle,  
nangokungezi

Kwitheko lolawula ngogonyamelo, ndiva ezokuba  
UMacduff uphila ubomi bohlazekileyo. Mhlekazi uno-  
lwazi

Lokuba uye kuzithi shwacaphi na?

**INduna.**

Unyana kaDuncan,  
Yena lowo kuhluthwa kuye ngulo ulawula ngogonyamelo  
ilungelo lokuzalwa, 25  
Uhlala kwikomkhulu lamaNgesi, waye amkelwe  
Ngohloneleke ngokungekuko nako uEdward, ngendili  
Engangokuba iimeko zolunya zingabi nakususa nto  
Kwimbeko yakhe ephakamileyo. Kulapho ke uMacduff  
Aye kubongoza ikumkani engcwele, ukuba ithi ngoncedo  
lwayo 30  
Ikhwezelele uNorthumberland nethanda-mfazwe uSeward:  
Ukuze ngoncedo lwaba — kongame yena  
Ukuqabelisa loo mcimbi ngempumelelo — sibe nakho  
kwakhona  
Ukufumana inyama ezitafileni zethu, nobuthongo ebu-  
suku,  
Sikhwelelise kwizidlo nemigidi yethu izitshetshe ezixhaph'  
igazi, 35  
Sibonise intlonelo efanelekileyo samkele iimbeko zenku-  
luleko;  
Konke oko singcungcuthekela kona ngoku. Ke kaloku  
ke le ngxelo  
Iyicaphukise ikumkani ngohlobo lokuba  
Izilungiselela ukukhe iye kucweya nempi.

**ULennox.**

Ithumele izwi kuMacduff?

**INduna.**

Oko ikwenzile: saza sakuba sifumene impendulo ethi,  
'Nkosi, ingendim,' 40  
Isijoli esiqumbe sasisifu sandinikel' umva,  
Sadumzela ngokungathi sithi: 'Uya kulililela ixesha  
lokundilibazisa ngependulo elolu hlobo.'

**ULennox.**

Ke oko bekufanele  
Ukumvusa azilumkele amele mgama  
Ngangoko ubulumko bakhe bungathi bumbonise. Inge-  
losi ethile engcwele 45  
Mayiphaphe iye kwikomkhulu laseNgilani yaneke  
Olu daba engekade eze, ukuze inyhweba ekhawulezileyo  
Ilibuyele kmsinyane eli lizwe lethu lihwalekileyo  
Phantsi kwesandla esiqalekisekileyo!

**INduna.**

Ndomkhapha ngemithandazo yam!

/Baphuma.

## INDIMA IV

### Umboniso I.

IQOLOMBA. ESAZULWINI, YIKETILE ENKULU EBILAYO.

**Iindudumo.** Kungena amagqwirakazi amathathu.

**Igqwirakazi lokuqala.**

Ikati enemigca ikhale kathathu.

**Igqwirakazi lesibini.**

Kathathu nakanye intloni incwinile.

**Igqwirakazi lesithathu.**

Isilwangangubo siyadanduluka: ‘Lixesha, lixesha.’

**Igqwirakazi lokuqala.**

Jikeleza iketile ebilayo.

Ugibisele umbilini onetyhefu.

5

Unomademfu, olele phantsi kwelitye elibanda ceke

Iimini kunye nobusuku bazo evelise amashumi amathathu

Ananye obuhluntu obubilileyo,

Mbiliseni kuqala kwimbiza yemilingo.

**Onke.**

Ophindiweyo, umsebenzi ophindiweyo nenkathazo; 10

Vutha mlilo, uthi xhaphaxhapha, ketile.

**Igqwirakazi lesibini.**

Lucwecwe lwenyoka yomgxobhozo,

Kule ketile bila ugcadeke;

Liso lesilwanyana samanzi nomhlaba, nozwane lwexoxo,

Buboya belulwane, nolwimi lwenja,

15

Lulwimi lumbaxa lweramba, Iwamvila lwenunu enothozayo,

Mlenze wecilihe, nephiko lesikhova,

Ukulungiselela ukhafulo lwengxushungxushu enamandla,

Ngokomhluzi wesihogo bilani nithi xhaphaxhapha.

**Onke.**

Ophindiweyo, umsebenzi ophindiweyo nenkathazo; 20

Vutha mlilo, uthi xhaphaxhapha ketile.

**Igqwirakazi lesithathu.**

Ntsente yesilwangangubo, zinyo lengcuka,

Mayeza amagqwirakazi enziwe ngemiqwayito, sisu nawe phango ndini

Lokrebe oqwengayo wolwandle olumtyuwa,

Ngcambu yobuhluntu obungenambaliso embiwa ngamathunzi,

25

Sibindi somJuda ongumnyelisi,  
Nyongo yebhokhwe, zintsasa zomthi weyu  
Zishunqulwa xa inyanga ifiphele,  
Mpumlo yomTalika, nemilebe yomTalata,  
Mnwe wosana oluqhomfiwego  
Obeluzalelwem seleni lihenyukazi, 30  
Wenzeni umhluzi ujiye ube bungxambuluza:  
Nongeze kuwo umbilini wengwe,  
Kwimixubexube yeketile yethu.

**Onke.**

Ophindiwego, umsebenzi ophindiwego nenkathazo. 35  
Vutha mlilo uthi xhaphaxhapha ketile.

**Igqwirakazi lesibini.**

Wuphozise ngegazi lemfene,  
Sothi ke isisukulo siqine silunge.

**Kungena uHecate.**

**UHecate.**

Awu! ngxatsho ke! ndiyanincoma ngokuzikhathaza,  
Ingulowo nalowo uya kuxhamla exhayelweni. 40  
Ngoku ke culani ningqonge iketile le,  
Ngokothikoloshe nemishologu yenze isangqa,  
Ninandiphisa konke enithe nakugalela kuyo.  
*/Intsholo nengoma, ‘Onomathotholo abamnyama,’ njalo njalo.*

**Igqwirakazi lesibini.**

Ukuntlontlozela kobhontsi bam,  
Kubonisa ukuba kukho nto ikhohlakeleyo izayo. 45  
Vulekani zitshixo,  
Nokuba ngubani na onkqonkqozayo.

**Kungena uMacbeth,**

**UMacbeth.**

Kutheni ngoku, zinkathavukazi zifihlakeleyo, zimnyama,  
zeenzulu zobusuku!  
Yintoni le niyenzayo?

**Onke.**

Isenzo esingenagama.

**UMacbeth.**

Ndiyacamagusha kuni, ngoko nithi niyakwazi, — 50  
Nokuba nikwaze ngandlelani na, — ndiphenduleni:  
Nokuba senikhulula imimoya niyenze ilwe  
Neetyalike; nokuba amaza alephuza amagwebu  
Anokubhida-bhida aginye iinqanawa;

Nokuba ninokulalisa waca izilimo eziselikhaba, niwise imithi; 55

Nokuba iikhasile zinokudilikela phezu kweentloko zabagcini bazo;

Nokuba amabhotwe neepiramidi selethambeka  
Iintloko zazo zijonge ezisekwani zazo; nokuba ubutyebi  
Beembewu zeNdalo buyawelana

Ewe nokuba imbubhiso ide yenze icaphucaphu; ndiphennduleni 60

Kuloo nto ndinibuza yona.

**Igqwirakazi lokuqala.**

Thetha.

**Igqwirakazi lesibini.**

Biza.

**Igqwirakazi lesithathu.**

Siya kuphendula.

**Igqwirakazi lokuqala.**

Xela ukuba unga ungakuva kuphuma kweyethu imilomo,  
Okanye kweyeenkosi zethu?

**UMacbeth.**

Zibizeni: makhe ndizibone.

**Igqwirakazi lokuqala.**

Galela igazi lehangukazi edle

Amantshontsho ayo alithoba; aze amafutha abilisayo 65  
Avela kumthi wesigebenga wokuxhoma umntu niwaphose  
Elangatyeni.

**Onke.**

Yiza, ophezulu okanye ezantsi;

Zibonakalise nobuchule bomsebenzi wakho.

**Iindudumo. Umbono wokuqala wentloko exhiboley.**

**UMacbeth.**

Ndazise, mandla ndini angaziwayo —

**Igqwirakazi lokuqala.**

Uyakwazi okucingayo:

Phulaphula intetho yakhe, kodwa ungathethi nto. 70

**Umbono wokuqala.**

Macbeth! Macbeth! Macbeth! Iumkela uMacduff;  
Lumkela iNduna yaseFayfu. Ndiyeke ndihambe.

Kwanele. /Wehla.

**UMacbeth.**

Nokuba uyintoni na, ngokundivusa kwakho, ndiyabulela;  
Ubeke umnwe kanye kwinto ebendiyoyika. Kodwa  
makhe ndenze libe linye, —

## Igqwirakazi lokuqala.

Akayi kuyalelwa nto: nanku omnye,  
Onamandla nangaphezu kowokuqala.

76

**Iindudumo, umbono wesibini, umntwana owophisayo.**

## Umbono wesibini.

Macbeth! Macbeth! Macbeth! —

## UMacbeth.

Ukuba ndibe ndineendlebe ezintathu, bendiya kukuva.

## Umbono wesibini.

Yiba ngumphalazi-gazi, ukhaliphe, ungagungqi, wahlek'-  
uqikileke amndl' omntu, kuba akakho ozelwe ngu-  
mfazi onokukwenzakalisa.

80

/Wehla.

## UMacbeth.

Phila ke, Macduff: ndingoyika ntoni kuwe?

Kanti ke noko mandiqiniseke ndithi ndenjenjalo ndiphin-  
nde ndiqiniseke,

Ndenze isibhambathiso nabapheth' ubomi: akusayi  
kuphila;

Ukuze ndazise uloyiko oluphuma kwintliziyo emthwe-  
beshu ukuba luyaxoka,

85

Ndilale noko kukho iindudumo.

## **Iindudumo. Umbono wesithathu, umntwana uthweswe isitshaba, uphethe umthi.**

Yintoni le,

Ithi thu ngokwenzala yekumkani,

Inxibe kwelo bunzi layo lobuntwana isitshaba

Nolona phawu luhakamileyo lobungangamela?

## Onke.

Phulaphula, kodwa mus' ukuthetha naye.

## Umbono wesithathu.

Yiba nentliziyo yengonyama, uzigase, ungakhathaleli  
bani

Uzixhalisayo, enecaphucaphu mhlawumbi nokuba nga-  
baphi na abeyelenqe:

91

UMacbeth akasayi kuze oyiswe de

Ihlathi elikhulu lase Birnam lize kulwa naye

KwiNduli ephakamileyo yase Dunsinane.

/Wehla.

## UMacbeth.

Oko akusayi kuze kwenzeke:

Ngubani onokunyanzela ihmathi lisebenze, ayalele um-  
thi

95

Uncothule iingcambu zalo ezendeleyo emhlaben? Zi-  
profeto zihle! Ngxatsho!

Ntloko yovukelo, ungaze uvukele de libe ihlathi  
LeBirnam livukele, no Macbeth wethu obekwe kwezi-  
phezulu iindawo

Uya kuphila ade abe ubufincile ubomi, awunikele umphe-  
fumlo wakhe

Ephakadeni ngendlela eqhelekileyo yokufa. Kanti ke  
intliziyo yam 100

Iyangongoza ngokunga ingazi ntwinye: ndaziseni —  
ukuba ubuchule benu

Bunokuhamba kangako, — ingaba inzala ka Banquo yoze  
Ilawule kobu bukumkani?

**Onke.**

Mus' ukufuna ukwazi ngaphezulu.

**UMacbeth.**

Ndiyakwaneliseka: ndilanduleleni ke oku,  
Saye isiqalekiso sasephakadeni siya kuwa phezu kwenu!  
Mandazi. 105

Kungasizathu sini ukuba izike le ketile? iyingxoloni leyo  
yona? /Ingxolo etswinayo

**Igqwirakazi lokuqala.**

Bonisa!

**Igqwirakazi lesibini.**

Bonisa!

**Igqwirakazi lesithathu.**

Bonisa!

**Onke.**

Bonisa amehlo akhe, ive buhlungu intliziyo yakhe; 110  
Yizani ngokwezithunzi, ninduluke kwangolo hlobo.

**Umboniso weeKumkani ezisiSibhozo; eyokugqibela inegilasi  
esandleni:**

ISiporo sikaBanquo silandela.

**UMacbeth.**

Wafana ngendlela eyodwa nesithunzela sikaBanquo;  
yihla!

Isitshaba sakho siyazitshisa iinkozo zamehlo am: neenwe-  
le zakho,

Wena unxitywe isitshaba esisimbi segolide, zifana neza-  
mhla mnene:

Owesithathu ufana nowangaphambili. Maxhegwazana  
ndini amdaka! 115

Kungani ukuba nindibonise oku? Eyesine! Tsibani  
ezingxobeni mehlo!

Yini le! olu ludwe luya kuqhuba na kude kuvakale isandi  
somgwebo?

Kusekho omnye? owesixhenxe! andiyi kuba sabona  
wumbi:

Ukanti nanko owesibhozo ebonakala, ephethe igilasi  
Endibonisa abaninzi ngaphezulu; abanye ndiyababona  
bethwele iibhola 120

Ezizintlu zimbini neentonga zegunya ngantathu.

Mbono ndini mbi! Ndiyabona ngoku kuyinyaniso;  
Kuba uBanquc onwele zibopheneyo ligazi uyandihleka,  
Alathe kuzo njengezakhe. /**Yee dukalala imibono.**  
Yini le! Hlelinje kunje?

### Igqwirakazi lokuqala.

Ewe, mhlekazi, konke kunje ke: kodwa kungani 125

Ukuba uMacbeth eme ethe khumanqa olu hlobi?

Yizani bodade, masomeleze umoya wakhe,  
Sibonakalise eyona migcobo yethu imnandi.

Ndiya kuwuloya umoya unike isandi,

Lo gama nenza umxhentso wenu ongaqhelekanga woji-  
kelezo, 130

Ukuze le ngangalala yekumkani ibe nokuthi ngobubele  
Siyibonise iimbeko zokuyamkela.

/**Ingoma. Amagqwirakazi axhentsa aza athi shwaka kunye**  
noHecate.

### UMacbeth.

Aphi? Emkile? Mayithi le yure inengozi  
Ihlale iqalekisekile ekubalweni kweminyaka!  
Ngena, wena ungaphandle apho!

**Kungena uLennox.**

### ULennox.

Ubenqwenela ntoni umhlekazi? 135

### UMacbeth.

Uzibonile iintokazi ezinonkwantyiso?

### ULennox.

Hayi, nkos'am.

### UMacbeth.

Azidlulanga kuwe?

### ULennox.

Hayi ngenene, nkosi yam.

### UMacbeth.

Mawusuleleke loo moyo zikhwele kuwo,

Baqalekiswe bonke abo bakholose ngazo! Ndikuvile  
Ukuphala kwehashe: ibingubani lowo ubedlula? 140

**ULennox.**

Bebebabini bathathu, mhlekazi, bekuphathele udaba  
lokuba

UMacduff usabele eIngilani.

**UMacbeth.**

Usabele eIngilani!

**ULennox.**

Ewe, mhlekazi.

**UMacbeth.**

Xesha ndini, wena uyayandulela imigudu yam eyoyike-  
kayo;

Injongo ekhawulezileyo ayikhe ifunyanwe idlulwe 145  
Ngaphandle kokuba isenzo sihambe nayo; ukuthabathela  
kweli xesha

Ingcamango yokuqala efikayo kwintliziyo yam  
Isandla sam asiyi kuziliza ukuyiphumeza. Nangoku ke,  
Ukuqabelisa ingcamango yam ngezenzo, okucingiweyo  
makwenzeke:

Ndiya kuyothusa ikhasile kaMacduff; 150  
Ndiyihlasele iFayfu; adliwe luhlangothi Iwekrele umka-  
khe,

Jintsana zakhe, nazo zonke ezo ndwayi zemiphefumlo  
Zibalelwa kuluhlu lwakhe. Asikuko kugwagwisa kwa-  
situnxa nje oku;

Esi senzo ndiza kusiphumeza ingekapholi le njongo:

Kodwa akuyi kubuye kubekho mibono! Aphi la ma-  
nene? 155

Hambani, nindise kuloo ndawo bakuyo. /Baphuma

## Umboniso II.

EFAYFU. KWIKHASILE KAMACDUFF.

Kungena uNkosikazi uMacduff, nonyana wakhe, noRoss.

**UNkosikazi uMacduff.**

Wenzeni le ide imbangele ukuba asabe kweli lizwe?

**URoss.**

Kuya kufuneka unyamezele, Nkosikazi.

**UNkosikazi uMacduff.**

Ayikho:

Ukusaba kwakhe bubuhiba: naxa nje izenzo zethu zinga-  
tsho njalo,

Izothuso zethu ziya kusibonakalisa singabangcatshi.

**URoss.**

Akwazi nokuba ibe ibubulumko bakhe nokuba ibe izizothuso zakhe. 5

**UNkosikazi uMacduff.**

Ubulumko! ukushiya umkakhe, ashiye iintsana zakhe,  
Indlu yakhe enkulu entle, izinto zakhe anelungelo kuzo  
kwindawo

Athi yena siqu asabe kuyo? Akasithandi konke;  
Uswele olo thando Iwemveli; kuba incede engento  
Eyona ntaka incinane ezintakeni, ithi ilwe — 10  
Xa amantshontsho ayo asendlwaneni — isilwa nesikhova.  
Konke luloyiko akukho luthando konke;  
Bukwabuncinane kangako nobulumko, xa usabo lugqitha  
imida yokuqiqa.

**URoss.**

Sizalwana sam sithandeka ngokukodwa,  
Ndiyakubongoza, zifundise: kodwa yona indoda ya-  
kho, 15

Izukile, ilumkile, inokuqiqa, ikwazi kakuhle okunobu-  
ngozi

Ikwixesha eli. Akukho nto ithi mandinabe ukuthetha:  
Kodwa wona amaxesha la afumbethe ubukrelemnqa,  
xa kanti singabangcatshi, singazazi njalo noko, xa  
sinokwamkela iingxelo ezingenasihlahla ngaphandle  
koloyiko lwethu, kanti ke noko asikwazi esikoyikayo, 20

Kodwa sifunqulwe lulwandle olulwayo luvuthuza nga-  
mandla lusiphosa ngapha nangapha. Mandikushiyi:

Andiyi kumka thuba lide, kodwa ndobehle ndifike.

Izinto eziseluchochoyini lobubi zodamba, kungenjalo  
zinyukelane

Zibe yiloo nto beziyyiyo ngaphambili. Sizalwana sam  
sibukekayo, 25

Maziwe phezu kwakho iimfefe!

**UNkosikazi uMacduff.**

Unoyise, ukanti akanayise.

**URoss.**

Ndingalila ukuba ndinokuhlala ngaphezu koku,  
Oko kubo lihlazo lam, nokungonwabi kwakho:  
Sendihamba ke. /Waphuma.

**UNkosikazi uMacduff.**

Mfokazi, uyihlo ufile: 30

Uza kuthini ngoku? Uza kuhlala ntlaloni?

**Unyana.**

Leyo ihlalwa ziintaka, mama.

**UNkosikazi uMacduff.**

Yini le! Yemibungu neempukane?

**Unyana.**

Nditheth' ukuthi, koko ndingathi ndikufumane; nazo zenjenjalo.

**UNkosikazi uMacduff.**

Ludwayi ndini lwentaka! ubungafanele kuze uwoyike umnatha kwanendembu,  
Umhadi kwanezibatha.

**Unyana.**

Ndingenjenjalo ngasizathu sini, mama? Iintsizana zeen-taka azifanele kuthiyiselwa.

Ubawo akafile kuko konke oku kuthetha kwakho.

**UNkosikazi uMacduff.**

Ewe, ufile: uza kuthini ungenayihlo nje?

**Unyana.**

Kambe ke, uza kuthini ungenandoda nje?

**UNkosikazi uMacduff.**

Kutheni nje, ndingazithengela amashumi amabini awo nakuyiphi na imalike.

**Unyana.**

Oko kukuthi wowathenga uze ubuye uwathengise.

41

**UNkosikazi uMacduff.**

Asikuko nokuba ucikozile; kanti ke, enenen  
Ngobuciko obanele wena.

**Unyana.**

Ubawo ubengumngcatshi, mama?

**UNkosikazi uMacduff.**

Ewe, ubenguye.

45

**Unyana.**

Yintoni umngcatshi?

**UNkosikazi uMacduff.**

Tyhini, ngulowo ufungayo aze axoke.

**Unyana.**

Bangaba bonke abangcatshi benza loo nto?

**UNkosikazi uMacduff.**

Nawuphi na owenza loo nto ngumngcatshi, abe efanel'  
ukuxhonywa.

**Unyana.**

Bafanel' ukuxhonywa bonke na abafungayo baze baxoke?

**UNkosikazi uMacduff.**

Nawuphi na.

51

**Unyana.**

Ngubani oma kabaxhome?

**UNkosikazi uMacduff.**

Kutheni nje, ngabantu abanyanisekileyo.

**Unyana.**

Makabe ke amaxoki nabafungi zizihiba, kuba akho amaxoki nabafungi ekwanelele ukuwoyisa amadoda anyanisekileyo, ngokokude abe nokuwaxhoma.

**UNkosikazi uMacduff.**

Ke kaloku ke ngamana uThixo anganawe lusizana ndini lwenkawu!

Kodwa uza kuthini ngaphandle kukayihlo?

**Unyana.**

Ukuba ubengotshabileyo, unge umlilela: xa ungenjenjalonje, seyimitshontshi leyo yokuba akuyi kuba kudala ndingafumananga omtsha ubawo.

61

**UNkosikazi uMacduff.**

Lusizana ndini lubhibhidla amazinyo, yintoni na le uyithethayo!

**Kungena iSigidimi.**

**ISigidimi.**

Amathamsanqa makawe phezu kwakho, nzwakazi ndini!

Andaziwa nguwe,

Naxa nje ndiwazi kangaka umgangatho okuwo.

Kukho nto ithi mandithi ingozi iyakuchwechwela:

65

Ukuba unokulithabatha icebiso elingephi lomntu nje,

Zibe apha; khwelela neentwana zakho.

Ukukothusa olu hlobo, kubonakala kum kusisenzo sobukrwada;

Ukungakuvusi koko kukugudlileyo yinkohlakalo engathethekiyo,

Ngamana amazulu angakulondoloza!

70

Andiyi kuba sahlala.

**/Saphuma.**

**UNkosikazi uMacduff.**

Ndiya kusaba ndisingephi?

Andinabubi ndibenzileyo. Kodwa ndakhumbula ngoku Ndikweli lizwe legada, apho ukwenza ububi

Kuntyontyelwa amakhwelo futhi, kuze ukwenza ubulu-  
ngisa maxa wambi

Kujongwe njengobuyatha obunobungozi; kungasizathu  
sini ke, athi ke? 75

Ukuba ndibe ndizama ukugoqa ngohlanganiso lomfazi,  
Lokuthi andenzanga bubi?

**Kungena iZigwinta.**

Bubuso bobani obu?

**ISigwinta.**

Iphi indoda yakho?

**UNkosikazi uMacduff.**

Ndithemb' ukuba ayikho kwindawo enje ukungangcwali-  
seki

Apho izinto ezinje ngawe nje zingathi ziyifumane khona.

**ISigwinta.**

Ingumngcatshi.

80

**Unyana.**

Ulixoki, ndlavini ndini, ivukuzelis' iinwele.

**ISigwinta.**

Intoni, qandana ndini!

Thole lomngcatshi!

/Simgwaza.

**Unyana.**

Sindiqibile, mama:

Baleka, ndiyakubongoza!

/Wafa.

/Waphuma uNkosikazi uMacduff, ekhwaza 'Ubu-  
benga' eleqwa zizigwinta.

### Umboniso III.

EINGILANI. PHAMBI KWEBHOTWE LOKUMKANI

**Kungena uMalcolm noMacduff.**

**UMalcolm.**

Masifunafune umthunzi osenkangala, size apho

Sitywizise zome khonqo izifuba zethu ezilusizi.

**UMacduff.**

Masitshele kanye

Kweso sinkempe sibhubhisayo, size ngokwamadoda ahlo-  
niphekileyo, silikhusele ilizwe lethu elixotyongwayo;  
Intsasa nganye evelayo iza nogxwalo lwabahlolokazi  
abatsha,

Neenkedama ezibhombolozayo, iintsizi ezintsha

Zilimpakaza izulu ebusweni, ngokokude

5

Libe ngathi liyavelana neSkotlani lidanduluke,  
Lincwine kwangaloo ndlela ziintlungu.

**UMalcolm.**

Xa ndithe ndoyisakala ukuba ezi zinto zihlile, ndolila,  
Loo nto indenza ndikholwe, naloo nto ndinokuyilungisa,  
Xa lithe ithuba lakufanelo oko, ndiya kuyenza. 10  
Oko ukuthethileyo kusenokuphuma kuloo nto.  
Lo ulawula ngogonyamelo, ogama eli lakhe lodwa litsho  
Amalwimi ethu abe namadyungudyungu,  
Wakha wacingelwa njengonozuko; ukhe wamthanda  
kangaka;  
Akakakuchukumisi noko ke. Ndiselula; kodwa angaziva  
enombulelo kuwe  
Ngokwenzakalisa mna, ke bubulumko 15  
Ukunikezela ngetakane elimbuna, elilusizana nelingena-  
kumbi  
Ukuthomalalisa isithixo esiqumbileyo.

**UMacduff.**

Andimngcatshi.

**UMalcolm.**

Kodwa uMacbeth unguye.  
Olungileyo nongenakumbi ngendalo  
Unokunyanzelelwa ekuweni phantsi  
Ephumeza imiyalelo yekumkani. Kodwa ke wothi  
undixolele; 20  
Loo nto uyiyo ayinakuguqulwa ziingcamango zam;  
lingelosi zisaqaqambile naxa nje eyona yabizigqwese  
Zonke ngokuqaqamba yawayo;  
Nokuba zonke izinto ezikhohhlakeleyo bezingade zizi-  
bonakalise zilungile,  
Kodwa bona ubulungisa buya kuba busoloko buyiloo  
nto buyiyo.

**UMacduff.**

Ndiphelelwe ngamathemba.

**UMalcolm.**

Mhlawumbi kuloo ndawo kanye endafumana kuyo  
amathandabuzo am. 25  
Kungani ukuba uthi kusekutsha kangaka umshiye  
umkakho nomntwana—  
Ezo mpembelelo zinqabileyo, lawo maqhina aluqilima  
othando —  
Ungabanga sabulisa nokubulisa? Ndiyakubongoza,

Iingcamango zam zorano mazingabi ngunobangela wa-  
mahlazo akho,  
Koko mazibe zizikhuselo zam; usenokuba senyanisweni  
ngenene, 30  
Nokuba mna ndicinga ntoni na.

**UMacduff.**

Vuzis' igazi, vuzis' igazi, ludwayinge ndini lwelizwe!  
Lulawulokazi ndini logonyamelo, zimilisele iziseko zakho  
zizinze ngokungenaxhala,  
Kuba ubulungisa abunakukuthiba! nyalasa ngobubi  
obenzayo;  
Ilungelo ulinikiwe! Sala kakuhle, mhlekazi:  
Bendingeze ndibe yiloo ndlavini undicingela ukuba  
ndiyiyo 35  
Nokuba bendinokulifumana lonke eliselulawulweni lwale  
ngqwangangqwili,  
Nelityebileyo laseMpumalanga ngaphezulu.

**UMalcolm.**

Mus' ukukhathazeka:  
Bendingathethi njengonoloyiko olunkwantyisayo ngawe.  
Ndicing' ukuthi ilizwe lethu liyazika phantsi kwale  
dyokhwe;  
Liyalila, liyophisa, kube mihla le kusisa  
Nako kuxotyulwa ukhoko kwizilonda 40  
ebeselinazo: ndicing' ukuthi kuko konk' oku  
Kobakho abaqubul' izikrweqe ukulwela ilungelo lam;  
Ke kule Ingilani inesithozela sendithenjiswe  
Ngamawakawaka: kodwa kuko konk' oko,  
Ngelo thuba endothi ndiyixobonge intloko yomgonya-  
meli, 45  
Okanye ndiyithwale ngesinkempe sam, ke lona udwayi  
olulilizwe lam  
Luya kunyamezela iintlupheko ezininzi kunoko lakha  
lenjenjalo,  
Baninzi abaya kuthwal' iinzima, ngeendlelandlela ezinga-  
phezulu kwezo zakha zakho,  
Kulowo wothi alandele.

**UMacduff.**

Ingangubani bethu?

**UMalcolm.**

Ndim lowo ndithetha ngaye; endaziyo ukuba apha kum  
zonke iintlobo-ntlobo zenkohlakalo zithungelene, 50

Ezothi ke, zakuvulelwa, uMacbeth omdaka  
Abonakale emhlophe ngokwekhephu, uze lo mbuso  
uxhwalekileyo  
Umjunge ngokwetakane, akuthelekiswa  
Neenkohlakalo zam ezingathibekiyo.

**UMacduff.**

Kwimikhosi yesihogo esimanyumnyezi  
Akukho dwebile unokufunyanwa onokuqalekiseka  
Ekwenzeni inkohlakalo ngokude abethe uMacbeth.

55

**UMalcolm.**

Ndiyamvuma ukuba ungoxhaph' igazi,  
Olawulwa ziinkanuko, ibawa, eliswel' inyaniso, umkhohlisi,  
Umqubuli, onolunya, umngcamli waso nasiphi na isono  
Esinegama; kodwa akukho mzantsi, konke konke, 60  
Kuthando-mihlali lwam: abafazi benu, iintombi zenu,  
abaphathikazi benu,  
Nezicakazana zenu, abanakho ukuwuzalisa  
Umphanda weenkanuko zam, nomnqweno wam  
Zonke izithintelo ezithibayo unokuzoyisa  
Ezichasene nentando yam; kulunge kanye uMacbeth 65  
Kunokuba kulawule ololo hlobo.

**UMacduff.**

Inkanuko engenakuthibeka  
Endalweni ibubungqwangangqwili; yiyo ebengunobangela  
Wokulahlwa ngaphambi kwexesha kwetrone yolonwabo.  
Nokuwa kweekumkani ezininzi. Kodwa mus' ukoyika  
ukuthabathela  
Kuwe oko kukokwakho; usenokukuqhuba okweenka-  
nuko zakho 70  
Kwinkitha,  
Ukanti ubonakale uzipholele, ilizwe ulikhohlise.  
Sinezifebe ezaneleyo; Akungebikho  
Bazenza amaxhalanga kuwe, ukwenza imbuqe kwaba-  
ngako  
Ngokokude bancame ubunyulu babo, 75  
Ngokufuna ukukholisa ukumkani.

**UMalcolm.**

Kwakunye noku kukhula kuyo  
Loo ndalo yam yeenkanuko ezingalawulekiyo  
Ukunyoluka okunganezwa nto, ngohlobo lokuba ukuba  
bendiyikumkani,  
Bendiya kuzikhweleisa iinduna ngenxa yemihlabo yazo,  
Ndinqwenele amatye anqabileyo ale, nendlu yaleya; 80

Kuze okukhona kukuninzi endikufumanayo kusuke kube  
kokukhona njengesinongo  
Sokundiqhubela phambili ekunyolkeni, ndivusa iintuli  
Ezingekho ndleleni kwabalungileyo nakumafa-nankosi,  
Ndibabhubhise ngokufuna ubutyebi.

**UMacduff.**

Olu nyoluko

Lungena nzulu, lunabe ngengcambu enobungozi 85  
Kunokulinganisa ihlobo ebushushwini nasebufutshaneni  
balo,  
Lwaye lube seso sinkempe kwezo kumkani zethu zagwa-  
zwayo:

Kanti ke noko mus' ukoyika;

ISkotlani inentlaninge yokwaneza intando yakho,  
Yonke iyeyakho; zonke ezi zinto ziyanamezeleka,  
Zakuthelekiswa nezinye. 90

**UMalcolm.**

Kodwa andinazo: ezo zinto zenza indili zifanel' uku-  
mkani,

Ezinje ngobulungisa, inyaniso, ukuzeyisa, ukuzinza,  
Ubutyebi, uzondelelo, inceba, ubulali, ukuzilahlela,  
umonde,

Ukhalipho, ubukroti,

Andinayo nentwana yazo, kodwa ndixakathile 95  
Kwiindidindidi zeentlobo zokungcola,

Ndikubonisa ngeendlelandlela. Hayi, ukuba bendina-  
mandla

Bendiya kuluthululela ubisi olumnandi lwemvisiswano  
esihogweni,

Ndenze izabhengu, ndilovuyavuye uxolo, ndiphithizelise  
Lonke uvisiswano emhlabeni.

**UMacduff.**

Awu Skotlani, Skotlani!

100

**UMalcolm.**

Ukuba ke onjalo ukufanele ukulawula, yitsho:

Mna ndiyiloo nto ndiyichazileyo.

**UMacduff.**

Fanel' ukulawula!

Hayi, ofanel' ukungaphili. Athi ke! wena sizwe ndini  
siludwayi,

Esiphethwe ngongenalungelo lokwenjenjalo, elawula  
ngogonyamelo, exhaph' igazi,

Uya kuyibona nini na imihla yakho yobulungisa kwa-  
khona, 105

Njengokuba oyena uyifanele ngenene itrone yakho  
Ngokuzikhuphela kwakhe ngaphandle, emi engoqaleki-  
siweyo,

Enyelisa abo begazi lakhe? Uyihlo umntwan' egazi  
Wayeyiyona kumkani ingcwalisekileyo: ukumkanikazi  
okuzalayo,

Obebbonakala futhi eguqile kunoko emi ngeenyawo, 110  
Waphila ubomi bokuzigcina nokuzilandulela yonke  
imihla. Sala kakuhle!

Ezi zenzo zenkohlakalo uzibiza ngazo  
Zezindigxothe eSkotlani. Awu sifuba sam,  
Ithemba lakho liyaphela apha!

### UMalcolm.

Macduff, lo mnqweno uzukileyo,  
Mntwana wengqibelelo, ufuduse emphefumlweni wam 115  
Urano olungcolileyo, waxolelanisa ijingcamango zam  
Nayo inyaniso yakho elungileyo nalo uzuko Iwakho.  
UMacbeth onguSathana ngazo zonke iindlela zobuqho-  
phololo

Uzame ukundiwexulela kuye, baza ubulumko obunge-  
nabunganga 120

Bandikhaliphisa ukuba ndingasukeli phezulu; kodwa  
uThixo ophezulu

Wasebenza phakathi kwakho nam! kuba nangoku  
Ndizibeka ezintendeni zakho ukuba undikhokele,  
Ndiwaginya amazwi okuhleba kwam, apha ndiyawahla-  
mba

Amabala nezigxeko endizityikile ngazo,  
Izinto ezikude kwindalo yam. Andikazange ndazana  
nankazana, 125

Ndingazange ndixoke ndenjenje ngesiqu sam,  
Kunzima nokukhanuka noko kukokwam;  
Andikazange ndilwaphule ukholo Iwam nanini, ndibe  
ndingenakungcatsha

Umtyholi kumntu wakhe, ndingayithakazelei inyaniso  
njengobomi;

Eli licesha lokuqala endithethe into engeyiyo nyaniso  
ngam. 130

Into endiyiyo ngenene, yejakho nelizwe lam ukuba lindi-  
xelele;

Bendisingaphi na kade, phambi kokuba urike apha,  
Indod' enkulu uSiward, kunye neshumi lewaka lamadoda  
angamakroti,  
Selixhobe lagqiba, beliphuma. 135  
Ke kaloku ke siya kwenjenjalo kunye, ebenga amathuba  
empumelelo  
Angaqiniseka njengoko ubulungisa bomcimbi wethu  
bunjalo. Wathi cwaka?

**UMacduff.**

Izinto ezinje ukwamkeleka kwazo nezinje ukungamkeleki  
Zonke ngexesh' elinye, zitsho kube nzima ukuzenza zise-  
benzisane.

Kungena iGqira.

**UMalcolm.**

Gxebe; ndikhawulezele. Angaba uyeza sini na ukumkani,  
ndiyakubongoza?

**IGqira.**

Ewe, mhlekazi; kukhc iqela leendwayi  
Elilinde ukunyangwa nguye; isigulo salo sixake obona  
buchule  
Bukhulu kwicala lobugqira; kodwa ngochukumiso nje  
lwakhe,  
Athe amazulu anikela ungcwaliso kuso isandla sakho,  
Lusuka liphile ngoko nangoko.

**UMalcolm.**

Ndiyakubulela, gqira.

145

/Laphuma igqira.

**UMacduff.**

Sisifo sini esi lithetha sona?

**UMalcolm.**

Sibizwa ngokuba ngububi:

Ngumsebenzi othwalisa amehlo ngendalela eyodwa lo  
weli lunga lekumkani,  
Endithe futhi, ngethuba lokuhlala kwam apha eIngilani,  
Ndalibukela liwenza. Uhlobo abongoza ngalo amazulu,  
Selusaziwa nguye kuphela; kodwa abantu abanezi zigulo  
zingummangaliso, 150

Abangamafutyufutyu, benezilonda, ezibalekis' umzimba,  
Into etsho ubuchule bobugqira budule ukungabini kwabo,  
yena uyabanyanga,

Ngokujingisa imali yegolide ezintanyeni zabo,  
Egintyelwa ngomthandazo ongcwele; ke kukho amase-  
bezo,

Okungathi ikumkani elandelayo uya kuyambulela 155  
Le nyhweba yokuphilisa. Ngala mandla angaqhelekileyo,  
Unesiphiwo samazulu sokuprofeta,  
Nolunye uvilikitshane Iwamathamsanqa lulengalenga  
kuyo itrone yakhe  
Olutsho lumnike indili.

**UMacduff.**

Jonga, ngubani lo uzayo?

**UMalcolm.**

Ngowelakowethu; kodwa andikamchani ukuba ngubani na. 160

Kungena uRoss.

**UMacduff.**

Sizalwane sam saba soloko sinobulali, wamkelekile apha.

**UMalcolm.**

Ndamazi ngoku. Thixo wamazulu, khwelelisa ngokukhawuleza

Ezo zinto zisenza omnye abe ngowasemzini komnye!

**URoss.**

Nkosi ke, amen.

**UMacduff.**

ISkotlani iseyilaa nto ibiyiyo?

**URoss.**

Athi ke! olo ludwayi lwelizwe;

Seliphantse ukoyika nokuzazi. Alinakho 165

Ukubizwa ngokuba ngumzalikazi wethu, ndaweni yoko lilingcwaba lethu;

Apho kungekho bani wazi nto ngabani, ubonwa kanye encuma;

Apho izingqala, neencwina, nezikhalo ezibuhlungu ezi-dabula umoya

Ziqhubekayo, zingahoywa bani; apho usizi lophethwe ngobundlobongela

Lubonakala njengesiphazamiso esingathethi nto; apho intsimbi yomngcwabo 170

Ibetha kunqabe ukuva obuza ukuba konakeleni na; apho ubomi babantu

Abalungileyo bubhangangaphambi kokuba iintyatayambo eziseminqwazini yabo

Zome okanye phambi kokuba zibune.

**UMacduff.**

Awu' sizalwane

Waligocagoca!

**UMalcolm.**

Ziziphi ezokugqibela ezibuhlungu?

**URoss.**

Ukubalisa iindaba eseziidlulelwe yiyure zomenza umbali 175  
sisi

kuthiwe, nci! nci! nci! kuye njengobalisa esezigqolile;  
Umzuzu ngamnye uthwele ezintsha.

**UMacduff.**

Uqhuba njani umfazi wakowethu?

**URoss.**

Ubuza ntoni? uphilile.

**UMacduff.**

Nazo zonke iintwana zam?

**URoss.**

Ziphilile nazo.

**UMacduff.**

Olawula ngogonyamelo akakadubadubani nolonwabo  
lwabo?

**URoss.**

Hayi; bebonwabile bonke ukubashiya kwam.

**UMacduff.**

Ungaziqhoboshi kwintetho yakho: kuqhube ka ntoni?

**URoss.**

Ekuzeni kwam apha ukuza kuphalaza iindaba,  
Endizithwele kabuhlungu, kube kukho amasebezo  
Okokuba kukho iqela leenkewu ezizukileyo eziqhiwule  
iminqayi zifun' undikho;  
Endithi ngenkolo yam aqinisekiswa yinto yokuba  
Ndibone imikhosi yengqwangangqwili  
ishukushukuma. 185

Nali ke ithuba lokuph' izandla; oliliso lakho eSkotlani  
Woyila imikhosi, abenze abafazi bethu balwe,  
Ukuzikhulula kwiintlupheko zabo ezoyikekayo.

**UMalcolm.**

Mayibonwabise into yokuba

Siza kuba lapho. I-Ingilani enomsa

Isikhululele uSiward olungileyo, neshumi lewaka lama-  
doda; 190

Elidala nelinobuchule kunaye isoldati alikabikho  
Elingathi lonke elobuKristu lilivelise.

**URoss.**

Akwaba bendinokunkika ngolu lonwabo

Intetho ekwanjalo! Koko ndinamazwi  
Abefanel' ukukhwazwa kumoya wasentlango,  
Apho angenakuviwa bani.

UMacduff.

Abhekiselele entwenini? 195  
Kumcimbi odl' umzi? nokuba bubuhlungu obuphathelele  
kubani yedwa  
Obubangwa yinkathazeko ethile?

URoss.

Akukho ngqondo inyanisekileyo  
Imsulwa ekuvakalelweni yile ntlungu, noxa ubunzima  
bayo  
Buchukumisa wena kuphela.

UMacduff.

Ukuba yejam  
Mus' ukuyifihla kum; mandiyive ngokukhawuleza. 200

URoss.

Iindlebe zakho ke mazingalucekisi ulwimi lwam ngona-  
phakade,  
Oluya kuzenza zamkele esona sandi sinzima  
Ezakha zasiva.

UMacduff.

Mhm! Ndingaqashisela.

URoss.

Ikhaside yakho ihlaselwe; umfazi wakowenu nabantwana  
Baqwengwaqwengwa ngendlela yobundlobongela; uku-  
chaza uhlobo 205  
Lwezigede zala maxhama agetyengiweyo,  
Ingaba kukongeza ukufa kuwo.

UMalcolm.

Mazulu anenceba!  
Intoni! nkewu ndini; ungaz' uwutsale umnqwazi wakho  
phezu kwebunzi lakho;  
Nikela usizi amazwi; intlungu engathethiyo  
Isebeza kuloo ntliziyi isindasindekayo, iyyalela ukuba  
ikrazuke. 210

UMacduff.

Kwakunye nabantwana bam?

URoss.

Umkakho, abantwana, izicaka, nako  
Konke okube nokufumaneka.

**UMacduff.**

Mandinduluke ke apha!  
Umfazi wakowethu ufile naye?

**URoss.**

Senditshilo.

**UMalcolm.**

Yomelezeka:

Masenze iyeza ngayo impindezelo yethu enkulu,  
Ukunyanga le ntlungu ijac' umxhelo.

215

**UMacduff.**

Akanabantwana. Zonke jiintwanana zam ezimnandi:  
Uthe zonke? Awu ntloiyia ndini uzalwa sihogo! Zonke?  
Yini le! onke amantshontshwana amahle kunye nesi-  
khukukazi sawo  
Ngoriwulo olunye lwenkohlakalo.

**UMalcolm.**

Kunyamezele oku ngokwendoda.

**UMacduff.**

Ndiya kwenjenjalo;  
Kanti ke kanjalo mandivakalelwwe ngokomntu: 220  
Andinakukunceda ukungakhumbuli into ezaziyiyo ezo  
ntwana,  
Ezaziyinto yonke kum. Amazulu angaba abe nakho  
ukujonga,  
Aza akazilwela? Moni ndini Macduff!  
Bonke bankalwe ngenxa yakho. Ntwingento le indim,  
Akungaziphoso zabo, koko ngenxa yezam, 225  
Okubange olu gebengo lwemiphefumlo yabo. Mazulu  
baphumzeni ngoku!

**UMalcolm.**

Oku makube lilitye lokulola ikrele lakho: buth' ubuhlungu  
Bentliziyo buphethulelwwe kwingqumbo; musukuyithu-  
ntubeza intliziyo; mayiqumbe.

**UMacduff.**

Awu! Bendinakho ukwenza oko kwensiwa ngumfazi  
ngamehlo am,  
Ndilavuze ngolwimi lwam. Kodwa ke, mazulu ano-  
bulali, 230  
Makungabikho kulibazisa; yenzani ukuba sidibane ubuso  
ngobuso  
Nale demoni ichase iSkotlani kunye nam;  
Yibekeni kwisithuba esinokufikelewa likrele lam; ukuba  
iyesaba,

Yixoleleni, mazulu nayo.

**UMalcolm.**

Indoda yenjenjalo ke ukuthetha.

Yizani, masiye kukumkani; imikhosi yethu seyilu-  
ngile;

Akusekho nto isibambileyo ngoko masinduluke. UMac-  
beth sekulithuba

Ekufanel' ukukhe ashukunyiswe, ke amazulu akhuthaza  
ukuba imikhosi yethu

Ibe zizixhobo. Yamkela lo nkuthazo ungathi ube noku-  
yifumana;

Bude ubusuku obungade buyifumane imini. /Baphuma.

## INDIMA V

### Umboniso I.

EDUNSINANE. IGUMBI KWIKHASILE

Kungena iGqira leMichiza neMpelesi.

#### IGqira.

Ndibusuku bubini ndiphos' iliso kunye nawe, kodwa andifumani nyaniso kule ngxelo yakho. Bekunini ukugqibela kwakhe ukuhambahamba?

#### IMpelesi.

Okoko wathi ukumkani waqubul' isikrweqe, ndaba soloko ndimbona evuka esinqengqelweni sakhe, ezithi wambu ngegawuni yakhe yangokuhlwa, evula igunjana lakhe, ekhuph' iphepha, eligoba, ebhala kulo, elifunda, emva koko elitywina, abuye abuyele kwasezingubeni; kanti ngalo lonke elo xesha ukobunzulu ubuthongo.

#### IGqira.

Ukungazoli okungaka endalweni, ukwamkela ngexesha elinye inyhweba yobuthongo, nokwenza izinto zongathi uhleli!

Kolu lovuyovuyo lobuthongo, ngaphandle kokuhambahamba oku kwakhe nezinye izinto athi azenze, yintoni eyiyenye okhe, nangaliphi na ixesha umve eyithetha?

#### IMpelesi.

Oko, mhlekazi, endingenakunika ngxelo ngako ngokutsho kwakhe.

#### IGqira.

Ungakwenza oko kum, kwaye kubaluleke kakhulu ukuba wenjenjalo.

#### IMpelesi.

Nokuba seyinguwe, seyingubani andingekhe ndikwenze oko kungekho mntu wakuwangqina amazwi am.

**Kungena uNkosikazi uMacbeth ephethe isibane.**

Bona ke! nanko esiza. Nantso ke into ayiqhubayo; kwaye ndikufungis' ubomi bam, ukobukhulu ubuthongo.

Mqwalasele. Yima buzimela.

#### IGqira.

Usifumenephi esiya sibane?

20

#### IMpelesi.

Tyhini! besibekwe kwanguye: kuba soloko kukho isibane ngakuye; ngumgqaliselo wakhe lowo.

**IGqira.**

Uyabona ukuba amehlo akhe ajongile.

**IMpelesi.**

Ewe, kodwa ingqondo yawo ivalekile.

**IGqira.**

Yini le ayenzayo ngoku? Jonga indlela ahlikihla ngayo izandla zakhe.

**IMpelesi.**

Yinto yakhe leyo mihla le, ukubonakala ngathi uhlamba izandla. Sendikhe ndambona eyenza laa nto ikwata yonke yeure.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Ukanti nali ibala.

**IGqira.**

Yiva! uyathetha. Ndiya kukubhala oko kumphuma kuye, ukukhumbuza inkumbulo yam ngaphezulu.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Khwelela, bala ndini liqalekisekileyo! ndithi, ‘Khwelela!’

Inye, zimbini: tyhini, lithuba lokuqhuba ke. Isihogo sisithokothoko!

Ra, mhlekazi, ra! isoldati lize loyike? Yintoni esingayoyikayo, yaziwa ngubani, xa kungekho bani unokumelana nomkhosi wethu? Ukanti ngubani obengacinga ukuba indoda endala inegazi elingaka kuyo?

**IGqira.**

Uyayiphawula loo ndawo?

**UNkosikazi uMacbeth.**

INduna yaseFayfu yayinomfazi: uphi ngoku? Yini le!

Ezi zandla azisayi kuze zibe msulwa? Makuphele oku, nkosi yam, makuphele oku: wonakalisa yonke into ngesi siqalo.

**IGqira.**

Hamb' umke, hamb' umke, waze oko ube ungafanele kukwazi.

**IMpelesi.**

Uthethe oko abe efanel' ukungakuthethi, ndiqinisekile yiloo nto: Amazulu ayakwazi abefanel' ukukwazi.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Nali eli vumba leli gazi nangoku: zizonke iziqholo zase-Arebhiya azinakho ukusinika esi sandlana ivumba eliminandi.

Awu! awu! awu!

**IGqira.**

Yini le! isingqala esingaka! Intliziyo ingqukrulekile ngenene.

**IMpelesi.**

Andinakuyinyamezela intliziyo enjeya esifubeni sam nokuba sendiyikumkanikazi.

**IGqira.**

Hayi ke gxebe.

**IMpelesi.**

UTHixo esazi, kunjalo ke mhlekazi.

**IGqira.**

Esi sifo singaphaya kolwam ulwazi: kanti ke noko bakho esendikhe ndababona behambahamba xa baleleyo ababhubha ngokweengcwele kuzo iingubo zabo.

**UNkosikazi uMacbeth.**

Hlamba izandla zakho, uthi wambu igawuni yakho yangokuhlwa; ungakhangeleki ubuthuthura olo hlobo umbala. Ndiyakuxelela ke kwakhona uBanquo ungcwatyewe; akanakho ukuphuma engcwabeni lakkhe.

61

**IGqira.**

Ngoku ke ndazi konke, kanti kunje?

**UNkosikazi uMacbeth.**

Ezingubeni, ezingubeni; kukho onkqonkqozayo emnyaango

Yiza, yiza, yiza, yiza, ethe isandla sakho. Okwenzekileyo kwenzekile.

Ezingubeni, ezingubeni, ezingubeni. /Waphuma.

**IGqira.**

Uza kuya ezingubeni ngoku?

66

**IMpelesi.**

Ngqo.

**IGqira.**

Kukho amahumhum angathandekiyo athethekayo. Izennzo

Ezitenxileyo endleleni zizala iinkathazo ezingaqheleki-leyo:

Jingqondo ezsulelekileyo zithi kwimiqamelozizithulu 70 Ziphalaze amahlebo azo; ufanel' umfundisi nangaphezu kwegqira.

Thixo, Thixo sixolele sonke! Mlondoloze;  
Khwelelisa kuye konke okungathi kumenzakalise

Uthi gqolo ukumondela ngeliso. Kambe ke, yirole  
indara:

Utsho ingqondo yam yee tubakata, amehlo am ee ma-  
nga. 75

Ukucinga kona ndiyacinga, noko ndingenakuthetha nto.  
IMpelesi.

Yiro' indara, lunga ndini legqira. /Baphuma.

## Umboniso II.

### KWILIZWE ELIMELENE NE DUN SINANE.

Kungena igubu neebhanile, uMentheith, noCaithness,  
noAngus, noLennox, namasoldati.

UMenteith.

Imikhosi yamaNgesi ikufuphi, yonganyelwe nguMalcolm,  
noninalume uSiward, nelunga uMacduff.

Elowo kubo uyavutha ngumsindo wempindezel; ngenxa  
yezinto ezichukumisa yena siqu

Waye eya kukhwezelela noyena ungundilele ukuba  
aqubule isikrweqe

Afunz' empini.

UAngus.

Kufuphi nehlathi laseBirnam 5  
Siya kudibana nayo kakuhle; iza ngaloo ndlela.

UCaithness.

Kwazi bani ukuba uDonalbain akangebi ukunye nomnta-  
kwabo?

ULennox.

Ngokuqinisekileyo, mhlekazi, abakunye: ndinoludwe  
Lwazo zonke iinganga: kukho unyana kaSiward,  
Noqukuqelana lododana oluzilevu zisagudileyo, oluthe  
khona ngoku 10

Lwafuna ukuza kubonisa ukuba lufikisile ebudoden.

UMenteith.

Kuxa athini olawula ngogonyamelo?

UCaithness.

UMz' omkhulu iDunsinane uyixhobisa nkqi.  
Abanye bathi uphambene; bambi abangamthiyanga  
bakubiza oku  
Ngokuba yingqumbo yokhalipho; kodwa, ngokuqinise-  
kileyo, 15  
Akasenalulawulo kwimpi yakhe eyimpasalala.

### **UAngus.**

Makabe ngoku uyabuva ubugebenga abebenza ngasese  
 bumthiba;  
 Ngoku uvukelo lomzuzu ngamnye lungcikiva ulwaphulo-  
 lukholo lwakhe;  
 Abo abawisela imiyalelo bahamba nje ngokuthobela  
 loo miyalelo  
 Akukho senzo saluthando; ngoku buvakala ubukumkani  
 bakhe buwakuwaku 20  
 Kuye, ngokomnweba webhongobhongo uthiwe bhuu  
 lisela elibhoveleyo.

### **UMenteith.**

Ngubani ke oya kuzigxeka  
 Iingqondo zakhe ezididekileyo, zakuzibhija-bhija zine-  
 zothuso,  
 Xa nje konke okungaphakathi kuye kuzikhali melango-  
 bukho bakho apho?

### **UCaithness.**

Kambe, masihlabele mgama, 25  
 Ukuya kunikela intobelapho ifaneleke khona ngenene!  
 Sihlangabeze igqira lokunyanga ilizwe elingaphilanga,  
 Size sikunye nalo sithululele ekuhlanjweni kwelizwe lethu  
 Ithontsana ngalinye lethu.

### **ULennox.**

Mhlawumbi kangangoko lifuna ukunkcenkceshela  
 Lo ntyatyambo iyingangalala, lidodobalise iinkula. 30  
 Masihambe sisinge eBirnam. /Baphuma, bematsha.

## Umboniso III.

EDUNSINANE. IGUMBI KWIKHASILE

Kungena uMacbeth, negqira neempelesi.

### **UMacbeth.**

Ningabi sandizela nazingxolo zimbi; mabandishiye  
 bonke:  
 Lide ihlathi laseBirnam lisuke lize kuba seDunsinane  
 Andinakusulelwa luloyiko. Ibe yintoni nini imvekwana  
 uMalcolm?  
 Akazalwanga mfazi sini na? Imimoya enolwazi  
 Ngayo yonke imicimbi yoluntu ilawule yenjenje: 5  
 'Ungoyiki, Macbeth; akukho mntu uzalwa ngumfazi  
 Oya kuze abe nobungangamela phezu kwakho.' Ngoko  
 sabani, zinduna zinganyanisekanga,

Nixubane nezithanda-mihlali zamaNgesi:  
Ingqondo endilawula ngayo nentliziyo endiyithweleyo  
Azisayi kuze zingqwathe ngenxa yamathandabuzo, zinga-  
sayi kugubha kanjalo ngenxa yoloyiko. 10

Kungena isicaka.

Ngamana udwebile angakuqalekisa ube mnyama, sihi-  
ba ndini sibuso buzotywe mhlophe!  
Ubufumanaphi obo buso bunkangeleko ngathi yeyera-  
nisi?

**Isicaka.**

Lishumi lewaka lonke —

**UMacbeth.**

Amaranisi, ndlavini ndini?

**Isicaka.**

Amasoldati, mhlekazi.

**UMacbeth.**

Hamba uhlabe ubuso bakho, ulwenze bomvu ngaphezulu  
uloyiko lwakho,

Kwedini isibindi simhlophe okwenyibiba. Amasoldati  
toni gezana ndini? 15

Kufa kompheyfumlo wakho! ezo zidlele zakho zimhlophe  
okwelineni

Zidiza ukoyika. Ngamasoldati toni, le nto ibuso  
ngathi yintloya?

**Isicaka.**

Umkhosi wamaNgesi, ukuba oko kukholekile kuwe.

**UMacbeth.**

Hamb' umke apha. [Saphuma isicaka] Seyton!

Ndibuhlungu emphefumlweni

Xa ndibona — Seyton, ndithi! — olu funzo 20

Luya kundonwabiswa ngoraphakade kungenjalo lundi-  
ncothule esihlalweni sam khona ngoku.

Sendineentsukwana ndikho: indlela yam yobomi iya  
ekubhareni, igqabi liyambatsha; ke oko kufanele  
ukuhamba nobudala

Okubhekiselele kwimbeko, kuthando, kwintobelo, kwi-  
mikhosi yezihlobo, 25

Mandingasi so kuko; kodwa endaweni yako,

Iziqalekiso, ezingenangxolo kodwa ezinzulu, imbeko  
eyinkwalambisa, umoya,

Obelungathi udwayi Iwentliziyo lufun' ukubuy' umva,  
noko lungenjenjalo.

Seyton!

29

## Kungena uSeyton.

**USeyton.**

Ubenqwenela ntoni umhlekazi?

**UMacbeth.**

Ziindaba zini ezizezinye?

**USeyton.**

Konke kuqinisekisiwe, mhlekazi, osekuxeliwe.

**UMacbeth.**

Ndiya kulwa ide inyama esemathanjeni am ibengelwe phantsi.

Ethe isikrweqe sam.

**USeyton.**

Asikafuneki nganto.

**UMacbeth.**

Ndiya kusigaxela.

Khupha elinye inani lamahashe, ligqogqagqogqe ilizwe ngokukhawuleza; 35

Ubaxhome abo bathetha ngokoyika. Ethe isikrweqe sam.

Umlwelwe wakho uqhuba njani, gqira?

**IGqira.**

Awubambekanga, mhlekazi,

Naxa nje uzidubaduba ngeengcingane ezifika ziluthotho,

Ezitsho ke ungalali kakuhle.

**UMacbeth.**

Wunyange kuloo nto:

Akunakho na ukunceda ingqondo engaphilanga, 40

Uncothule enkumbulweni usizi olwendeleyo,

Uchithachithe ezo nkathazo zinamatheleyo engqondweni,

Uze ngeyeza elimnandi eligxotha iinkumbulo

Uhlambe eso sifuba sifumbethe oni noni, abanobungozi

Obuthe zinzi phezu komphefumlo?

**IGqira.**

Oko umlwelwe

Mawuzincede kuko ngokwawo.

**UMacbeth.**

Phosa loo michiza ezinjeni; andiyikhathalele nganto.

Yiza undinxibise isikrweqe sam; ethe intonga yam.

Seyton, thumela. — Gqira, iinduna ziwasaba kum. —

Yiza, mhlekazi, khawulezisa. — Ukuba ubunakho, gqira, ukufumana 50

Kwesi sandla sam, unobangela wesi gulo sakhe,

Usikhuphele ngaphandle abe sempilweni eyomeleleyo neyamhla mnene,

Bendingakuncoma ndicand' izwe,  
Ndiphindaphinde ukukuncoma — ndithi sincothule. —  
Yirubhabhu, senna, mhlawumbi yeza lini lirudisayo 55  
Elingandigxothela la maNgesi emke apha? Kukho nto  
uyivileyo ngawo?

**IGqira.**

Ewe, mhlekazi; amalungiselelo enkosi yam le  
Atsho sibe nento esiyivayo.

**UMacbeth.**

Mayibe ngasemva kum.  
Andiyi kukoyika ukufa nentshabalalo  
Lide ihlathi laseBirnam lize eDunsinane. 60

**IGqira.**

[Bucala] Akwaba bendikude neDunsinane ndikhululekile  
Akukho mali yanzuzo ibingabuye inditsalele apha.  
/Baphuma.

#### Umboniso IV.

##### KWILIZWE ELIKUFUPHI NEHLATHI LASEBIRNAM

Kungena, iguba neebhanile, uMalcolm, iNdod' enkulu  
uSiward nonyana wakhe, uMacduff, uMenteith, uCaith-  
ness, uAngus, uLennox, uRoss, namasoldati **amatshayo**.

**UMalcolm.**

Zizalwane, ndiyathemba ukuba imihla ayisekude  
Yokuba umntu ahlale ekhayeni lakhe engenaloyiko  
lwangozi.

**UMenteith.**

Asithandabuzi nto.

**USiward.**

Lihlathi lini eli lithe zinzi phambi kwethu?

**UMenteith.**

Lihlathi laseBirnam.

**UMalcolm.**

Malithi isoldati ngalinye lizigawulele isebe 5  
Lilithwale phambi kwalo: ngaloo ndlela soba nokubu-  
fihla ubungakanani  
Bomkhosi wethu, sibe nezinto esiziphawulayo  
Phambi kokuba kwensiwe ingxelo ngathi.

**Amasoldati.**

Oko kuya kwenzeka.

**USiward.**

Akukho nto iyene siyifumanayo ngaphandle kokuba

Olawula ngogonyamelo, ozithembileyo kanjalo  
Uhleli akashukunyiswa nto eDunsinane, elinde ukunqinqwa sithi. 15

**UMalcolm.**

Lilona themba aqamele ngalo;  
Kuba apha ngekuba kukho ulutho olunokufumaneka,  
Abakhulu nabancinane bamvukele,  
Kube kungekho bamkhonzayo, ngaphandle kwezo zinto  
ziqhutywa lunyanzelo,  
Zintliziyo zazo nazo zingekhoyo apha.

**UMacduff.**

Maluthi ugwebo esilwenzayo lwenze kuhle de sibone  
Eyona nto kuyiyo, olohi ke lube lolufaneleke ngenene,  
ke masizilungiselele ukulwa kangangoko sinakho.

**USiward.**

Iixa selikufuphi  
Elohi ngesiphumo esisiso lenze sazi  
Oko siya kuthi kuwe kuthi noko kusiphulukileyo.  
Iingcamango nje zokuzikhelela emoyeni zinika amathemba aphuthileyo. 20  
Kodwa amagalelo aqinisekileyo ngawo agqib' intetho,  
Ethi ke imfazwe ikhokelele kuwo.

/Baphuma, bematsha.

**Umboniso V.**

EDUNSNANE. NGAPHAKATHI KWEKHASILE

Kungena, kune negubu neebhanile, uMacbeth, uSeyton  
namasoldati.

**UMacbeth.**

Zilengalengiseni iibhanile zethu kwiindonga ezingaphandle;  
Imikhwazo ise yethi, 'Bayeza': umkhosi wekhasile  
yethu  
Wod' uqikileke uhleka olo raqo; bayekeni balale apha  
Ide indlala neentuthumbo zibabhuqe tu;  
Ukuba ibe ingeyiyo into yokuba bongezelwe ngabebe-fanel' ukuba ngakuthi, 5  
Besiya kugagana nabo ngonyantsulo, intshebe igudlane  
neny' intshebe,  
Sibaswantsulise ukubagodusa.

/Isililo samabhinka ngaphakathi.  
Yingxolo yantoni leyo?

**USeyton.**

Sisililo samabhinka mhlekazi.

**UMacbeth.**

Sendiphantse ndalibala ukuba kukho into eluloyiko.  
Lakha lakho lona ixesha ebe kusakutsho kubande kum 10  
Ndisakuva isililo esibukhali ebusuku, zithi hlathu iinwele  
zime

Libali elimanyumnyezi  
Ngokungathi ubomi bukuzo. Ndidibene kakhulu nezinto  
ezoyikekayo;  
Isikizi, eliqhelekileyo kwiingcamango zam zobugebenga,  
Alisenakundothusa.

**Kungena uSeyton kwakhona.**

Ibisisisililo santoni eso ?

15

**USeyton.**

Ukumkanikazi, mhlekazi, ubhubhile.

**UMacbeth.**

Akwaba ebefe emva kwakalokunje;  
Bekuya kubakho ithuba leendaba ezilolo hlobo.  
Ingomso, nengomso, nengomso,  
Linwenwezelala kancinane lingénelela mihla le,

20

Kwaye kuya kuba njalo kude kuse esiphelweni sexesha;  
Aye onke amangezolo ethu azibonakalisa elusuku  
lokugqibela

Kwabo bathi ngobuyatha bathembele kumangomso.  
Mka, mka, sikhanyiso sexeshana!

Ubomi busisithunzi nje esihambayo, umdlali ongaxel' into  
Ondolosa, abonakale ecaphuka ngethuba lakhe eqo-  
njeni,

25

Kube ke kuperela kwantsomi kuye; bulibali  
Elibaliswa ngosisitunxa, esifundekela ngengxolo nobu-  
vuthevuthe,

Konke kungafumbethe nto.

**Kungena iSithunywa.**

Uze kusebenzisa ulwimi lwakho; thetha ke oze ngako  
ngokukhawuleza.

**ISithunywa.**

Nkosi yam enesithozela,  
Ndinga ndinganik' ingxelo ngoko ndithe ndakubona,  
Kodwa andazi ukuba ndingayiqala ngelithini na.

30

**UMacbeth.**

Kambe, khawud' uphum' entweni, mfokazi ndini.

**ISithunywa.**

Ndithe njengoko ndimi ndalusile ngeliso ndisendulini,

Ndaphos' iso ngaseBirnam, suka kwangoko, ndaba  
ndibona,  
Ihlathi liqala ukushukuma.

**UMacbeth.**

Xoki ndini, khoboka ndini!

35

**ISithunywa.**

Mandimelane nayo ingqumbo yakho ukuba akunjalo:  
Kwisithuba esiziimayile ezintathu ungalibona lisiza;  
Ndithetha mna, ityholo elishukumayo.

**UMacbeth.**

Ukuba uthetha ubuxoki,  
Kumthi wokuqala esifika kuwo wena uya kulengale-  
ngiswa ungophilileyo,  
Ide indlala ikuswamise; ukuba intetho yakho inobunya-  
niso, 40  
Andingekhathali xa unokuthi undiphathe kwangolo  
hlobo.

Ndilawula ngokommiselo ndaye ndiqala  
Ukubuthandabuza ubumbolombini bedemoni  
Exoka ngokungathi inyanisile; ‘Ungoyiki, lide ihlathi  
laseBirnam

Lize eDunsinane;’ ke ngoku ihlathi 45  
Liza eDunsinane. Qubulan’ izikrweqe, qubulan’ izi-  
krweqe, nifunz’ empini!

Ukuba oku akufungelayo kuthe kwehla,  
Akukho kusaba kule ndawo, kungekho nakuzilazila apha.  
Ndiyaqala ukukruquka lilanga,  
Ndaye ndinqwenel’ ukuba intlalontle yehlabathi ibe  
ngoku ibibuchithi. 50

Betha intsimbi leyo yexilongo! Vuthuza moya! yiza,  
tyoboza!

Masife zona izikrweqe sizihiwule.

/Baphuma.

## Umboniso VI.

KWALAPHO. ITHAFA ELIPHAMBI KWEKHASILE

Kungena, kunye negubu neebhanile, uMalcolm, iNdod’  
enkulu uSiward, uMacduff, njl. nomkhosi wabo namasebe  
emithi.

**UMalcolm.**

Sikufuphi ngokwaneleyo ngoku; zifuleni phantsi izikh-  
selo zenu zamagqabi,

Nibonakale niyiloo nto niyiyo. Wena ke, malume ozokileyo,  
Kunye nesizalwane sam esi, unyana lo wakho ke uzukenge  
ngenene,  
Niya kukhokela kuluhlu lomkhosi wethu lokuqala;  
uMacduff onendili kunye nathi  
Sojongana noko kusafuneka kwensiwe, 5  
Ngokwemigqaliselo yethu.

**USiward.**

Salani kakuhle.  
Ukuba sinokuthi sibonane nomkhosi ngokuhlwanje  
womgonyameli,  
Masiswantsuliswe, xa singenakho ukulwa.

**UMacduff.**

Makatsho ngentswahla onke amaxilongo ethu; bavuthe  
leni bonke,  
Abo banduleli baxokozelayo begazi nokufa. 10

/Baphuma.

**Umboniso VII.**

KWALAPHO. KWELINYE ICALA LETHAFA.

Intsholo yamaxilongo. Kungena uMacbeth.

**UMacbeth.**

Bandikhuleke esisingeni; andinakusaba,  
Kodwa ke ngokwebhere ndimelwe kukuzivulela umtyhi.  
Kuba eyintoni  
Lowo ungazalwanga ngumfazi? Ngololo hlobo kuphela  
Ema ndimoyike, ongomnye yena nakanye.  
Kungena umfana uSiward.

**UMfana uSiward.**

Ungubani igama lakho?

**UMacbeth.**

Uyakoyika ukuliva. 5

**UMfana uSiward.**

Yinqaba; nokuba sewude uzibize ngegama elishushu  
Kunalo naliphi na elisesihogweni.

**UMacbeth.**

Igama lam nguMacbeth.

**UMfana uSiward.**

USathana ngokwakhe ubengenakubiza gama  
Linyanyeka endlebeni yam ngaphezu kwelo.

**UMacbeth.**

Cha, kungekho neloyikeka ngaphezulu.

### **UMfana uSiward.**

Waxok' apho, ngqwangangqwili ndini inezothe; ngaso  
isinkempe sam

Ndiya kukwenza ubuqonde obu buxoki ubuthethayo.

/Bagagana waza umfana uSiward wagwazwa.

### **UMacbeth.**

Wena wazalwa ngumfazi:

Kungoko ndincuma nje ndakuzibona izinkempe, ndiphole  
yintsini

Ndakubona izixhobo,

Kulekulekuzwa ngazo ngumntu ozelwe ngumfazi.

/Waphuma.

**Intsholo yamaxilongo. Kungena uMacduff.**

### **UMacduff.**

Ikwelaa cala ingxolo. Sikhohlakali ndini, zibonakalise  
ubuso bakho:

Ukuba uthe wagwazwa ungenawo owam umvumbo, 15  
Isiporo somkam nezabantwana bam ziya kuthi gqolo  
ukundikhathaza.

Andinakho ukuhlabi iintsizana zeendlavini, ezingalo zazo  
Ziqeshelwe ukuthwala izinti zemikhonto: kukho ukuba  
ibe nguwe Macbeth,

Okanye isinkempe sam, uhlangothi lwaso lungatyho-  
mfekanga,

Ndisibuyisele esingxobeni saso singenzanga nto. Nanko  
ke apho 20

Ufan' ukuba khona;

Ngolu gwaqazo lukhulu, olona lukhulu ngathi luvaka-  
lisiwe.

Mandimfumane, Camagu!

Andiceli kumbi ngaphandle koko.

/Waphuma. **Intsholo yamaxilongo.**

**Kungena uMalcolm nendod' enkulu uSiward.**

### **USiward.**

Nganeno, mhlekazi; ikhasile inikezelwe ngaphandle  
komxhathiso:

Abantu bomgonyameli balwa kwabodwa; 25

Iinduna ezizukileyo zilwa ngokhalipho emfazweni;

Ngathi imini le seyizixela ukuba impumelelo yejakho,  
Sekukuncinane oma kwenziwe.

### **UMalcolm.**

Silwa neentshaba eziman' ukutsho ecaleni kuthi.

**USiward.**

Ngena, mhlekazi, kuyo ikhasile.

/Baphuma. Intsholo yamaxilongo.

### Umboniso VIII.

**Kungena kwakhona uMacbeth.**

**UMacbeth.**

Kungasizathu sini ukuba ndibe ndilinganisa isiphoxo  
saseRoma, ndife nditshele kuso isinkempe sam? kanti  
nje ndibona iintshaba eziphefumlayo, imityadidi yegazi  
ilunge kuzo. 31

**Kungena kwakhona uMacduff.**

**UMacduff.**

Phethuka, nja ndini yesihogo, phethuka!

**UMacbeth.**

Kubo bonke abantu ndizame ukukuphepha:  
Kodwa ke buya umva, umphefumlo wam sewunobutyala  
obukhulu kakade  
Ligazi labakho.

**UMacduff.**

Andinanto yakuthetha; 35  
Ilizwi lam likwikrele lam,ndlavini ndini ixhaph' igazi  
Kunokuba amazwi abe nokukuchaza!

/Baphuthumana.

**UMacbeth.**

Ufuman' uziduba:  
Kungalula kanye ukusika lo moyo ungasikekiyo  
Ngalo ikrele lakhe elibukhali kunokuba lindenze ndophe:  
Uhlangothi Iwekrele lakho maluwe kwezo zindwe zi-  
ngxwelerekayo; 40  
Ndinobomi obunentelezi, obungenakuzinikela  
Kulowo uzelwe ngumfazi.

**UMacduff.**

Yilibale loo ntelezi yakho;  
Uyekele eso sikhohlakali sengelosi usasikhonzayo  
Sikuxelele, uMacduff wavela ngokukrazulwa kwesi-  
beleko sikanina  
Ngaphambi kwexesha lakhe. 45

**UMacbeth.**

Maluqalekiswe olo Iwimi lundazisa loo nto,  
Kuba litsho labanda elo cala kum lisenobuntu:  
Makungabisakholelwa nto yanto kwezo demoni zimfa-  
mekisayo,

Ezisenzela amaqhetseba ngentetho ebumbolombini;  
Agcina ilizwi lesithembiso endlebeni yethu, 50  
Alaphule kulo ithemba lethu. Andiyi kulwa nawe.

**UMacduff.**

Zinikele ke, gwala ndini,  
Uphilele ukuba yinto yomboniso, nekwalathiswana ngayo  
mihla le:  
Sya kukugcina kanye ngaloo ndlela senza ngayo kuma-  
gongqongqo anqabileyo,  
Uxhonywe esibondeni, kubhalwe kwenjiwe nje ngapha-  
ntsi, 55  
'Mboneni nanku olawula ngogonyamelo.'

**UMacbeth.**

Andiyi kuzinikela,  
Ukuba ndilence umhlaba phambi kweenzwane zemve-  
kwana uMalcolm,  
Ndize njengebhore ezinjeni ndibe ndijongene nesiqalekiso  
sobuvuvu.  
Nokuba ihlathi laseBirnam selide lize eDunsinane,  
Nawe ujongane nam, njengongazalwanga ngumfazi, 60  
Noko ke ndokhe ndijambalaze okokugqibela: phambi  
komzimba wam  
Ndiyaliphosa ikhaka lam lemfazwe. Libambe, Macduff,  
Maze acekiseke lowo owoba ngowokuqala ukuthi,  
'Pheza, kwanele!'

/Baphuma, besilwa.

**Kwaroxwa. Kwahlokomama amaxilongo. Kwangenwa kwa-  
khona, negubu neebhanile, nguMalcolm, neNdod' enku-  
lu uSiward, noRoss, neeNduna naMasoldati.**

**UMalcolm.**

Akwaba ezo zihlobo zingekhoyo phakathi kwethu bezi-  
ngafika ziphila.

**USiward.**

Kuyimfanelo ukuba kubekho ejijubayo; kanti ke, ngaba  
ndibabonayo, 65

Imini engaka ukuba nkulu ifumanekile lula.

**UMalcolm.**

UMacduff akaho, kwakunye nonyana wakho ozukileyo.

**URoss.**

Unyana wakho, mhlekazi, uzuze oko kuhleli kulindelekile  
egoreni:

Nguye kuphela okrotyiswe nje ebudoden;

Akachitha xesha ukubonisa ubukhalipha bakhe 70  
Kuloo ndawo alwe kuyo akabhetyeza,  
Koko wafa ngokwendoda.

USiward.

Oko kukuthi ujubile?

URoss.

Ewe, wakhutshelwa ngaphandle kwethafa ledabi. Isizathu  
sosizi Iwakho  
Masingathelekiswa nokuxabiseka kwakhe, kuba xa ku-  
njalo  
Asinasiphelo.

USiward.

Amanxeba akhe ebengaphambili?

75

URoss.

Ewe, ngaphambili.

USiward.

Intetho yeantoni ke, uligora likaThixo!  
Ukuba ndibe ndinonyana abangangeenwele endinazo,  
Bendingebanqweneleli luhlobo lokufa lufaneleke ngaphezu  
kolu:

Ngoko ke, intsimbi yakhe yomngcwabo ibethile.

UMalcolm.

Ulufanele uzilelo olukhulu kunoko,  
Ndaye ndiya kumzilela.

USiward.

Akafanele luzilelo lulolunye; 80  
Bathi uhambe kakuhle, elihlawule ityala lakhe:  
Ngamana ke uThixo anganaye! nalu lusiza olutsha  
ulonwabiso.

Kungena kwakhona uMacduff, kune nentloko kaMacbeth.

UMacduff.

Bayethe, kumkani! kuba uyiyo. Bona,  
Nantso imi  
Intloko eqalekisekileyo yomphangi-gunya: ixesha lenku-  
luleko lifikile:  
Ndikubona ungqongwe lugwece lobukumkani bakho, 85  
Olukubulisa ngeso sikhahlelo ndikubulise ngaso emiphe-  
fumlweni yalo;  
Olulizwi lalo ndinga ndingalivakalisa kakhulu ngelam;  
Bayethe, Kumkani waseSkotlani!

Bonke.

Bayethe, Kumkani waseSkotlani!

/Intsholo yamaxilongo.

## **UMalcolm.**

Asiyi kuba sachitha xesha lide  
Phambi kokuba sicinge ngothando lwenu elowo nalo-  
wo, 90  
Sinibuyekeze ngawo umsebenzi wenu. Zinduna zako-  
wethu nani zalamane zam,  
Ukuthabathela ngoku yibani zizidwangube, ezokuqala  
eyakha iSkotlani  
Yazinika elo wonga. Yintoni eyenye ema yenziwe,  
Engathi idalwe ngokutsha kunye nexesha eli,  
Enje ngokubizela ekhaya izihlobo zethu ezakwaywayo,  
zathi saa elizweni 95  
Ezabaleka imigibe yobungqwangangqwili ezithiyiselwe  
ngayo;  
Enje ngokuzisa ngaphambili abakhonzi abakhohlakeleyo  
ematyaleni  
Besi sigebenga sifileyo kunye nekumkanikazi yaso ebu-  
demoni,  
Ekucingeleka ukuba yaphulukana nobomi bayo  
Ngokuzibulala; oku ke, nokungaba kokunye okufune-  
kayo 100  
Okulindeleke kuthi, ngofefe lukaSolufefe  
Sya kukwenza, kangangoko, ngexesha, nendawo:  
Okwangoku, siyanibulela nonke kunye saye kulowo  
nalowo  
Sivakalisa isimemo sethu ukuba aye kusibona sibekwa  
izitshaba eSkoni.

**/Intsholo yamaxilongo. Kwaphunywa.**

---

**22 JUN 1970**

